<p>Uphuhliso lwaBasebenzi bezoKhenketho</p> <p>a) Isigidimi soKhenketho</p> <p>b) Ii-SMS ezithunyelwa kubantu abaninzi</p> <p>c) Ii-imeyili ezithunyelwa kubantu abaninzi</p> <p>d) Omnye nomnye</p> <p>e) Amaphulo okwazisa uluntu</p>	<p>Ukufezekiswa kodliwano-ndlebe nabaxumi ngokukhuthazwa kokuzibandakanya kwabo bachaphazelekayo phakathi kwabo nokwandisa uPhuhliso loKhenketho lweZabasebenzi ngokuthi:</p> <p>a) Uphuhliso lweZabasebenzi beZokhenketho lunika igalelo kwiZigidimi zeSebe (njenge mfuneko).</p> <p>b) Zange kusetyenziswe ii-imeyili ezithunyelwa kubantu abaninzi</p> <p>c) Ii-imeyili ezithunyelwa kubantu abaninzi</p> <p>d) Ukuzibandakanya nabachaphazelekayo kunye neqela kunye nokubonana omnye nomnye</p> <p>e) Umsebenzi (Amaphulo emiboniso yokwazisa uluntu)</p>	<p>b) Ii-SMS ezithunyelwa kubantu abaninzi zange ziphunyezwe ngqo sisigqeba esingezantsi esiphetheyo. Amanye amahlakani aziswa ngee-Emeyile ezithunyelwa kubantu abaninzi, iingxoxo zamaqela amahlakani okanye ngamanye ngamanye, i.e. iKomitana HRD yoKhenketho. Ukukhutshwa kwezinganelo yezophuhliso lwezabasebenzi loKhenketho iquke intsebenziswano yamahlakani kwaye abathengisi bayisebenzisile lenkqubo ngexesha lokwenziwa kweprojekti ngoku kwakufuneka kuqhagamshelwene nabaxhamli.</p>

Uhlobo lolungiselelo	Abona Bazuzi	Amagqabantshintshi (Ukuphambuka okunokwenzeka)
<p>f) Jamborees</p> <p>g) Izimbizo's</p> <p>h) Iziganeko zoKhenketho</p> <p>i) Ilibrowutsha kunye nephamflethi zeNkxaso yeZokhenketho</p> <p>j) Amaphepha-ndaba esiphaluka</p> <p>k) Uphando lokwaneliseka kwabaxumi</p>	<p>f) Ulwazi olunikeziweyo kumagosa eSebe aye kwiinkqubo zokufikelela ekuhlaleni ezidityanisiweyo (Jamborees/iindibano zokwazisa ngezemisebenzi).</p> <p>g) Ulwazi olunikeziweyo kumagosa eSebe ngokuya kwiimbizo.</p> <p>h) Iziganeko zoKhenketho umz. umsebenzi malunga nezakhono zoKhenketho</p> <p>i) I-Browutsha namaphetshana</p> <p>j) Amaphepha-ndaba esiphaluka asetyenziselwa ukuqalisa kwe projekthi yeZakhono zoKhenketho ukufumana ulutsha olusaqalayo. Ukusetyenziswa kwe-webhusayithi kaRhulumente ngokwemigaqo yolwazi olunexabiso elifikelekayo ukulungiselela iiprojekthi ezifanelekileyo umz. (iNkqubo yeMali eNikelwe iMfundo kunye noKhenketho ngokuMiswe Phantsi koLawulo lukaRhulumente.)</p> <p>k) Uphando lokoneliseka kwabathengi lwasetyenziswa njengolungiselelo lodliwano-ndlebe kwiiiprojekthi ezohlukeneyo zoPhuhliso leZabasenezi boKhenketho. Oku kwaquka iNkqubo yokuBonakala kwemisebenzi apho abafundi kunye nabo bamkela abaqeshwa banikwa ingxelo yemeko yokufakwa kwa kwabo ensebenzini emveni kwenkqubo ekhoyo. Umzantsi Afrika waqalisa ukukhokela uqeqesho apho kwaqukwa neefomu zovavanyo loqeqesho ekupheleni koludwe lwezifundo zoqeqesho lweqela labathunywa.</p>	
<p>Isiqinisekiso soHlobo lweemveliso zokhenketho kunye nomtsalane wemi-fanekiso yenkolo ethile</p> <p>a) Incwadi ethunyelwa amalungu oKhenketho</p> <p>b) Ii-SMS ezithunyelwa kubantu abaninzi</p> <p>c) Ii-meyili ezithunyelwa kubantu abaninzi</p>	<p>a) Ukunika izimvo kwincwadi ethunyelwa amalungu eSebe (njengokuba kuyimfuneko).</p> <p>b) Ii-imeyili nenkcukacha zoqagamshelwano</p> <p>c) Ii-meyili ezithunyelwa kubantu abaninzi</p>	<p>a-b) Akukho mfuneko yolungiselelo lodliwano-ndlebe kule nkono. Akusetyenziswa.</p> <p>c) Imbalelwano eqhubekayo nge-emeyile namahlakani iqinisekisa ukuba sihlala sisazi ngemiba yangoku ekumele zihlangabezane nayo.</p>

Uhlobo lolungiselelo	Abona Bazuzi	Amagqabantshintshi (Ukuphambuka okunokwenzeka)
d) Ukubonana omnye nomnye	d) Uqhagamshelwano lokubonana omnye nomnye kunye nolawulo lwabasebenzi beZokhenketho	d) Uqhagamshelwano omnye nomnye
e) Amaphulo okwazisa uluntu	e) Ukubanjwa kweentlanganiso ze-RTLC zemiboniso yokuzisa ulwazi eluntwini kummandla ngamnye	e) Amaphulo okwazisa uluntu ngokubanjwa kweentlanganiso zeRTLC kummandla ngamnye
f) Jamborees	f-g) ISebe lithatha inxaxheba kwiiNkqubo zePhulo loLuntu ngokuHlangeneyo (iintlanganiso ezinkulu)	f-i) Akukho mfuneko yolungiselelo lodliwano-ndlebe kule nkonzo. Aku-setyenziswa.
g) Izimbizo's		
h) Iziganeko zokhenketho	h-i) Akukho mfuneko yolungiselelo lodliwano-ndlebe kule nkonzo nangona iziganeko zokhenketho kunye nezeNkxaso yeTiered yoKhenketho zikhokelwa liSebe.	
i) Inkxaso yoKhenketho lweTiered		
j) Ilibrowutsha kunye neephambflethi	j) Ukusasazwa kweebrowutsha kunye neephambflethi: Ukupapashwa kweengcebiso zokhuseleko loKhenketho ngeelwimi ezi-6. Ukukhokela kwizalathisi zendlela zoKhenketho kunye neenkukacha zoqhagamshelwano kwanemigaqo esasaziweyo.	j) Ukusasazwa kweebrowutsha kunye neephambflethi kulo lonke elaseNtshona Koloni: lingcebiso zokhuseleko lokhenketho. Ukukhokelwa kwizalathisi zendlela zoKhenketho kunye neenkukacha zoqhagamshelwano kwanemigaqo esasaziweyo.
k) Amaphepha-ndaba esiPhaluka	k) Ukusetyenziswa kwamaphepha-ndaba eSiphaluka ngabachaphazelekayo bangaphandle njengenxalenye yokuqalisa koqeqesho lweZakhono zoKhenketho ukulungiselela ukufumana abafundi abatsha kunye norhwebo lwenkqubo efanelekileyo.	k-l) Akukho dliwano-ndlebe luyimfuneko kule nkonzo. Akusetyenziswa
l) Uvavanyo lokukholiseka kwabaxumi	l) Iqela lokuQwalaselwa noVavanayo olwenziwa liSebe lakhokela inkqubo yeNkxaso kunye noKhuseleko	

Qwalasela: itemployiti yamalungiselelo okucebisana kunye netafile yabaXhamli beenkonzo iye yalungiswa ukuze ibonise bhe-tele imisebenzi kunye nokwenziwe ngokuphumelelayo kwezicwangciso zokuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo liSebe.

Ubuchule bokufikeleleka kuhanjiso lweenkonzo

Ubuchule bokufikeleleka	Okona kufezekisiweyo
<p>Uphuhliso lwezabasebenzi bezoKhenketho</p> <p>a) Umgangatho we-10 kwiSakhiwo iWaldorf</p> <p>b) Umanyano lwabaQeshi, umz. FEDHASA njl.njl.</p> <p>c) Amaziko eMfundo yoBugcisa</p> <p>d) Cape Gateway</p> <p>e) SETA's (CATHSSETA)</p>	<p>a) Umgangatho we-10 kwiSakhiwo iWaldorf</p> <p>b) Umanyano lwaBasebenzi, umz. FEDHASA, iQela leWestern Cape HR Hospitality Forum kunye neKomiti yoPhuhliso lweZakhono njl.njl.</p> <p>c) Amaziko eMfundo yoBugcisa (amaziko eHEI kunye ne-FET)</p> <p>d) Cape Gateway</p> <p>e) SETA's (CATHSSETA)</p> <p>Isicwangciso sobuchule Obongezelwelweyo bokuFikelele kuhanjiso lweenKonzo:</p> <p>Okona kufikelele kuhanjiso lweenkonzo kwafezekiswa ngokufikelela ngqo kwii-ofisi zeSebe. Ukubanjwa kodliwano-ndlebe nabachaphazelekayo kunye nabaxhamli ngokuthe ngqo nangokungekho ngqo ukufikeleleka kulwazi loPhuhliso loLawulo lwaBasebenzi beZokhenketho.</p>
<p>attractionUkuqinisekisa uhlobo lwezoveliso zokhenketho kunye neendawo ezinomtsalane</p> <p>a) Umgangatho we-10 kwiSakhiwo iWaldorf</p> <p>b) I-Ofisi yoLawulo lwaBantu abaQashelwe eZokhenketho kwiSiphaluka</p> <p>c) Cape Gateway</p>	<p>a) Umgangatho we-10 kwiSakhiwo iWaldorf</p> <p>b) I-Ofisi yoLawulo lwaBantu abaQashelwe eZokhenketho kwiSiphaluka</p> <p>c) Cape Gateway</p>

Isixhobo solwazi ngeenkonzo

Iintlobo zezixhobo zolwazi	Okona kufezekisiweyo
	<p>Kusetyenziswe izixhobo zolwazi ngeenkonzo ngexesha ebekuboniswa nabachaphazelekayo phakathi kwabo basebenza ngokhenketho nangexesha kuqaliswa inkqubo yoNgeneliso kwiMicimbi yezaBasebenzi bezoKhenketho</p> <p>Kuye kwasetyenziswa ezi zixhobo zilandelayo zolwazi ngeenkonzo ezikhoyo:</p>
a) Isigidimi	a) Uphuhliso lwabasebenzi bezoKhenketho olunikeza amanqaku kwiSigidimi seSebe (xa oko kuyimfuneko).
b) Ii-SMS ezithunyelwa kubantu abaninzi	b) nkqubo yee-SMS ezithunyelwa kubantu abaninzi ibingenziwa licandelwana koko ibisenziwa ngabo bachaphazelekayo. Ababandakanyeka kumiselo lwale projekthi baziswa ngee-imeyili ezithunyelwa kubantu abaninzi, unxibelelwano lomntu nomnye okanye iqela labachaphazelekayo umz. Ikomitana yeHRD yeZokhenketho. Ukuqalisa kwamaphulo oPhuhliso lweZabasebenzi boKhenketho aquka iqoqo lentsebenzizwano nabo bachaphazelekayo ekuphumezeni iprojekthi. Ababoneleli nabo bachaphazelekayo basebenzise le nkqubo ngexesha lokuphumeza iprojekthi xa kufuneka benxibelelene nabo baxhamlayo.

Isixhobo solwazi ngeenkono

Intlobo zezixhobo zolwazi	Okona kufezekisiweyo
c) Ii-imeyili ezithunyelwa kubantu abaninzi	c) Ii-imeyili ezithunyelwa kubantu abaninzi
d) Amaxwebhu apapashiweyo (iibrowutsha, iiphamflethi)	d) Iibrowutsha kunye neephamflethi
e) Imisitho yoBoniso	e) Imisitho yoboniso umz. iSebe leZabasebenzi
f) Amaphulo okwazisa uluntu ngamakhono abanokuwalandela	f) Ukubanjwa kwamaphulo okwazisa uluntu umz. ukujolisa kubafundi ezikolweni babenokuqonda ngomsebenzi, abapase ibanaga leshumi nabo bangaphangeliyo kunye neeFETs zoluntu
g) Amajelo eendaba	g) Amaphepha-ndaba esiphaluka umz. iiprojekthi zoqeqesho lwezakhono zokwazisa abo bachaphazelekayo bangaphandle kwimimandla ekusetyenzwa kuyo ukuthengisa nokufumana abantu abatsha abalulutsha kulungiselelo lweprojekthi ezakuqalisa
h) Ingxelo yoNyaka	h) Ingxelo yoNyaka
i) IWebhusayithi	i) Cape Gateway
<u>Uqinisekiso lweMigangatho yeMveliso zoKhenketho nezinto ezingumtsalane</u>	
a) Isigidimi	
b) Ii-SMS ezithunyelwa kubantu abaninzi	
c) Ii-imeyili ezithunyelwa kubantu abaninzi	c) Ii-imeyili neeLTO nabo bachaphazelekayo
d) Amaxwebhu apapashiweyo (iibrowutsha, iiphamflethi)	d) Iibrowutsha neephamflethi zihanjiswe kwiNtshona Koloni yonke: lingcebiso ngokhuseleko kukhenketho zipapashwe ngeelwimi ezi-6. Kuhanjiswa izikhokelo zeempawu zendlela zokhenketho kunye neenkukacha zoqhagamshelwano.
e) Imisitho yoBoniso	e) Amaphulo okwazisa uluntu neeNtlanganiso ezibanjwe neKomiti yokuQuquzelela uKhenketho loMmandla (RTL)C
f) Amajelo eendaba	f) Ingxelo yoNyaka
g) Ingxelo yoNyaka	g) I-Webhusayithi yePhondo
h) I-Webhusayithi	
	Isixhobo zolwazi ngeenkono ezongezelelweyo: Unxibelelwano lomntu ngamnye

Inkqubo yokufaka iziKhalazo

Iinkqubo yokufaka iziKhalazo	Ezona zinto Ziphunyeziweyo
<p><u>Uphuhliso lwezaBasebenzi boKhenketho</u></p> <p>a) Isakhiwo iWardorf – Ulungiselelo lwabakhubazekileyo</p> <p>b) Ukuhlangana nabaphathi</p> <p>c) Imbalelwano</p> <p>d) Uvavanyo-zimvo lokoneliseka kwabasebenzisi-nkonzo</p> <p>e) Ibhokisi yeengcebiso</p>	<p>Kuye kwamiselwa inkqubo yezikhalazo yabantu abazuzana nabangazuzi ngqo, kusetyenziswa:</p> <p>a) Isakhiwo iWardorf – Ulungiselelo lwabakhubazekileyo</p> <p>b) Ukuhlangana nabaphathi</p> <p>c) Imbalelwano</p> <p>d) Kwenziwe uvavanyo-zimvo lokoneliseka kwabasebenzisi-nkonzo kwezinye iinkqubo zoKhenketho zeHRD. Kuzakuphandwa ngezinye izixhobo ezinokusetyenziswa kunyaka-mali 2013/2014.</p> <p>Ibhokisi yeengcebiso ayikho nanjengoko iiprojekthi ezenziweyo zenziwe nabantu abasebenza ngokhenketho abathi bancedisa ngokumiselwa kwazo kwimimandla eyohlukileyo nto leyo engadinganga ibhokisi yeengcebiso enye yabo bonke abachaphazelekayo. Umhla webhokisi yeengcebiso eseofisini uza kuphinda uphononongwe kunyaka-mali ka-2013/14</p>
<p><u>Uqinisekiso lweMigangatho yeMveliso zoKhenketho nezinto ezingumtsalane</u></p> <p>a) Isakhiwo iWardorf – Ulungiselelo lwabakhubazekileyo</p> <p>b) Ukuhlangana nabaphathi</p> <p>c) Imbalelwano</p> <p>d) Uvavanyo-zimvo lokoneliseka kwabasebenzisi-nkonzo</p> <p>e) Ibhokisi yeengcebiso</p>	<p>a) Isakhiwo iWardorf – Ulungiselelo lwabakhubazekileyo</p> <p>b) Ukuhlangana nabaphathi</p> <p>c) Imbalelwano</p> <p>d) Uvavanyo-zimvo lokoneliseka kwabasebenzisi-nkonzo</p> <p>e) Ibhokisi yeengcebiso</p>

3.3 Ubume beziko

Unyaka-mali wama-2012/13 yaba ngunyaka weNjongo eCwangcisiweyo yePhondo 1: Ukudala amathuba okukhula koqoqosho nokuphunyezwa kwemisebenzi ngokupheleleyo. Ngethuba oku kuthe kwaba lithuba elichwayitisayo kwiSebe, kwabakho neminye imiceli-mngeni eyodwa ekwafuneka ukuba ikhankanywe.

Okokuqala, iSebe kufuneka lidlale indima yobunkokheli ekusetyenzisweni kweziphumo 4, 5 nese-6 zeSizwe, ngomsebenzi ofanelekileyo ngokukhula koqoqosho ngokuqukeneyo, iqela labasebenzi abanezakhono ukuxhasa isakhelo nendlela yokukhula koqoqosho kokumanyeneyo, ngempumelelo, umnatha wothungelwano kumaziko oqoqosho, ukubanako ukuphendula ngokweemfuneko kwanokwenziwa kwemisebenzi ngokwahlukahlukeneyo. Ngako oko, ezi ziphumo zesizwe zaguqulelwa kwiNjongo eCwangcisiweyo yePhondo 1: nakuxwebhu loMgaqo oCwangcisiweyo kamva, eyavunywa ngoNovemba ka 2011.

Ngokunikwa uhlobo lokhuselo lobuchule obukhankanywe kwangaphambili, kuthe kwabonakala ukuba ubume bangoku beziko elimisiweyo abuzange buyanyanise nemiyalelo efunekayo yobuchule beSebe. Owona mceli-mngeni uphambili ofunyanwa liSebe yaba kukufumana abasebenzi abafanelekileyo ukwenza umsebenzi ngokwenjongo. Malunga nalo mba, iSebe okwangoku liqalise umsebenzi woPhuhliso loMbutho, nekuthenjwa ukuba awuzukunceda kuphela ekumisweni kolawulo lwezabasebenzi olufanelekileyo apho kuyimfuneko, uyakuthi uqinisekise ukuba kuyakuthi kubekho inani elincomekayo labaqeshwa ngokwaneleyo. Kufuneka kuthathelwe ingqalelo ukuba inkqubo yoYilo loMbutho ithe yathatha iminyaka emibini ukuba isebenze, nto leyo ithe yabangela ukuba inani labanye abaqeshwa lingabinakulungiseleleka, nto leyo ithe yachapazela izikhundla zabo emsebenzini.

Uphuhliso lwezoRhwebo naMashishini, apho kukho imfuneko yokunyula inani elibalekayo labantu kwizikhundla zokumela indawo yomntu othile ukusuka kuMaphathi weNkqubo ukuhla, kwaba yimfuneko. Oku kukwathetha ukuthi izikhundla eziphezulu, ezifana nezesekele lamashishini empahla elukiweyo zange zibe nokuzaliswa. Le miceli-mngeni yathi kwakhona yafunyanwa kwiNkqubo 5: Isicwangciso soQoqosho, apho abaqeshwa batshintshelwa e-Ofisini yeNtloko yeSebe ukuncedisa kwimiba eyahlukeneyo yolawulo ngokunqamlezileyo.

Ukongeza, ngoNyaka-mali wama-2012/13 i-OCP yaba noxanduxa lokuphumeza umthetho wama-2008 woKhuseleko lwaBasebenzisi beZinto, (umthetho 68 wama-2008). Lo mthetho ukhankanywe kwangaphambili ulungise kabukhali ubume bentengiselwano phakathi kwabathengi kunye namashishini kwanamanyathelo awongezelelweyo okhuseleko lwabathengi. Impembelelo yoku kwi-OCP yaba nkulu kakhulu, ingakumbi ngethuba lokuba ngundaba-mlonyeni komba wokhuseleko lwabathengi nalapho bathi abathengi abaninzi bathi babanga amalungelo abo malunga namashishini. Isiphumo soku yaba kukungena kwezikhazazo ezininzi zabathengi ezathi zafunyanwa ngethuba lonyaka ophantsi kohlolo, nokwathi kwabangela ubunzima kakhulu kulawulo lwezabaqeshwa. Ukwanda kwamanani, kuhlangele nokwanda kwezinto ezilindelekileyo kwicala labathengi, ngoko ke kwabonakalisa umceli-mngeni ngokwemigaqo yolawulo nokusonjululwa kwamatyala abathengi kwimpembelelo eyabangumceli-mngeni kulawulo lwezabaqeshwa. Nangona okukhankanywe kwangaphambili, iOCP yabanako indima yayo ngempumelelo ekusonjululweni kwezikhazazo, ngethuba ikwagcine ngokwanelisayo nangaphezulu umgangatho wokoneliseka kwabathengi ngendlela ababe zithatha ngayo izigqibo zamatyala abo.

3.4 Uphuhliso loMgaqo-nkqubo onguNdoqo kunye notshintsho lomthetho

Ulawulo kunye noMmiselo woShishino

UPhuhliso lorhwebo nolweCandelo

IsiCwangciso soPhuhliso lweSizwe esathi sasetyenziswa siSigqeba soMbuso sinika isicwangciso esibalulekileyo nesikumgangatho ophezulu onika inkxaso kumsebenzi we-TSD. Oku kuquka ukugqalisa ekudaleni amathuba emisebenzi, inkxaso yendima edlawla ngamaziko kunye namahlokokondiba ekufezekiseni imigangatho ephezulu yokubanako ukwenza imisebenzi, kwanokubalulekileyo, indima yamandla ombane kuqoqosho, ngogqaliselo olulodwa kwigesi yendalo nakwizinto ezilahliweyo zaphinda zahlaziywa ukuze zibenokusetyenziswa kwakhona.. Impembelelo yoshicilelo olutsha lwesiCwangciso seNyathelo loMgaqo-nkqubo woRhwebo (IPAP) yenziwa eku-pheleni konyaka, nethi inike isikhokelo esibalulekileyo somsebenzi weNkqubo, apho lithi iziko lizikhethele ukwenza umanyano, neyathi yaba nempembelelo engamandla ngenxa yomsebenzi weQela laBongameli abakhulu. Umthetho oSayilwayo we-SEZ owamiswa ekupheleni konyaka, nawo uyakuthi ubelicala elialulekileyo kumsebenzi wenkqubo, kwanenani lezinto ezinokwenzeka kwixesha elizayo ukongeza kwiHub yoKwenziwa kweZivelizo zoHlaza eAtlantis nakwi Sladanha IDZ.

Umthetho wama-2008 woKhuseleko lwaBathengi (CPA) uqalise ukusebenza ukusukela ngomhla woku-1 kuTshazimpunzi wama-2011. Nangoluphina uhlobo, impembelelo epheleleyo yeCPA, ingakumbi impembelelo yezinto

ezikhoyo eziluncedo zeOCP, zithe ngokungangxamanga zaba bubungqina ngethuba lonyaka ophantsi kohlolo. Maluna noku, kufuneka kuqwalaselwe ukuba iCPA itshintshe iinguquko ezigqibeleleyo zobume bokhuseleko lwabathengi kwaye oku kuthe kwenza imbambano yokukhuselwa ngakumbi kwamalungelo abathengi. Ukwanda kokhuseleko lwabathengi, njengokuba kuchaziwe kwiCPA, kuthe kwakhokelela kutshintsho olukhulu kumthetho ongabhalwanga nakumalungiselelo omgaqo-nkqubo angaphambili, nokuqalisa ukusetyenziswa kwawo kwabangela ukuba nomdla kakhulu kwimiba yabathengi. Oku kwanda kokubanomdla kuthe kamva kwakhokelela ekwandeni kwenani lothotho lwezikhazelo ezifakwe kwiOCP ukuze ziphandwe. Ukwanda kwenani lamatyala kuthe kwabangela ubunzima kulawulo lwezabasebenzi, nokuthe kwadala imfuneko yeenzame zamanye amalungu abaqeshwa ukuze bahlangabezane nomceli-mngeni.

IsiCwangciso soQoqosho

IsiGqeba soMbuso seSizwe sisebenzisa isiCwangciso soPhuhliso lweSizwe njengesicwangciso sophuhliso sokhuseleko lwelizwe jikelele kunye nobuchule obusetyenziswa liphondo be**OneCape 2040**, nobathi bayilwa ukunika inkuthazo yokusebenza kombono wePSO 1, nokunika isicwangciso senyathelo lophuhliso loqoqosho lwePhondo xa lilonke. IsiGqeba soMbuso kwiPhondo sasayina isicwangciso sobuchule be- **OneCape 2040** kweyeNkanga wama-2012.

UPhuhliso lweZakhono

Ugqaliselo lweNational Skills Fund luthe lwatshintsha lwasuka kwi 27 SETAs lwaya kwiiKholeji zeFET ezingama-50 ukufumana uncedo-mali kunye nophuhliso lwezakhono zokhokelo. IiSETAs, nangoluphina uhlobo, zinolwazi kunye namava asekwephezu kwezinto eziyimfuneko, ubuchule bezakhono ezizodwa kwiziko kunye neenkqubo, ngokuhambelana nesiCwangciso seNyathelo soMgaqo-nkqubo waMashishini (IPAP) 2011/12 – 2013/14 kunye nokuhlangana okungundoqo kwamashishini ekuncedeni kuphuhliso lwezakhono ezifanekekileyo kwanezikhokeli kumsebenzi ukulungiselela abo bangaphangeliyo. – Impembelelo yokutshintsha komgaqo-nkqubo kukuba abanikezeli ngeenkono babucala abanika iinkono ezizodwa zoqeqesho nabanobuchule bobugcisa kushishino nakwii-FET's banoncedo-mali lwenkuthazo olunomlinganiselo olusuka kurhulumente kwaye luyakuthi ekugqibeleni lungasetyenziswa, noluyakuthi luphethe lunesiphumo sokuba nokhuphiswano olungumlinganiselo; noluyakuthi ngenye indlela xa kusenziwa uqeqesho lunikezelwe kunye nezixhobo zangoku okanye ezobuchule bobugcisa kunye nobuchule boshishino kwanocetyiso.

Uncitshiso olucetyiweyo lomnikelo ogunyazisiweyo kwiinkampani ukusukela kuma-50% ukuya kutsho kuma-20% lwabafundi abasebatsha abafundela ubuchule bomsebenzi othile kunye noqeqesho lomsebenzi kunye nobizo, nto leyo ethetha ukuthi iindibano zabarhwebi abaqhuba amashishini ziyakuthi zithathe ulutsha olumbalwa ukuze lubenokufufama amava omsebenzi ayimfuneko kwanokugqibezela iziqinisekiso zemfundo nokwandisa amathuba engqesho.

4. IINJONGO ZESIPHUMO EBESIKE SAMISELWA KWANGAPHAMBILI

Injongo ecetyiweyo liSebe ngexeha lokwenziwa kohlolo, kukudala amathuba oshishino kunye nabemi abakhulisa uqoqosho kunye nengqesho.

Ulawulo oluyimfuneko ukufezekisa oku luthe lwacaciswa lwaba ziingxelo zenjongo ecwangcisiweyo ezintlanu:

- Injongo 1: Ukuqalisa nokuphumeza isicwangciso sobuchule boqoqosho kwanemigaqo-nkqubo yokuxhasa nokufezekisa ukudaleka kwamathuba emisebenzi kwanokukhula koqoqosho.
- Injongo 2: Ukudala imeko yokubanako (ukunciphisa imiqobo, ukulondoloza ukukhula koqoqosho, utyalo-mali nokudala amathuba emisebenzi) ngokuphucula isalathiso sokuthembela kushishino kunye nokukhula kwenani lemisebenzi yommandla.
- Injongo 3: Ukukhuthaza ukhokelo oluyimfuneko, oluxhaswa ngurhulumente kwicandelo loshishino labucala ukuxhasa ukukhula kwamaziko, amashishini kunye norhwebo ngokwandisa ixabiso lokuthunyelwa kwezinto kwamanye amazwe.
- Injongo 4: Ukuphucula ukhuphiswano lommandla ngokukhula koqoqosho olukhokelwa ngamaziko amisiweyo.
- Injongo 5: Ukusebenzisa ubuchule be-EPWP 204 770 "ukudala amathuba ali-100 omsebenzi" kunye nama-111 859 "ngolulinganayo ngokupheleleyo" phakathi kowama-2009 nowama-2014.

ISebe liqalise ukusebenzisa ubuchule balo kunye nezicwangciso zenyathelo ukunika intsingiselo kuzo zombini injongo eCwangcisekileyo yePhondo 1, ukwandisa amathuba okukhula nemisebenzi, nesiCwangciso soPhuhliso lweSizwe, ukushabalisa indlela nokunciphisa ukungalingani ngowama-2013. Malunga nemeko yangaphambili,

iNkqubo yaba nommiselo wokudala imo yolondolozo nokubanako ukwenza ushishini. Malunga nelatter, umsebenzi wenkqubo wazinja kwimiba ephambili yee(NDP's) yokwandisa imisebenzi ngokukhawuleza kokukhula koqoqosho nokwakha uphuhliso lwezakhono lwesizwe ukudlala indima yotshintsho kunye nophuhliso. Ngokudibanisa le migaqo-inkqubo yalo migaqo umisiweyo iNkqubo ithe yaba nentsingiselo ebalulekileyo ukuzama ukufezekisa isiphumo sesizwe "sokudala imisebenzi efanelekileyo ngokukhula koqoqosho ngokumanyeneyo"

Nangona kuvunyiwe yiNDP ukuba uMzantsi Afrika unamashishini anxulumeneyo ecandelo labucala, urhulumente usafuna ukudlala indima ngokusebenzayo. Ukuqinisekisa ukuba le ndawo iluncedo kwiziko elimisiweyo nasekhuleni koshishino, ekugqibeleni ukwandisa amathuba engqesho. Ngokusebenzisa ubuchule bethu bemfuneko yokukhula koqoqosho olukhokelwa licandelo labucala, iSebe lisebenzise iinzame ezibonakalayo kule miba ilandelayo, ngoko ke likhankanya iNjongo eCwangcisiweyo engundoqo.

- **Ukunciphisa indleko yommiselo wokuthobelana.** Ukumiselwa kwenkqutyana yokuNcitiswa kweRed Tape, eyona iphambili nebalulekileyo kuyo eMzantsi Afrika, ithe yenza imingenelelo ebalulekileyo ngokuyenzela lula, ibenokufikeleleka kwanokukhawuleza ekwenzeni ushishino eNtshona Koloni. Olona lamlo lungundoqo lwenkqutyana ukuquka neQela layo leMisebenzi eNqamlezileyo ngokuqukeneyo:
 - o Iziko lotsalo-minxeba elivumela amashishini ukubhalisa imiba enxulumene ne red tape ezibangela ukungakhululeki kumashishini. Imilinganiselo yezisombululo zemiba enjalo yabangaphezulu kwama-85%.
 - o Inkqubo yeNkxaso kaMasipala yokuNcitiswa kweRed Tape. Oku kwenziwa ngentsebenziswano kunye noomasipala weCape Winelands njengenqanaba lokuqala, lokuchonga izithintelo kumashishini nasekhuleni koqoqosho. Inqanaba lesibini liqalise apho izicwangciso zamanyathelo zithe zaphunyezwa ukuphucula imo yoshishino yeendawo zommandla.
 - o Ukumiswa kweziko le- one-stop-shop walk-in liSebe leZothutho Nemisebenzi yoLuntu. Eli ziko livumela abanini bamashishini ukuba bangafuni ukuqonda kuphela malunga neethenda, kodwa ukwavela isisombululo esikhawulezileyo semiba enxulumene ezothutho, umz. amaphepha-mvume okusebenza kunye neemvume zokusebenza.
- **Inkxaso yamashishini asakhasayo.** Ukungenanisa nokuphindwa kabini kweenkonzo ngokuxhaswa yimibutho yamashishini asakhasayo kunye nee-arhente ezithe zaxakekisa amashishini ithuba elide. Ngenxa yomanyano lwazo kunye ne-SEDA, iNdawo yoShishino kunye neZiko loPhuhliso lwaMashishini loNkweme lwaseNtshona, isebe aliphuculanga kuphela ulungelelwaniso phakathi kwezi arhente, kodwa okubalulekileyo kakhulu kukuqaliswa komnatha wothungelwano kwiindawo ezilishumi elinethoba apho abarhwebi abasebenza neNational Empowerment Fund (NEF), nokuthetha ukuthi amashishini asakhasayo aseke eNtshona Koloni afikelele ubuqu kuphuhliso loshishino kunye nezimali zophuhliso. Olu lwahlulelwano kunye ne-NEF sisiqalo sesicwangciso sesebe ukuphucula ulungelelwaniso lwamaziko anika inkxaso-mali kwaye ngokwenza njalo, kuphucula ukufikeleleka kwimali efumanekayo ngokubanzi nesuka kurhulumente wesizwe kunye nowesiphaluka.
- **Ukukhuthazwa kokuthengwa kwempahla kwiziko likarhulumente.** ISebe lilucingela olu lamlo lusecaleni noluyimfuneko lolu nzima kuphuhliso, ingakumbi kumashishini asakhasayo. Ngenxa yenkqubo ephaphamileyo yenkxaso ngokwenza lula ushishino norhulumente wephondo, ukufikeleleka ngokukhawuleza ngenxa yolamlo nokwathi kwaquka:
 - o Ukufezekisa inkqubo yokuthengiswa kwempahla karhulumente. Amashishini asakhasayo ngoku abhaliswa kwangoko kurhulumente wephondo kwaye ngokwenza njalo, abanokufikelela kuzo zonke iithenda kuwo onke amasebe alishumi elinesithathu. Ukongeza, zonke izicelo zethenda ezifakiweyo ziyakuthi zilungiswe ngekhompyutha kungekudala, ukushenxisa ukulungelelaniswa kweethenda ngendlela engafanelekanga.
 - o Ukukhuthazwa kokuthengwa kwempahla karhulumente. Le nkqubo iqakwa ngempumelelo kakhulu kwi-Supplier Open Days nakulamlo olusoloko luqhubeka ngalo lonke ixesha, hayi ngokugxininisa kumathuba okuthengwa kwempahla karhulumente kwiphondo kuphela, kodwa ekuncedeni ngokusebenzayo amashishini asakhasayo ngokuthobelana kunye neminye imiba yolawulo.
- **Ukuphuculwa kophuhliso lwezakhono koomasipala bommandla.** Ngenxa yokuBalasela kweNkqubo yoMmandla, uPhuhliso loQoqosho loMmadla neSiphaluka lugqalise ekwenzeni uhlobo lokuhamba komsebenzi koomasipala nokulungisa izikhewu ezithi zivele ukomeleza ukubanako koomasipala ukunika amashishini indawo enobutyebi ukulungiselela ushishino oluyimpumelelo nolubalaseleyo. Ngokwesiseko senkxaso yolamlo lesixhobo se-LED 'Maturity Assessment' iziphumo zolamlo lwethu zabayimpumelelo. Koomasipala abangama-27 abafumene inkxaso izihlandlo ezimbini, ngama-74% abonakalisa inkqubela

phambili ngokuncomekayo kwiziphumo zamanqaku wabo e-LED ewonke. Iinzame zolungelelwaniso lwenkxaso yeLED zomelezwa yintsingiselo ebonakalayo yokuzibandakanya kwawo onke amasebe ku-Maqela e-LED kubo bonke oomasipala bommandla nokuzibandakanya neQela le-LED yePhondo, ukudlala indima yalo engundoqo ekuphuculeni ubume bamashishini ezoqoqosho esiphaluka.

Eyona njongo iphambili yokudala amathuba engqesho kunye nokukhula koqoqosho **ngophuhliso lweziko**, nangokudala amathuba oshishino kunye nabemi ukukhulisa uqoqosho, okwathi kwaba yimpumelelo, ama-R2,135 lwesigidi sezigidi orhwebo kunye notyalo-mali kwenza umtsalane kuqoqosho ngenxa yeenzame ze-APV's kunye noWesgro. Amathuba okudaleka kwemisebenzi athi enziwa afikelelela kumyinge ongama-22 272 kunye nakumashishini ali-1 649 afumana inkxaso.

Mayelana nenjongo ecwangcisiweyo yeminyaka emi-5 yokukhuthazwa kokukhula koqoqosho ngokwenza umtsalane ophakathi kweR3,8 lesigidi sezigidi kunye neR7,4 lesigidi sezigidi zotyalo-mali, uWesgro wafumana R1,6 lesigidi sezigidi kunyaka-mali wama-2012/13, wafaka negalelo lemisebenzi eli-1 473 kwiinkalo zojoliso ezikumgangatho ophezulu nonganeno wezithuba zomsebenzi ezi-7 400 kwixesha leminyaka emi-5.

Ukuxhasa nokuphuhlisa amaziko oqoqosho njengegalelo lokwandisa amathuba oqoqosho, ekukhuleni koqoqosho kunye nolondolozo iSebe laxhasa amaziko ali-11, avelisa amathuba angama-20 566 engqesho ukukhusela ngokubonakalayo kwinkalo yojoliso yemisebenzi engama-8 743, lakhuthaza notyalo-mali lwe-R2 lesigidi sezigidi, malunga nokufikelela kwinkalo yojoliso yeminyaka emi-5 yama-R527 ezigidi. Lithe lafezekisa ngempumelelo ukufumana inkxaso-mali kwixesha lokufikelela kwiminyaka emihlanu, ngokukhuthaza ukufumaneka kwe-R125 ezigidi.

Malunga nokukhuthaza amathuba oqoqosho ngophuhliso lwamaphulo acwangcisiweyo, inkqubo ithe yafezekisa inkalo yalo yojoliso, ngokukhokela iiprojekthi ezisixhenxe ezingundoqo. Ngenxa yexesha lescale. Seprojekthi, inkqubo ayikazifezekisi iinjongo zayo zeminyaka emihlanu zokudala imisebenzi engama-3 100, ekusebenziseni i-R1 lesigidi ngezigidi kutyalo-mali lwamaziko oqoqosho kunye nenkxaso-mali yenkaxathiso engama-R20 ezigidi.

Ngophuhliso lweziko lethu kunye nenkqubo yephulo lobuchule bokuhanjiswa kweenkonzo sithe safezekisa ezona njongo zethu ziphambili nezibalulekileyo kwi-NDP, ukudala amathuba emisebenzi nokukhula koqoqosho, ukwandisa amaziko okusebenzela nokunciphisa indlela ngokudala amathuba emisebenzi nokunyusa utyalo-mali kwimisebenzi emitsha yezoqoqosho, ingakumbi kumaziko angamandla ezemisebenzi.

Inkqubo yoLawulo kunye neMimiselo yoShishino ithe ingangxamanga yatshintshela ekufezekiseni ulungelelwaniso lobuchule besiCwangciso seSebe. Malunga noku, ingqiqo yenkqubela phambili yenziwa ngokwemisebenzi kwi-Consumer Affairs Tribunal yaseNtshona Koloni (WCCAT). I-WCCAT liziko elinesidima elamiswa ngokwemigaqo yoMthetho wama-2002 weConsumer Affairs yaseNtshona Koloni (Izenzo zoshishino ezingenzbulungisa), nothe wagunyaziswa ukuba uthathe indawo yomthetho wesigwebo kwimeko yezikhalazo zabathengi. Ngoko ke, kunyaka ophantsi kohlolo uthe wabonakalisa iinkalo zojoliso njengokuba kulungiselelwe yiWCCTA, nezithe zafezekiswa kwaye oku kuthe kwakhokelela ngqo kwisigunyaziso sokhuseleko lwabathengi nothe wanyukela komnye umgangatho oquka ukuthobelana ngokusemthethweni. Ngoko ke i-OCP ilandela umkhondo wokuphunyezwa kwenjongo eyodwa, njengokuba kumisiwe kwisiCwangciso sobuchule obusetyenziswayo.

Kuyakuthi kuqwalaselwe ukuba impumelelo esekwe phezu kokhuseleko lwabathengi bommandla uthe waqhuba kakuhle kwixesha lokwenziwa kohlolo. Ngoko ke, zintathu ii-ofisi zommandla ezithe zamiswa kwiindawo ezise Southern Cape/Eden, West Coast nase Cape Winelands. Njengokuba kukhankanyiwe kwisiCwangciso sobuchule obusetyenziswayo, ukwandisa ukuhanjiswa kweenkonzo zommandla kuyakuthi kubonakalise ukunciphisa ngokwendalo kokusetyenziswa kwee-ofisi zeenkonzo zamacebiso abathengi kulo lonke iphondo. Kunyaka ophantsi kohlolo kubonakale ukunciphisa kwenani lee-ofisi zamacebiso zasekuhlaleni esisetyenziswayo, nokuhambelana nenkalo yojoliso yeminyaka emihlanu njengokuba kulungiselelwe kwisicwangciso esimisiweyo. Ngenxa yesiphumo soku, OCP ilandela umkhondo wokuphunyezwa kobuchule bucetywayo.

Ngokwemigaqo yobuchule ukuqinisekisa ukuba OCP iyakhokela kumba wokhuseleko lwabathengi, njengokuba kwaziswe iziphumo kule ngxelo zibonakalisa ukuba ingqiqo yenkqubela phambili ithe yenziwa malunga noku. Iinkalo zojoliso ezinxulumene nokubanjwa kwamaphulo olamlo emfundiso yabathengi, ukufunyanwa kwezikhalazo, ukusonjululwa kwezikhalazo kunye neemali ezigcinwe ebhankini ezongezelekileyo zomthengi ngenxa yoncedo lwe-OCP's bubungqina obucacileyo ukuba i-OCP yaseNtshona Koloni ihlala inkqenqazeza phambili ukunika iinkonzo ngokusebenzayo zokhuseleko lwabathengi. Kufuneka kuqwalaselwe ukuba iNtshona Koloni ifumene kwaye yahlangabezana nawona matyala maninzi kunawo onke amanye amaphondo, nangona ubutyebi balo nokufezekisa komsebenzi wabaqeshwa babungalingani nobamanye amaphondo. Oku yimfuneko ekubalulekileyo ukuba iqwalaselwe nanjengokuba amatyala amaninzi anokupheliswa athi asonjululwa nangona kukho imiceli-mngeni ekhoyo kwezolawulo lwabasebenzi eyathi yafunyanwa yi-OCP.

Ukhuselelo lwabathengi sisivumelwano sogunyaziso lowiso-mithetho ngokomgaqo-siseko. Ngoko ke oku kuquka ukuba yomibini imida karhulumente inesigunyaziso sowiso-mithetho ngoko ke sinikezela ngeenkonzozemcimbi yokhuseleko lwabathengi. Kumgangatho wesizwe iSebe leZoshishino noRhwebo ("dti") labhengeza uMthetho wama-2008 woKhuseleko lwaBathengi (Umthetho 68 wama-2008). Lo mthetho ngoku usinika isakhelo sokwaxhiwa kowiso-mithetho omisela imigangatho ethile nokwenziwa komsebenzi kunye noshishino nekufuneka ithobelane namashishini eMzantsi Afrika. Ukongeza umthetho ubeka ityala kumacandelo okhuseleko lwabathengi kwiphondo ukuphumeza amalungiselelo athile owiso-mithetho yesizwe nokusebenza njengeziphath'amandla ezinika iinkonzozozqhelaniso nabathengi ubuqu. Oku kuyakuthi kube nesiphumo sokuba amaphondo esebe ahlanga-bezane nezikhhalazo zabathengi ngokwenkqubo yowiso-mithetho yesizwe nokunika uncedo kumalungu oluntu. Ukongeza, iziphath'amandla zokhuseleko lwabathengi zinyanzelekile ukuba zidlale indima efunekayo nefanelekileyo ngokusebenzayo ekuxhobiseni abemi ukuze babenolwazi nokuqonda ngamalungelo wabo abathengi kunye neemfanelo. Iimfuneko zale mfanelo zezokuba ii-ofisi zamaphondo mazigqalise kakhulu ekubeni zibe ngabemi abantu ukuze baqinisekise ukuba uluntu lufumana uncedo nokhokelo njengokuba kuchaziwe kumthetho omtsha omisiweyo. Iiprojekthi ezahlukeneyo umz. iimpembelelo zemfundiso zabathengi, iindibano zocweyo zemfundiso yobuchule bokufunda nokubhala, izikhhalazo ezifunyenweyo nezithe zasonjululwa, ukwandiswa kwemigangatho yokuqonda, imigangatho yokwaneliseka zokuhanjiswa kweenkonzo nexabiso lezimali kubathengi, nezithe zaqaliswa kwaye zaphunyezwa yiOCP, ngoko ke zimananyaniswa ngokuthe ngqo nesiphumo sesizwe ukuqinisekisa **"iinkonzozozqhelaniso nophuhliso olusebenzayo noluyimpumelelo kunye nobumi obufanelekileyo ngokuxhotyiswa"** kuqalisiwe. Uvavanyo lwezalathisi lokuhamba komsebenzi kunye nokufezekisiweyo malunga noku kubonakalisa ukuba loCP ifake igalelo elifanelekileyo ekufezikiseni esi siphumo sesizwe.

Sisazathu esiqhelekileyo esivumela ubume obuquke yonke imiba emalunga noqoqosho, ezopolito, ezentlalo, kunye nemiba yangaphandle yehlabathi ukuya kwimizi yeziveliso eNtshona Koloni. Ngokwemigaqo seNjongo eCwangcisiweyo 1, nenxulumene neli sebe, obu buchule bugqalise kuyo yonke imigaqo-nkqubo karhulumente kunye nokwenziwa kwemisebenzi, nethi "ibeke imithetho yendlela" yokuhamba koshishino kwiphondo nethi ibe nempembelelo yokuhamba komsebenzi wezorhwebo, iinkuthazo zotyalo-mali neendleko zokwenziwa koshishino. Eyona meko ifezikileyo yeyokuba inciphisa imiqobo yolondolozo lwengeniso yamashishini, utyalo-mali noku-daleka kwemisebenzi.

Ummiselo, xa uthe waqwalaselwa njengophikisana nophuhliso namandla angafanelekanga kwimeko efuna ukukhula koqoqosho, uthe kwiminyaka yakutsha nje wabonakala uvumela imeko eqinisekisa bonke abachaphazeka kwezoqoqosho.- abathengi, amashishini kunye nemigangatho eyohlukeneyo karhulumente – intsebenziswano kwimeko eqikelelweyo nekhuselekileyo ngokusemthethweni, neyaxhiwe ngokuhambelana nokukhula koqoqosho kunye notshintsho. Kukho ukuqonda okukhulu malunga necandelo loshishino lokuba ukukhula koqoqosho akufuneki kubeziindleko yezabelo zamashishini ezingenanzala emisiweyo kwaye obu bulungisa kubathengi kunye nenkxaso yokurhweba ngokuthembekileyo nemisebenzi yokwenziwa kweziveliso kungaluncedo olunokubabeka endaweni efanelekileyo kuqoqosho lwehlabathi, apho ukhuphiswano luyakuthi lwandise ukuphikisana nosukuzwano lwamanye amazwe njengokuba kuphikiswana nezesiphaluka. Obu buchule busetyenziswayo ngurhulumente kukumiusa nokuphumeza iindlela zobuchule eziyakuthi zikhulule iinzuzo zokukhula koqoqosho lwesizwe, ngethuba bunciphisa iindleko zoluntu ngokuzama ukujolisa kwiinjongo zoluntu ezinjengokuncitshiswa kwamatyala abantu; ukunika ukufikeleleka okucacileyo nokuba nako ukufikeleleka ekwenzeni amatyala emboleko; uphuhliso lwamaziko oqoqosho nawoluntu nokwenziwa kwemilinganiselo yamanyathelo okulwa iziphumo zasekuhlaleni ezingafanelekanga kumashishini amisiweyo ngokusemthethweni. Kungoko ke iyimbono yeSebe ukuba iinkonzozamalungiselelo okhuseleko lwabathengi olufanelekileyo nolusebenzayo kwisebe lithe labaluncedo lwegalelo elikhulu kwiNjongo eCwangcisiweyo yePhondo 1.

Awona manyathelo anentsingiselo ekufezekiseni isiphumo sobuchule beenjongo zeSebe yabaluguqulelo lwePSO 1 lwaba ziinkqubo kunye neeprojekthi eziyinene, nezineziphumo ezicacisiweyo nokuyilwa **kweNgxelo yiDityaniso loQoqosho** neyakuthi yenze isiseko sobuchule bophuhliso beminyaka e-7 kwiphondo.

Ukuphucula ingqiqo yobuchule boqoqosho kwiPhondo, impembelelo yo**Lwahlulelwano loPhuhliso loQoqosho (EDP)** yenziwa ngenyanga kaTshazimpunzi wama-2012. Iinjongo zeEDP ziquka ukukhuthaza, ukusebenzisa ubuchule, inkxaso kunye nophuhliso loku:

- Ubuchule bengqiqo yorhwebo lezoqoqosho;
- and Ukuqwalaselwa kokuhamba komsebenzi kunye nenkqubo yoqoqosho;
- Uwahlulelwano kwemigangatho eyohlukeneyo kwinkqubo yezoqoqosho

I-EDP kunye neSebe zalungiselela ngempumelelo iOneCape 2040, ukuqalisa "ukuzinikezela, kokubanako kweNtshona Koloni ukwenza imisebenzi ngokuhlangeneyo nokunamanani aphezulu emisebenzi nokuvelisa ukukhula kwemivuzo, ukwanda kokulingana kunye nokuphuculwa kobomi boluntu." Ukuphumeza le mbono, sele liziban-

dakanye nenani leeprojekthi ezingundoqo kunye neenkqubo, ezigqalise kwingqesho, utyalo-mali, ushishino kunye nokuveliswa kwezinto ezintsha."

Onke amanyathelo athathiweyo aqinisekisa ukuba amanyathelo aphambili obuchule obungundoqo bokukhula koqoqosho kunye nemisebenzi asebekelwe kwingqiqo kweZikhenketho, umboniso-bhanyabhanya namaziko oBuchule bomsebenzi wobugcisa, ngethuba luqinisekisa ixabiso elifanelekileyo kwanokusebenza kobuchule bonikezelo ngeenkonzelo.

Urhwebo lwendawo eKusingwa Kuyo yoKhenketho yayijolise ekukhuleni koqoqosho lweziko, namaphulo olamlo angundoqo ezoshishino lokhenketho, iziganeko nokhenketho lwexesha lokuphola. Isicwangciso sobuchule obukhokelwa luKhenketho, ukonwabisa kunye nomsebenzi wobugcisa wokukhulula koqoqosho nokudala imisebenzi saqalisa. Injongo yoku yayikukuqalisa isicwangciso sokukhula koqoqosho lwamaziko ekujoliswe kuwo nayakuthi abeluncedo ekubeni abenegalelo kwisicwangciso sokhuselo loqoqosho njengokuba kumisiwe kwiPSO 1. Ngexesha lonyaka-mali nkxaso yokukhula kweziko lokhenketho, uBuchule bobuGcisa noKonwabisa lancedwa ngokujolisa ekwandiseni abatyeleli abafikayo nenkcitho kumashishini oKhenketho kwanokwandisa ixabiso lorhwebo notyalo-mali kumaziko omboniso bhanya-bhanya kunye nawoBuchule bobuGcisa. Kwaqaliswa amaphulo akhokelwa ngamaziko oqoqosho, nokwathi kwafezekiswa ngobudlelwane obumanyeneyo nenkqubo ye-EPWP kumgangatho wesizwe kwanokujonga kobuchule obuqalisayo nobuyakuthi kuxhathise kuncedo-mali olusuka kwabo bachaphazelekayo ngokwahluka hlukeneyo ukuphuhlisa nokuphucula iziko loKhenketho. Amathuba emisebenzi kumaziko ekujoliswe kuwo akhuthazwa ngophuhliso lwamaziko okhenketho nangophuhliso lwezabasebenzi bokhenketho.

Eyona njongo iphambili yobuchule bophuhliso lweQela laBasebenzi imanyaniswa neNjongo yoBuchule bePhondo 1: Ukudala amathuba emisebenzi nokukhula koqoqosho, nesiCwangciso soPhuhliso seSizwe (NDP) ngengqiqo yemeko yolondolozo lwengqesho, ukuquka ukukhula koqoqosho nokukhuthaza ukuba nokufumana ingqesho kumashishini emisebenzi.

Nangoluphina uhlobo, umceli-mngeni yaba ngowokuba ukukhula koqoqosho zange kubeneziphumo ezibonakalayo zokudaleka kwamathuba onmsebenzi, kushiya ukunqongophala okugqithisileyo kwemisebenzi ingakumbi kulutsha. Ukuphendula kule miceli-mngeni, amaphulo obuchule bolamlo axhomekeka kumashishini, kumaziko emfundo, kwiminatha yothungelwano loluntu ngokupheleleyo nasekuzibandakanyeni kuQeqesho lweZifundo eZongezelelweyo nezabucala ukusebenza malunga noku:

- Ukuphuculwa komanyano lweNDP ukunyusa utyalo-mali lwabucala kwiindawo ezingamandla nangokunyusa utyalo-mali kwiindawo ezingamandla kwanenkuthazo yokufakwa kwemali ebhankini, amalungiselelo ocetyiso, uqeqesho lobuchule bobugcisa obufanelekileyo kunye nolwemisebenzi yezakhono zomsebenzi ezinqabileyo, ukukhokela ekunciphiseni umngcipheko wokuqeshwa kwabasebenzi abaselula.
- Ukukhuthazwa kokufakwa nokuqeshwa kolutsha okunokwenzeka kumashishini emisebenzi, olungundoqo nolu lolu: iinvenkile ezithengisa iimpahla ngezixa ezikhulu ngamaxabiso aphantsi nentengiso ngemiyinge emincinci, urhulumente, imizi ekwenizwa kuyo iziveliso, aselwandle kunye nokubuka iindwendwe. La maziko amanyanisiwe ukwenza uqikelelo lokukhula koqoqosho kunye nokudala imisebenzi yeziko eNtshona Koloni (2000-11: uPhando lweQuantec).
- Uncedo lweenkqubo zokulungiselelwa umsebenzi othile kunye nogqithiselo kulwazi lobuchule bobugcisa ukulungiselela abo basanda kuphuma esikolweni, ingakumbi abapase ibanga leshumi kunye namagcisa.
- Umanyano olungcono kunye neemfuneko zamashishini kunye noludwe lwezifundo.
- Ukwanda kokuzibandakanya namashishini ngokuthatha inxaxheba kwanempembelelo yeZiko, iziCwangciso zeSigunyaziso soQeqesho kunye neZemfundo.

These strategic interventions should also assist with meeting the key future requirements of the economic role players in the predicted growth amongst semi-skilled and skilled labour.

5. ULWAZI LOKUHAMBA KOMSEBENZI NGOKWENKQUBO

5.1 Inkqubo 1: Ulawulo

Injongo

Ukunika inkokhelo yokuveliswa kwezinto ezintsha nokunikezela ngeenkonzelo ngokucecekileyo, ngokusebenzayo okufikelekayo ngokwexabiso, okucacileyo kwanokuba nokuphendula kwamaqumrhu kwiSebe.

Ukwakhiwa kweNkqubo

Inkqutyana 1.1: I-ofisi yeNtloko yeSebe

Inkqutyana 1.2: Ulawulo lweZimali

Inkqutyana 1.3: Iinkonzo zaMaqumrhu

Iinjongo eziCwangcisiweyo zonyaka-mali ophantsi kohlo

Ngonyaka-mali wama-2012/13, ulungiselelo lwenkqubo luhamba ngezi njongo zicwangcisiweyo zilandelayo:

- a) Ukulungisa umgangatho 3 nokuzama ukuphumelela kumgangatho 4 wokuba nako ukulawula izimali,
- b) Ukuqinisekisa umanyano olumbaxa nolunqamlezileyo kubuChule boQhagamshelwano lweSebe ukuxhobisa nokwazisa uluntu lwase Ntshona Koloni ngokwaneleyo ngoncedo lokufikeleleka kunye noqhagamshelwano lwemisebenzi yeSebe.

Iinjongo eziCwangcisiweyo, iinkalo zojoliso zezalathisi zokuhamba komsebenzi ezicwangcisiweyo kunye nokona kufezekisiweyo

Njengokuba kukhankanyiwe apha ngentla, isigunyaziso seNkqubo kukunika ubunkokheli bokuveliswa kezinto ezintsha nokunika iinkonzo zequmrhu ngokucocekileyo, ngokusebenzayo nangokwaneleyo kwiSebe. Nanjengokuba kwachongwa le miba mibini ingamandla. Zezi:

- a) Ukuqinisekisa ukufuduka okufikelela kumgangatho 4 womlinganiselo wokubanako ukulawula izimali
- b) Ukuqinisekisa ubuchule boqhagamshelwano olusebenzayo noluxhobisa uninzi lwabemi beNtshona Koloni.

Ukutsho oku, kwachongwa izicwangciso ezine ezingundoqo ukwenza izitena zokwakha ukulungiselela ukufuduka.

- a) Ukunika iinkonzo ezibalaseleyo zenkxaso;
- b) Ukuphumeza isakhelo sokubanako ukuphendula ngokweemfuneko kumgaqo-nkqubo wezimali;
- c) Ukuqinisekisa ukuba bonke abaqeshwa baxhotyiswe ngezakhono ezifanelekileyo ukufezekisa imigangatho eyimfubeko yolawulo kunye nezimali.
- d) Ukuphucula ubuchule boqhagamshelwano lweSebe.

Ukunika iinkonzo ezibalaseleyo zenkxaso kubaxhasi

Umba onzima kwiNkqubo wachongwa apho abaxhasi bethu ingaba. Lo mbuzo, ngethuba unokubonakala ulula kodwa ubalulekile kakhulu ngenxa yokuba lonke ulwazi olufumanekileyo kufuneka luqokelelwe noluyakuthi lube lolona lufanelekileyo kwiimfuno ezichongiweyo zabaxhasi. Isigqibo esinzima sathathwa ukuqinisekisa ukuba iNkqubo ayinako ukusebenzisa indlela yobuchule "bokwenzwa iinkqubo ezininzi iyodwa." Iimfuneko zomntu ngamnye kubaxhasi bethu kufuneka zithathelwe ingqalelo.

Ukuza kuthi ga ngoku, iNkqubo ayizibandakanyanga kuphela nabaxhasi bethu bangaphakathi (amanani amisiweyo), kodwa ithe yathatha iphulo lokudibana nee-arhente ezohlukeneyo nezinika iinkonzo egameni leSebe.

Iziphumo eziphambili zobu buchule yaba kukuqinisekisa ukuba bonke abachaphazelekayo kuphuhliso loqoqosho babe au fait malunga nokwakufuneka kwenziwe, nini na kwanimgangatho ofunekayo.

Umba onzima nowongezelelweyo wobu buchule yaba kukuqalisa izikhokelo ezilula ezinokuqinisekisa ukuba zikumgangatho ofanayo nolinganayo ngokuchanekileyo. Malunga noku, kwabelwana ngokwenziwa kwemisebenzi ngokufanelekileyo nezikhokelo ezikumgangatho ophakathi ezathi zaveliswa ukulungiselela amaxwebhu awohlukahlukeneyo anjngamatyala oshishino, ukungeniswa kwezicelo, izicwangciso zeprojekthi kunye neengxelo zoqwalaselo lweprojekthi.

Kumalungiselelo oncedo lweemfuneko zabaxhasi bethu, iNkqubo yahlanganisa inani lamanyathelo alo okunika ingxelo. Uninzi lwawo athi aqwalaselwa phakathi kwala yingxelo yemali yekota kunye nengxelo yokuhamba komsebenzi kwiKomiti yoHlulelwano loPhicotho-zincwadi. Ngohlolo lweemfuno zeKomiti yoHlulelwano loPhicotho-zincwadi, iNkqubo yadibanisa iingxelo zayo zemali nezokuhamba komsebenzi. Ekugqibeleni, iSebe lanconywa yiKomiti yoHlulelwano loPhicotho-zincwadi ngokunika iinkcukacha eziluncedo, ezithembekileyo nekulula ukuzifunda.

Ngethuba uphuhliso lwezikhokelo luthatha ithuba elide, iNkqubo yagxininisa imfuneko yophuhliso lwezakhono kunye noqeqesho. Ukuzi kuthi ga ngoku, iNkqubo iqalise inani leenkqubo ezijolise ekuqinisekiseni ukuba amanani amisiweyo axhotyiswe ngokupheleleyo kuyo yonke imiba yolawulo kwanolawulo lwezimali. La maphulo olamlo awagqalisanga kumanani amasiweyo kuphela, kodwa athe agqalisela ngakumbi ukuqinisekisa ukuba abaqeshwa boLawulo lweMali banolwazi ngophuhliso olutsha kumda wolawulo lwezimali.

IProjekthi engundoqo eyaziswe liqela loLawulo lweZimali ekuncedeni kwinkxaso yabaxumi yaba liphulo lenkqubo entsha yeIT ukwandisa ukwenziwa komsebenzi ngokufanelekileyo kwiSebe ngokwenza iziseko zedesika yoncedo kunye nenkqubo yenkxaso yabaxumi apho izikhalazo zinokuthi zifakwe khona, imisebenzi emisiweyo kunye nokugcinwa kolwazi lwenkqubela phambili. Inkqubo yayifanele kuba isetyenziswe ngonyaka-mali wama-2013/14 yaza yasiwa kuluntu luqela loLawulo lweeMpahla zeCandelo.

Ukongeza, ngethuba lonyaka ophantsi kohlolo, inkqubo yaqalisa iprojekthi yokubonakalisa ubuchule bomsebenzi othile kwiSebe ngokusebenzisa inkqubo yesizwe elawulwa yimali nokuphuculwa kwezixhobo ezingasasetyenziswayo nokuqalis kweeprojekthi ezintsha ezinokuphucula ukusebenza kwabaqeshwa kunye nabaxhasi abasebenzisa iinkonzo zeSebe. Inqanaba lokuqala lale projekthi labona ukuba uninzi lwawo onke amagumbi okubamba iintlanganiso ayakuthi aohuculwe ngokfaka izixhobo ezitsha nezifanelekileyo. Le projekthi ibinokongeza iinzuzo ngenxa yokuba iindleko zokusebenzisa amagumbi ebhodi ziyakuthi zicitshiswe ngokusetyenziswa kwezixhobo ezihambelana kakuhle nobume bawo. Kufuneka kuqwalaselwe ukuba izixhobo ezingasasetyenziswayo zale projekthi kwenziwe ubelwano ngazo kwakhona zinikwe imibutho engafumani ngeniso (NGO's) enjenge SOS Children's Village, Saartjie Baartman centre, iZiko leMfundo yaBadala iSt Francis kunye nenkqubo yoPhuhliso loLuntu iSobambisana nethi ibe nempembelelo yokunciphisa intetho emfutshane yokwazisa abantu ngenjongo, ukusetyenziswa kwakhona nokuhlaziya kwezinto ezilahliweyo ziphinde zisetyenziswe kwakhona kunye ne-110% yeGreen Projekthi yePhondo.

Ukuphunyezwa kwesakhelo somgaqo-nkqubo wezimali

Ngonyaka-mali wama-2012/13 kwabonakala inani elibalekayo lolungiso kumgaqo-nkqubo wesakhelo solawulo lwezimali nowathi waziswa kwiSizwe nakuRhulumente wePhondo. Ezi zilungiso zathi zaziswa njengeziphambillii ngenxa yesiphumo sokusebenza kwazo ngeendlela ezahlukeneyo zomthetho njengoMthetho woLawulo lweZimali zoLuntu, imiyalelo kaNondyebo nemithetho elandelayo nemisebenzi yokuthengwa kwempahla karhulumente iqwalasele imiba ngoncedo lukaNondyebo. Enye indlela eyongezelelweyo yohlolo lwemfuneko yokuhlaziya isakhelo somgaqo-nkqubo yafumaneka ngokuhlolwa kophicotho-zincwadi olufanelekileyo olwenziwa liSebe noqwalaselo lovavanyo lokuba semngciphekweni.

Kunyaka ophantsi kohlolo, iNkqubo yaqalisa indlela engqongqo esetyenziswayo yokuhlaziya isakhelo somgaqo-nkqubo wayo, (FinancialManual) nemanya imiyalelo yemali (PFMA, NTR's, PTI's kunye neNT Practice Notes) kuxwebhu olunye ukuze babenako ukukhangela kulo kwakhona. Oku kusebenza njengesikhokelo sokwenziwa kwemisebenzi yemali ngendlela efanenekileyo nangempunelelo.

Ukwanda okongezelelweyo apha enyakeni kwabonakalisa ulungiso loqingqo-mali kunye nesicwangciso sobuchule obusetyenziswa liSebe. Oyena ndoqo wokwandiswa okwathi kwenziwa yaba luyilo lamatyala oshishino kwiprojekthi nganye noquka ezi nzuzo zilandelayo kwiSebe:

- a) Ukuqinisekisa ukuba zonke iiprojekthi eziqalisiweyo liSebe zimanyaniswa neenjongo zesiqhelo;
- b) Ulwabiwo lwamanyathelo athathiweyo ngokusebenzayo aphuculwe njengazo zonke iiprojekthi ezicetyiweyo kwaye lusenkuthlekiswa nolunye kwanempembelelo enkulu yenkxaso;
- c) Ukwandiswa kolawulo lweProjekthi yemithetho-siseko yokufumana uncedo; kwano
- d) Ukwandiswa kwemisebenzi yolawulo lwemali engenayo.

Ngotshintsho olugqalise ekusetyenzisweni kwezinto eziluncedo, ezoqoqosho ngokufanelekileyo nangokusebenzayo, ulwazi ngokuhamba komsebenzi kunye nokunika ingxelo sele kulungiselelwe kwangaphambili kwimeko yolawulo. Ngenzame yokuqinisekisa ukuba wonke umsebenzi uhambisana ikakhulu nentembeko, ucoselelo nokunyaniseka, iqela loLawulo lweZimali landise ugqaliso lwalo kwiiNkcukacha zokuHamba koMsebenzi woPhicotho-zincwadi (AOPI).

Iinzuzo ngokubamba iinkqubo zeAOPI zezi:

- a) Ukunceda iSebe ekulawuleni inkqubela phambili yokufezekisa iinjongo zalo;
- b) Ukuvumela iSebe libenako ukuthatha izigqibo ezaziwayo malunga nalapho kufanele ukwenziwa utyalo-mali

- c) Ukwenza ukuba iSebe libenokufikeleleka ekuphumezeni ii-arhente ukunika inkcazo yokuhamba komsebenzi; kwano
- d) Ukunika isiqinisekiso kubo bonke abachaphazelekayo (ePalamente, noLuntu ngokuBanzi njl.njl.) ukuba isebe linikezela ngezinto zalo eziluncedo ngenjongo yokufezekisa iinjongo zalo.

Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi nalo luchonge le nkqubo kwaye imanyanise ulwazi lophicotho-zincwadi lokuhamba komsebenzi olwenziwe liqela eliphakathi ngokusetyenziswa kobuchule besiqinisekiso esidibeneyo noluthe kamva lwaziswa ngaphambili kwiMomiti yoPhicotho-zincwadi. Isiqinisekiso esidityanisiweyo siquka eminye imiba ymsebenzi owenziweyo liqela lolawulo lwangaphakathi ngokusetyenziswa kobuchule bodityaniso.

Abaqeshwa abafanelekileyo nabanezakhono

Imfuneko yabaqeshwa abanezakhono ezifanelekileyo ibalulekile kakhulu kuthi ukwenza ulawulo oluyimpumelelo kuwo nawuphina umbutho. Kubalulekile kakhulu ngokukodwa ukuba abaqeshwa abaziqhelileyo imiyalelo enempebelelo kumsebenzi wabo weSebe ukuze kuqinisekise ukuba kukho ulawulo olufanelekileyo kunye nokuqwalaselwa kwakhona kobume bendawo.

Ukongeza, xa abaqeshwa abaninzi bexhotyiswe ngezakhono ezifanelekileyo zomsebenzi, kwenzeka iimpazamo ezinganeno nokuthi kubenesiohumo sokujika kwamaxesha ngokukhawuleza iindleko eziphantsi zolawulo nokuhlululwa kwabanikezeli ngeenkono ngokukhawuleza. Obu bubungqina ngokomyinge wenani eliphakathi leentsuku ezithathiweyo ukuhlawula abo batyalwayo okwangoku abahleli iintsuku ezingaphantsi kwezi-20 ukusukela kusuku obufunyenwe ngalo liqela loLawulo lweZimali.

Okunye okuthe kwaqwalaselwa sisiqingatha soqingqo-mali oluchithiweyo noluthe, ngexesha eliphantsi kohlo, langama-99,6% yoqingqo-mali oluhlengahlengisiweyo. Ukufezekisa oku kungagqityezelwa ngokwenziwa komsebenzi o ngokungenamkhinzi ngabo bonke abachaphazelekayo kumda wolawulo lweprojekthi apho umntu ngamnye ochaphazelekayo onikelzela ngeenkono kumphathi weprojekthi ukuya kulawulo lwezimali bathi baqonda ngeendima abazidlalayo kunye noxanduva lwabo nokuba kwenzeka njani na ukudibanisa ncam ukuqinisekisa iziphumi ezifanelekileyo zeprojekthi.

Iqela lentengiso yeMphahla eNxitywayo lagqithisa kwinakalo yalo yojoliso, laqeqesha ngaphezulu kwabantu abali-180 kunyaka ophantsi kohlolo. Amashishini angamakhulu amabini aneshumi elinesihlanu afumana uncedo kwiziko le-SME, nasekumisweni kohlulelwano lwesithathu lweFashoni. Ukufumaneka koncedo-mali kwabanganano kunokwakulindelekile. Ngenkalo yojoliso yeR7.5 lesigidi sezigidi, iqela leziko labanako ukusayinelwa zi-MOAs ukufumana isixa-mali esipheleleyo, kodwa lafumana imiceli-mngeni malunga nokulungiswa komsebenzi wamaphepha kunye neentlawulo ezenziwa ngaamaxesha.; Ngolo hlobo kwabanokusilela kwinqanaba yazo. Kwimisebenzi engama-324 efunyenweyo yaze yalondolozwa kwiziko yabonakalisa inkqubela phambili, kwanokuchaza kwe-dti ngokukhula kokwanda kwemisebenzi engama-12 000 ukusukela ngowama-2010.

Okuninzi okuqwalaselweyo ngethuba lonyaka odlulileyo, yabakukugqityezelwa kwengxelo yokuBalulwa kweMphahla eLukiweyo kwi-dti, nokuphunyezwa okukufuphi kolungiso kulawulo loluhlu lwamaxabiso angoku, kusenokwenza inguqulelo kwiziko; ukunciphisa iindleko zokunika izimvo nge-11% okanye nangaphezulu, nokukhulisa izivuliso zezinxibo zesiphaluka ngezigid ngezigid rhoqo ngenyanga. Ukuyilwa kwempahla enxitywayo kunye nelukiweyo phantsi koMthetho weSakhelo soMgaqo-nkqubo wokuThengwa kweMphahla kaRhulumente (PPFA), nako kuyakuthi kubene mpembelelo efanelekileyo kwingqesho, nanjengokuba iindawo urhulumente azifumana kuzo ezi zivuliso zibalelwa kwizigidi ngezigid zeeRanti, njalo usenokunceda kwisixokelelwano sexabiso

lokubanako ukwenza umsebenzi wobuchule nasekukhuleni koqoqosho lweziko. Okwangoku li R14 lesigidi zezigidi lenani lilonke kuma R60 esigidi sezigidi seziveliso zorhwebo lweesiphaluka zifumaneka kwimida yedu. Oku kunika abenzi beziveliso besiphaluka amathuba okwandisa ulwahlulelwano lorhwebo.

Ubunjinieli kunye neZinyithi

Isiseko esenziweyo ziinkqubo kunye namaphulo olamlo kwiminyaka emithathu edlulileyo ukuya kwemihlanu yi- WCTI kwabane ziphumo ezifanelekileyo zokukhula koqoqosho lweenkampani kwanentsebenziswano nabotyalo-mali kusenokuba nako ukudala amathuba emisebenzi kushishino. Ugqaliselo lweeprojekthi ezaphunyezwayo lwatshintshela ekuqukeni amashishini esixokelelwano sexabiso lokwenziwa kweziveliso ngokubanzi, kwadala amandla ngokubanzi, ngokuhlanganisa amashishini kunye nabanye abaphambili bohlulelwano namalungu athe afumana ixabiso leenzuzo ezongezelelweyo.

Ukuncediswa nenkxaso efunyenwe kwi- DEDAT kunye ne-NTIP (dti) kwavumela iphulo lokuphunyezwa kweenkqubo eziyakuthi ziphuhlise uxhotyiso ngezakhono kwabo bakuvimba weenkukacha wabanikezeli ngeenkonzo besiphaluka eNtshona Koloni nokuyakuthi kube lukhuphiswano kumathuba anokuvela oshishino, ingakumbi olweenkampani eziPhantsi koLawulo lukaRhulumente (SOC's)kwanomyinge omkhulu wabotyalo-mali besiphaluka nakwihlabathi jikelele.

Inkqubo yaMandla e-TDM iyakuthi ibeneqela lokuqala labafundi abangama-40 abayakuthi bagqibezela iinkqubo zokuqeshwa njengabafundi kunye nabafundi abangama-20 abayakuthi baqhubele phambili ngenkqubo ukuya kunyaka wesibini. I-WCTI ihlangene neqela loPhuhliso lweZakhono yabanako ukukhusela ingxowa-mali yeR12 lesigidi ngezigidi ukunceda abafundi abangama-50 abongezelweyo kwiNgxowa-mali yeMisebenzi ukugqibezela inkqubo yokuqeshwa njengabafundi kwithuba leminyaka emithathu elandelayo. AbaPhathi abaKhulu boLawulo abathandathu kunye nabongameli beenkampani bathatha inxaxheba kwiNkqubo yoPhuhliso loLawulo olwathi lwaphunyezwa yi-USB kunye nabantu abangama-32 abathatha inxaxheba kwiinkqubo zoKhokelo lokuHamba koMsebenzi kunye neenkqubo zoqeqesho lwe-CNC ezathi zakhokelwa yiKholeji yase-ProdSA nase Northlink ngokwahlukeneyo.

Inkqubo yoLawulo lweMeko kunye neenkqubo zeNkqubela phambili kwezoShishino zagqityezelwa kwanenani leenkampani ezathi zagqibezela iziqinisekiso zabo ze-ISO 9001/2008. Inkqubo yoPhuhliso lweZorhwebo eyakuthi iphucule inkqubo yofaniso kunye namathuba avela kwii-SOC's nakwabohlulelwano kwihlabathi liphela zathi zasiwa eluntwini lwaza lwabonakalisa umfanekiso wembali yeenkampani ezingama-72 eNtshona Koloni kwaye ezi mbali ziyakuthi zifakwe koovimba beenkcukacha be-NTIP kunye ne-UNIDO. Umzekelo wephepha le-webhusayithi yenkampani enye waqulunqwa okunye kuyakuthi kugqityezelwe kuze kufakwe ngexesha eliphakathi kwikota elandelayo. Imisebenzi yokwenziwa kwebenchmarking iyakuthi yenziwe kwimigangatho emi-2 kunye neenkampani ezili-10, ngoncedo lweBenchmarking ye-UNIDO komnye umgangatho, kwane-Benchmarking ye-WBA Werkzeugbau Akademie GmbH ekomnye umgangatho noluyakuthi lulandelwe ngamaphulo ophuhliso lwabanikezeli ngeenkonzo bezi nkampani.

I-WCTI yabamba iindibano zamathuba okunika ulwazi ezibanjwa kabini ngenyanga ukwazisa amalungu ngenkqubela phambili yeenkqubo esele zikhona kwanamaphulo acwangcisiweyo kunye namathuba anokubakho ezorhwebo.

Ifenitshala

Iziko lefenitshala latshintsha kwiminyaka elishumi edlulileyo, kwaye libonakalise ukukhulua okubalaseleyo kwe-5,4% eNtshona Koloni (WC). Amashishini efenitshala aqakwe kwi-IPAP njengeziko elingundoqo, nasekuqukweni kwimpembelelo ye-PPFA, apho ifenitshala ye-ofisi neyesikolo kwanezandlalo zikhethelwe ukuba zibekwe khona, ukulungiselela isiqulatho sesiphaluka esingama-80% - 100%. Oku kunyulwa kweziko kuyakuthi kunike amathuba okukhula koqoqosho kunye nophuhliso loshoshishino.

Isixa sokuqala sama-R2 650 600 yafunyanwa ngenyanga yeDwarha wama-2012 ukuphumeza uPhuhliso lweZakhono kunye neprojekthi yeHlokondiba esuka kwiSebe loPhuhliso loQoqosho lweSizwe EDD). Le projekthi iyakuthi igqalise kuqeqesho lwabantu abangama-200 kushishino lwefenitshala nasekumisweni kwehlokondiba lefenitshala yesiphaluka. Uphicotho-zincwadi lophuhliso lwezakhono lwenziwa kunye nemimandla echongiweyo yoqeqesho lwabaphathi abakhulu bolawulo, izakhono zobugcisa kunye nabongameli. linkampani ezili-10 zathatha inxaxheba kwinkqubo yoKwenziwa kweziVeliso eNcinane ukuphucula iziqhamo zokwenziwa kwemisebenzi yazo; inkqubo yaxhaswa ngabakwa-FP&M Seta.

Ukhuphiswano lokuyilwa kwefenitshala olwabanjwa kwixesha elingaphezulu kweminyaka emi-3 lwabanesiphumo sokufumana inkxaso kwi-DTI nakwi-FP&M SETA, ukulungiselela ukubanjwa kokhuphiswano

lokuyilwa kwefenitshala lwesizwe. Iinkampani zancediswa ukwenza umboniso lweziveliso zazo kwiDesign Indaba eyabanjwa e-CTICC ngenyanga yoMdumba wama-2013, nabo bathi bagqwesa phambili kuyilo lwefenitshala bathi baziswa kesi siganeko. Iinkampani ezingamashumi amathathu nazo zancediswa ukuthatha inxaxheba kuMboniso weFenitshala weQhayiya laBemi beDolophu yaseKapa wesibini eNyakeni kwiSitulo soKhethe apho kwakusenziwa umboniso wokuyila nokwenziwa kweziveliso kwisiphaluka. Iinkampani ezilishumi zathatha inxaxheba kumsebenzi wezithunywa ukuya e-Angola njengenxalenye yenkqubo yoPhuhliso loRhwebo lwaseAfrika kunye namanye amazwe enkalo yojoliso iGhana kunye neBenin ngowama-2013. I-WCFI yakhuthaza inani lamathuba okunika ulwazi ukwazisa amalungu eprojekthi kunye nnenkqubo kwanokwamkela iwebhusayithi enika ulwazi kwabo bachaphazelekayo ngokwahlukeneyo kwiziko lefenitshala.

b) Uqoqosho loHlaza

Umsebenzi onentsingiselo wenziwa ngexesha lonyaka-mali odlulileyo ukuqalisa iSakhelo soBuchule obuSetyenziswayo boQoqosho loHlaza oluyakuthi lube sisikhokelo samaphulo olamlo lukarhulumente wePhondo leNtshona Koloni (WCG's) kweli ziko. Isakhelo soBuchule sichonga imiba emihlanu engundoqo, ukuyibiza ukuphila nokusebenza kakuhle, ukuhamba kakuhle, iindawo ekuhlala kuyo izinto eziphilayo ezisemgangathweni, inkqubo efanekileyo yezolimo kunye norhwebo olufanelekileyo- oku kuxhaswa ngamandla okuxhathisa angundoqo apho urhulumente adlala indima khona: ummiselo, utyalo-mali kumaziko amisiweyo kunye nokuqinisekisa ukuba uqoqosho lwephondo lunako ukuxhasa uqoqosho lohlaza.

Isakhelo yaba sisiqhamo sokuzibandakanya nabohlukahlukeneyo abachaphazelekayo, kunye neSebe kwaye sange kudlalwe indima yobunkokheli kuphela kule nkqubo, kodwa usenokuthatha indawo yobunkokheli ekwenzeni umsebenzi malunga nemiba ebalekayo ethe yaphakanyiswa kwiSakhelo. Enye yeenzuzo ezongezelelweyo kwinkqubo yaba luqoqosho lohlaza njengokuba uqikelelo luqalisa ukuba nentsingiselo kulolonke iphondo – nangona uqoqosho lohlaza olunentsingiselo lwagqalisa kwinkcitho engaphandle kwi-DEDAT kubonakala lubonakalisa ukufuna uveliso lwezintzi ezintsha ukuvumela utyalo-mali kummandla.

Ukuqalisa kwesiXeko seDolophu yaseKapa ukwenza izifudumezi zamanzi ezisebenza ngemitha yelanga (SWHs) ithe yaba neengxaki zolawulo kwisiXeko. Ngethuba uGreenCape neSebe beqhubela phambili ukuthatha inxaxheba kwinkqubela phambili yesiXeko malunga neprojekthi, kusenokwenzeka ukuba iprojekthi ingaqhubeli phambili. Ngoko ke, uGreenCape uqhubela phambili ukudlala indima ekulungisweni kwengongoma yomgaqo-nkqubo ukulungiselela ukuqalisa kwe- SWHs ngokuthatha kwayo inxaxheba kwiikomiti zobuchule bobugcisa zesizwe kwi-dti, iSebe loPhuhliso loQoqosho kunye noLawulo lwaBantu abaqeshiweyo beMigangatho.

UGreenCape waqhubela phambili ukuzibandakanya kunye nabantu abatsha botyalo-mali abanokubakhona, ukuqinisekisa ukuba iimfuno zamashishini enza iziveliso zohlaza asaqalayo ayqondwa kakuhle nguRhulumente wePhondo leNtshona Koloni (WCG). Ukongeza, iziko liphenjelelwa ngqo yimiba yomgaqo-nkqubo kunye nolawulo. Kwiimeko ezininzi, urhulumente wephondo akanawo amagunya okuphelisa urhwebo, kodwa uGreenCape uqinisekise ukuba bayaqonda ukuba ziphina izixhathisi zamandla, wakha nobudlelwane namaqela athatha izigqibo esizwe ukwenza impembelelo yokwakhiwa komgaqo-nkqubo kuqoqosho lohlaza. Ngoko ke, uphuhliso lweziko lokwenziwa kweziveliso zokuhlaziywa kwamandla abenokusetyenziswa kwakhona lifumene uncedo lokukhula okubonakalayo ngokwandiswa kweemfuno ezingundoqo zesiphaluka kwimida emithathu yokuthengwa kwempahla karhulumente yokuhlaziywa kwamandla abenokusetyenziswa kwakhona – isiphumo esingqalileyo somsebenzi wokuphembelela amalungu ePalamente owenziwe nguGreenCape kunye neDEDAT kwiinyanga ezili-18 ezidlulileyo. Iinzame ezininzi zaba zezokwenziwa kweziveliso zohlaza kumbindi waseAtlantis, inani lemiqobo ephazamisana notyalo-mali yashenxiswa ngentsebenziswano phakathi kukaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni kunye nesiXeko (WCG). IisiXeko seDolophu yaseKapa senza ukuba kufumaneka ihektare ezingama-75 zomhlaba woshishino, kwanesivumelwano senkqubo engena magingxi-gingxi yokumiselwa kolawulo lomhlaba. Ukongeza, uGreenCape wagunyazisa uVavanyo lweMpembelelo yokuSingqongileyo kuwo wonke ummandla, nowathi kwasusa imfuneko yolawulo ngokubanzi ukulungiselela abotyalo-mali abalindelelweyo, nokuphepha ukusilela okungafanelekanga ekulungelelanseni imizi-mveliso. Ukuza kukthi ga ngoku, kwenziwe ingqiqo malunga nabenza iziveliso zobuchule bobugcisa bohlaya eAtlantis njengendawo yotyalo-mali, kodwa abenzi beziveliso zoqoqosho lohlaza ngokwamalungu asele ezne utyalo-mali lwawo lubenokuzikhethela iziza zedlelo elinguvul'indlela. Ngenxa yeemfuno zabo yokuba sele bekulungele ukunik iinkonzo zorhwebo kwindawo emfutshane ngokunxulumene nomthetho. Ngokweemfuneko zesiqulatho sesiphaluka kwabonakala ukwanda kumjikelo wesithathu we-REBID (njengokuba kuchaziwe apha ngentla), abenzi beziveliso zenjini ejikeleziswa ngumsinga womoya kunye namatanki amanzi – abangena kusebenzisa uphuhliso lweziza zeBrownfield. Nakweyiphina indawo kwiphondo ngenxa yeemfuneko ezabokaliswayo zamaziko enza iziveliso – baphinde kwakhona baqhagamshelana nesiXeki kunye noGreenCape ngalo mzi-mveliso usembindini.

Inyathelo elilandelayo kwinkqubo iyakuba kukuhlangana ne-dti ngokumiswa kweNdawo zoQoqosho eYodwa yeziveliso ezikumgangatho ophezulu zohlaza e-Atlantis. Kulindeleke ukuba uphando olunokwenzeka lweprojekthi luyakuthi luqalise kwikota yesibini yonyaka-mali wama-2013/14, kunye neqela lekomiti ephambili equka iSebe, isiXeko, uGreenCape, i-EDP kunye neQela eliLawula uRhwebo laqulunqwa ukukhokela inkqubo yesiphhaluka. I-SEZ iyakuthi ifune umhlaba owongezelelweyo wesiXeko ukuba uqukwe kwiprojekthi, noyakuthi ufune okokuba uRhulumente wePhondo leNtshona Koloni (WCG) kunye nesiXeko baqalise utyalo-mali olunentsingiselo kuhlobo lwamaziko ayakuthi axhase lsez. Oku kunika ithuba elilodwa lokwahluka iphondo njengeliqhokelayo kwiziveliso ezikumgangatho ophezulu zohlaza, kwano – ukuba kwenziwe utyalo-mali olufanelekileyo lophuhliso lwezakhono ezisekelwe phezu kwenkxaso yeli ziko – kuyakuthi kukhokelele kutyalo-mali olukhulu lweziko labucala kwanemisebenzi yokwenziwa lweziveliso.

I-Sebe kunye noGreenCape zange baphumelele ukufezekisa inkalo yojoliso yoqeqesho lwabafundi abangama-50, ngenxa yokuqalisa kwakhona kuka-SAQA inkqubo yesiqinisekiso emva kweenyanga ezintandathu, ngoko kukho ukusilela ekuqaliseni inkqubo. Ngoko ke, uGreenCape wafumana uncedo lwenkxaso-mali kurhulumente wesizwe, kwiziko loQeqesho leMfundo eyoNgezelelweyo nakweyomgangatho wesithathu nakwiziko labucala ukumisa iZiko loQeqesho lokuHlaziywa kwaMandla aphinde abenokusetyenziswa kwakhona (SARETC) kwiYunivesithi yoLwazi loBugcisa yaseCape Peninsula (CPUT). ISebe loQeqesho kunye neMfundo ePhakamileyo lifake imali eliR105 lezigidi kwi-CPUT ukulungiselela ukwakha nokwenziwa kwemisebenzi ye-SARETC – le mali, isuka kwiNgxowa-mali yeZakhono yeSizwe, iquka amaR80 ezigidi enkcihlo yemali eyinzuzo, kwanamaR25 ezigidi zenkcihlo ykwenziwa komsebenzi kwixesha leminyaka emithathu. Ukuthathwa kwasekuqaleni kwabafundi abangama-30 bazakuqeqeshwa eGermany, sibulela intsebenziswano phakathi kwe-Gesellschaft für Internationale Zusammenarbeit (GIZ) kunye nenani labenza iziveliso zezixhobo zoqobelo (OEMs) nabayakuthi babonelele ngezixhobo zamandla omoya kubayili bamandla omoya besiphhaluka – ngokusekelwe ekubeni abaqeqeshi bayakuthi baqeshwe ngaba bayili bamandla omoya. Le ntsebenziswano yathi yaba ngumvuzo womrwebi kuGreenCape. Umda womsebenzi kwi-SARETC uyakuthi wandiswe ukunceda kuqeqesho lobuchule bobugcisa lulandelwe yindawo yophando enxulumene nabo bonke ubuchule bobugcisa bokuhlaziywa kwamandla abenokusetyenziswa kwakhona, kwaye kuyakuthi kube luncedo ekufake;eni Ire koku ubincinane kumaphondo aseMpuma naseMntla Koloni.

c) Amashishini anikezela ngeenkonzo

Iqela laBongameli bamashishini anikezela ngeenkonzo okwangoku agqalise ekuzuzeni amathuba ngokusebenzayo ngelizwi kwi-BPO, kwi-ofisi ephakathi (iinkonzo zemali) namaziko eICT. Ukukhula kwala maziko kuxhomekeke ekufumanekeni kwabaqeshwa abanezakhono zobuchule ngokwendawo ezifikelekayo ngokwexabiso. Ekugqibeleni. Iqela labongameli ligqalise kuphuhliso lweenkqubo ukuqalisa inkqubo yobuchule botshintsho kwimeko yezakhono zommandla kumaziko afanelekileyo. Ukukhuthaza umlinganiselo wexabiso kwishishini leenkonzo ze-BPO nako kwabangumsebenzi omkhulu nanjengokuba yaba luncedo lwe-ICT SMMEs nabo basaqalayo. Iqela liqalisa ukuhlola amathuba anxulumene neenkonzo zezimali. Iziko lelona lingalelo kuqoqosho lommandla kunye neNtshona Koloni inamaziko abalaseleyo kwiinkonzo zoncedo lwezimali nathi abanako ukwenza imisebenzi kulo lonke ihlabathi jikelele. Iqela leenkonzo lithe lazibandakanya neYunivesithi yaseKapa ukuqalisa ukuqonda nzulu ngeziko, ngenjongo yokumisa iqela labongameli beenkonzo zezimali elisebenza ngokuzinikezela ngonyaka wama-2014/15.

Injongo yonyaka yaba kukuphanda umtyhi kushishino lwe-ICT nobonisa ukukhula koqoqosho okukhulu okunokuthi kwenzeka ukuquka iinkonzo zemali(i-inshurensi, ishishini lebhanki nolawulo lwempahla yecandelo), intengiso ngemiyinge emincinci kunye nentengiso yeempahla koonovenkile gemiyinge emikhulu ngexabiso eliphantsi, iinkonzo zoshishino namashishini okuyila ukuquka uqhagamshelwano kunye namaphepha-ndaba emivo. ISebe lisebenze neYunivesithi yaseKapa (UCT) ukuyila ingxelo malunga neziko leenkonzo zemali (ukuquka i-inshurensi, ishishini lebhanki, ulawulo lwempahla yecandelo njl.njl.) eNtshona Koloni. Le ngxelo iyakuthi ivumele iSebe ukuqalisa, ukukhuthaza nokulungiselela imeko yeenkono zemali zibenokunceda kumashishini orhwebo ngezimali akude nonxweme. Ukuze lifumane inzuzo ngendlela ekhawulezileyo kwi-ICT, iSebe lithathe isigqibo sokukhuthaza i-ICT kwiinkonzo zemali njengeziko elibalulekileyo nelibalaseleyo kwihlabathi liphela. Isebe lizibandakanye neenkampani ezibalekayo zeenkonzo zemali ngokweemfuneko ze-ICT ngembono yokuzama ukuphuhlisa izakhono ze-ICT yabo kunye namaziko amisiweyo ukukhulisa uqoqosho lweziko lwawo.

I-TSD yazinikela ekufumaneni inzuzo ngokweza uphando lothelekiso nokubanako ukwenza umsebenzi kunye nombala wexabiso ngokuthe ngqo kwimizi yorhwebo kwiziko loNcedo lwaNgaphandle loLungelelwaniso lwaMashishino nokuqalisa kweSebe ukwenza uphando kwiinkonzo zemali kwanokwahlula kwemityhi kwiinkqubo zeenkonzo zomthetho.

Uncedo lwaNgaphandle kwiiNkqubo zoShishino (BPO)

Amashishini akawa-BPO eNtshona Koloni aqhubela phambili kwindlela yawo yokukhula koqoqosho nokwandisa ukuthathelwa ingqalelo kwihlabathi liphela. Iziko longezelela izithuba zomsebenzi ezingama-2 489 ngalo lonke eli xesha – ukubonakalisa ukukhula koqoqosho malunga nama-65% kumashishini eenkonzo akude nonxweme. Inani elipheleleyo leengqesho yee-arhente kwiphondo lakhula nge-15% ukuya kuma 32 000.

ISebe lakhuthaza utyalo-mali kwii-BPO ezisibhozo okanye urhwebo lwentengiso kwiphondo ngolwahlulelwano kunye ne-BPeSA yaseNtshona Koloni. Ukuqwalaseleka kotyalo-mali lommandla apha enyakeni yaba luncedo lwangaphandle olukhulu olusuka kwihlabathi jikelele lwe-SERCO kunye ne-Capita. Ukufika kwale misebenzi kwabonakalisa ukubakho jikelele kokukhula koqoqosho eNtshona Koloni njengendawo yeenkonzo ze-BPO kwihlabathi liphela. Ukufumaneka koncendo-mali kwabangaphezulu kweR1 lezigidi, negalelo elisuka kumalungu amashishini awohlukahlukeneyo.

Umzantsi Afrika waphumelela kukhuphiswano loManyano loNcedo lwaNgaphandle lweSizwe (NOA) – Ibaso loNyaka leNdawo ese-UK ekuSingiswe kuyo neKude noNxweme ngowama-2012 (UK Offshoring Destination of the Year Award in 2012). I-(NOA) liqela lase –UK loncedo lwesizwe lwangaphandle, kunye nebhazo elibonakalisa imfezeko enkulu kwimbali yemimandla yoncedo lwe-BPO.

ISebe nabohlulelwano balo i-BPeSA baqalise ukuchaza ngemiceli-mngeni yokungabikho kwezakhono ngokwaneleyo kwiziko le-BPO. Isakhelo soqeqesho nemigangatho yokubanako ukwenza umsebenzi ithe yaqulunqwa ngokuhlangene namashishini kunye neSebe kwane-BPeSA okwanngoku bazibandakanye nee-SETAs kunye nee-FETs ukuqinisekisa ukufumaneka rhoqo koncendo-mali lwesiseko soqeqesho kwisakhelo elinokuthi lifikeleleke kuso ishishini.

Ubuchule bobuGcisa boQhagamshelwano (ICT)

I-Sebe lixhase amashishini e-ICT ommandla ngokusebenzisa amaphulo olamlo apha enyakeni. Okona kuphambili kugqaliswe kuko ibiluphuhliso lwezakhono kunye noshishino, kwanemisbenzi eli-113 ethe yabakho ngenxa yamaphulo ophuhliso lwezakhono zenkqubo ye-CAPACITI1000 nethi ifumane uncendo-mali kwiSebe.

ISebe lasebenza ngokuzinikezela ekuqaliseni amaphulo ophuhliso lwezakhono ngokubanzi kwizakhono ze-ICT ngentsebenziswana kunye ne-academia, amaqela abarhwebi kunye ne-Ofisi yeZakhono. Amaphulo olamlo kwafuneka ukuba abekumgangatho womfundi osele enesidanga. La maphulo ezakhono alandelayo afezekiswa – mahlanu ewonke; uHlahlelo lweNkqubo kunye naMashishini, uphuhliso lweJava, SAP, IBM noLawulo lweziko elimisiweyo le-IT. Ixabiso lale nkqubo lachongwa yiNgxowa-mali yeMisebenzi yakwa-DBSA ngowama-2012 ngethuba bekhupha ibhaso leR12 Lezigidi kuncendo-mali lomnikelo enkqubo yeminyaka emithathu elandelayo.

Uphando lweendlela zenkqubo yobuchule bobugcisa bezixhobo zekhompyutha, ukukhuthaza inkqubela phambili yohlobo lwezixhobo zekhompyutha nokuncitshiswa kweendleko zokwenziwa kweekhompyutha, kuthe kwaqhubeka. I-dti ifafe igalelo kuncendo-mali lwemisebenzi yephulo le-IT yaseKapa nakwiSikolo sokuFundela iSidanga soShishino kwiYunivesithi yaseKapa kuyaqhubeka (UCT).

Inkqubo 3 yanikwa umsebenzi wokugqibezela uVavanyo lweMpembelelo yoMmiselo ngokwasemthethweni nakuqoqosho lwemeko yommiselo we-ICT eMzantsi Afrika (SA), kunye neNkqubo 2L linkonzo zoPhuhliso loQoqosho ngokuHlangeneyo. Lo msebenzi uyaqhubeka kwaye i-TSD iyakuthi izibandakanye ne-IEDS ukuqalisa ukwenza uhlobo.

Ulwahlulelwano lweSebe kunye no-Bandwidth Barn lwabonakalisa amashishini angama-68 kunye nabarhwebi bengena kwiinkqubo zeengcebiso nokhokelo kumashishini abo enyakeni. Amanye kula, angama-31 sele ebonakalise ukuqhubela phambili kwengeniso okanye ukunciphisa kweendleko ngenxa yesiphumo samaphulo olamlo.

Imisebenzi yehlokondiba leziko yabayimpumelelo kunye noncedo lwayo lokukhokhela iziganeko ezili-10 kunye namathuba okunika ulwazi ngeli xesha kwafumaneka noncedo-mali olungaphezulu kwe ixesha elingaphezulu kwe- R4,5 lesigidi sezigidi kubaxhasi abangundoqo bamaqumrhu ukuquka u-Old Mutual, Shoprite, iQela lakwa-Foschini kunye no-Telkom. Ukomeleza amaqela eencutshe ze-ICT ukwenza inkqubela phambili yokunamathelana kwamashishini nokubanako ukwenza imisebenzi kwane- CITI ethe yakhokela iziganeko ezininzi zamashishini. I-Sebe lazibandakanya niWesgro kunye neqela lakwa Silicon Cape ukwakha unxibelelwano lwamashishini nokuqalisa amaphulo olamlo. Umsebenzi wokomeleza ixabiso lamandla omsebenzi wesynergy. Yesixokelelwano kwiniiba echongiweyo okwiverticals. Nokwachazwa kwinkqubela

phambili yemisebenzi yesixokelelwano ukuqinisekisa ukuba iisynergies zoshishino zinokuchongwa kwaye ziyakuhlala zisebenza. I-Sebe lanikwa umsebenzi wokomeleza inkqubo yorhwebo ukukhuthaza iNtshona Koloni ekunciphiseni urhwebo lokungenisa impahla elizweni nokwandisa ukufumana uncedo lwangaphandle/FDI. Oku (kwachazwa) ngentsebenziswano kunye noWesgro, isiXeko seDolophu yaseKapa kunye nePwC ukuqalisa nokwenza impembelelo "yeDigital Gateway yase Afrika: Ingxelo yokuYilwa kweZixhobo zeKhompyutha zoBuchule bobuGcisa kwiDolophu yaseKapa kunye neZiko loPhuhliso". Le ngxelo izakusetyenziswa kutyalo-mali nakwezorhwebo.

d) Ukufumaneka koNcedo lwaMashishini

Iqela lamashishini Afumana Uncedo (RBI), afezekisa iziphumo ezifanelekileyo kunyaka-mali ophantsi kohlolo, ingakumbi kwiziko lenkqubo yezinto ezinxulumene namanzi, nelilungiselelwe ukukhula koqoqosho nokwaziswa kwenkqubo yenkuthazo yesixa-mali sama-R800 esigidi sezigidi. Iphulo lokutya okucolekileyo lihambela phambili ngokuncomekayo, kwanokufezkiswa kwazo zonke iinkalo zojoliso, ukwenziwa komsebenzi wophando kunye nohlolo kwiziko leziveliso zendalo, kwaphelela kwinqanaba elibalulekayo lophando lwesixokelelwano sexabso, ngoncedo-mali olisuka kuRhulumente wase-Holani.

Iqela le-RBI lisebenza njengembumba yokuzisa utyalo-mali kweli ziko, ukuncedo nokukhokela ishishini nokudala imeko eluncedo ekukhuleni koqoqosho ngokufanelekileyo kumashishini. Unyaka-mali wama-2012/13 ubonakalise inyathelo eliphambili nelinentsingiselo kwiqela le-RBI ngokwemigaqo yendlela yobuchule obusetyenziswayo kwanobukhulu beprojekthi yalo kumaziko oncedo. Kunyaka-mali gowama-2012/13, Iqela lamashishini Afumana Uncedo lagqalisa kula maziko alandelayo: Obume bezinto ezinxulumene namanzi, Ukwenza ukutya kungonakali kunye neziveliso zendalo.

Ukwenza Ukutya kungonakali

Iqela le-RBI laphumeza inani elibalulekayo leenkqubo, ukwandisa ishishini. Lafezekisa iinkalo zalo zojoliso lweenkampani ezifumene inkxasi, ukuncadwa kwamashishini, kunye neziphumo zamaqela ezorhwebo lwamashishini athi afumana inzuzo kumaphulo olamlo athi enziwa. Iqela lincedise iinkamapzi zokutya ezili-100 ngokuphumeza iNkxaso yeZiveliso eZitsha zoKutya noKhuseleko loKutya kunye neNkqubo eseMgangathweni. Eli phulo lolamlo libalulekile kakhulu ukuqinisekisa ukuba abo badlala indima bamaqela amancinci nakumyinge ophakathi afikelela kwimigangatho efanelekileyo ukuze babenako ukwenza umsebenzi, kwanokhuphiswano olongezelelweyo nolusebenzayo kwindawo yorhwebo, ukubavumela ukwandisa isiphumo sabo kunye namathuba engqesho.

Ukufumaneka kwale nkxaso iqukwe apha yama-R9,869 yesigid sezigidi ngentsebenziswano nabachaphazelekayo, abanjenge Sitishi soBuchule bobiGcisa sakwa Agrifood, Umanyano lakwa Honeybush Tea kunye nePhulo loKutya okucolekileyo laseNtshona Koloni ukuxhasa iinkqubo kuPhuhliso nasekwenzeni uPhando lwesiveliso, ukuphawulwa kokutya ngelebhile nokukutyelwa phambili kweSMME. Oku kwaquka ama-R6,5 esigidi ngezigid otyalo-mali kwiziko lenkxaso leetshokoleti. I-TSD yahlangana noWesgro kunye ne-dti ukuxhasa iinkampani ezi-20 ekuthatheni inxaxheba komsebenzi wezithunywa eziya eGhana nase- Gulf Foods Trade fair. Iphulo loKutya okuColiweyo laseNtshona Koloni lakhokela iindibano zengxoxo ezili-10 zamashishini ukunika iinkampani uncedo lwamathuba othungelwano lolwazi oluphathelele namashishini kwimeko yemimiselo ngokusemthethweni, kwanokukhokela uqeqesho lwabantu abangama-30 abasuka kumanyano lwamashishini olungiselelo, imisebenzi yendawo ekukhuliswa nekuthengiswa kuyo izityalo nasekuqwalaseleni indlela yokuphatha iimbewu, imigquba kunye nonkcenkceshelo.

Ubume bezinto ezinxulumene namanzi

Iqela le-RBI lafezekisa zonke iinkalo zalo zojoliso lwe-APP ukulungiselela ubume bezinto ezinxulumene namanzi, nokudlala indima ebonakalayo kuphuhliso nasekunikeni igalelo ekuqulathweni kolungiselelo lokuqala lwe-dti lobume bezinto ezinxulumene namanzi, ukuzibiza iNkqubo yoKwandiswa koPhuhliso loBume beZinto ezinxulumene Namanzi (ADEP). Kwenziwa ulungiselelo lwempembelelo yenkqubo eyafikelela kwisixa-mali esingamaR800 esigidi sezigidi ekupheleni kwenyanga yoKwindla. Nanjengokuba iNtshona Koloni inelona nani liphezulu leefama ezisebenzayo kumazikwana orhwebo ngolwandle lwezinto ezinxulumene namanzi nangamanzi acocekileyo, labona ngengx'engaphambili ukuba iNtshona Koloni kufuneka ifumane malunga nama-60% ukuya kuma-70% oncedo lwenkuthazo.

Iphulo lobume bezinto ezinxulumene anamanzi eNtshona Koloni (WCADI) lakhokela amathuba asibhozo okunika ulwazi olwanceda iinkampani ezingama-20 ngemisebenzi enjengokufumana uncedo-mali, ubuchule bobugcisa, ukuchongwa kwesiza nokwandiswa. Kwancediswa iinkampani eziLishumi ezongezeleleyo ngamaphulo olamlo malunga noku. Ngenxa yophuhliso olwenziwe liQela kunye nenkxaso-mali eyafunyanwa

yiWCADl lokuphunyezwa kweNkqubo yeZempilo yeZilwanyana kwancediswa iinkampani ezili-10 ekwandiseni ukubanako kwazo ukwenza imisebenzi eyakuthi ibenegalelo kulondolozo nokufikeleleka kurhwebo ngokubanzi ekupheleni kwenyanga yoKwindla. Iqela kunye ne-WCADI yafumana uncedo-mali ngqo kwi- WCADI ukuya kufikelela kwisixa-mali seR7 lezigidi ngolwahlulelwano kunye neSebe leZolimo noMbutho weZolimo kunye noKutya Kwihlabathi liphela (FAO). Lakhokela inkxaso yeFama yeAbalone yaseKuhlaleni eseDoring Bay laza lafumana uncedo-mali lweR2,4 lezigidi kwiNkqubo yeNkxaso yeZolimo ngokuBanzi kunye neR8 lezigidi kwigalelo leziko labucala ukumisa inqanaba lokuqala lefama yokuqala ye-abalone yasekuhlaleni eMzantsi Afrika naseNtshona Koloni. Ngokuhlangeneyo namanye amaqela ohlulelwano, lakhokela ukufumaneka koncedo-mali lweR3,4 lezigidi kwingxowa-mali yeNkqubo yeNkxaso yeZolimo ngokuBanzi ukukhulula umyinge ongama-50/50 ngokulinganayo ngokwesivumelwano solwahlulelwano ngeendleko phakathi ko-Viking Fishing kunye no-Tuna Marine Abalone kwiFama ye-Abalone eseBuffelsjacht ekuNxweme laseMzantsi. Iqela lasebenza ngokuhlangeneyo nephulo lolamlo le-DAFF kwinkqubo yokubhengeza ihlokondiba le-Abalone elikhoyo laseHermanus ukuya eGansbaai njengeNdawo yoPhuhliso loBume bezino eziNxulumene naManzi (ADZ)/ iNdawo yoPhuhliso loQoqosho oLulodwa (SEZ). Iqela kunye ne- WCADI ngokuhlangene noMasipala wase Matzikama nalo lachonga inani elibalekayo leziza ezinokubakhona zobume bezino ezinxulumene namanzi kummandla wase Matzikana nowathi wabanako ukwaziswa njenge ADZ/SEZ.

5.3.2 URhwebo nokukhuthazwa kotyalo zimali

Ukukhuthazwa koTyalo-mali

Kunyaka-mali wama-2012/13, uWesgro wagqithisa kwicanedlo lakhe eliphantsi, wenza umtsalane wokufumaneka -kwe R913 lezigidi, nokukhuthaza amathuba engqesho ngokudala imisebenzi eli-1 546, nokwathi kwagqithis kwinkalo yalo yojoliso yonyaka. Imbonakalo yayo ijongeka intle namandla okubasendleleni ekuhambeni konyaka, ukuqgithisa kwinkalo yalo yojoliso ngeeprojekthi ezili-13 kwezingama-40. Inani lamashishini afumana uncedo lwempahla ezithuyelwa kwamanye amazwe lagqithisa kwinkalo yalo yojoliso yama-400 ngama-646 eendibano zabarhwebi abaqhuba amashishini, kwaye lithe lagqithisa kwinkalo yalo yojoliso yenani leeprojekthi kunye namaphulo olamlo athe aqaliswa kwii-SPVs.

5.3.3 Amaphulo oCwangciso-buchule

URhulumente eSizwe noweNtshona Koloni uchonge amaziko akhoyo okusebenzela njengawona axhathise ngamandla ekuvuleni amathuba anokubakhona okukhula koqoqosho nokudaleka kwamathuba engqesho. Ngokuqulathwe apha iphulo eliCwangcisiweyo leNkqutyana, okwangoku ligxinixisa ngakumbi iphulo lobumbano laseKapa nelisebenza malunga nokuqalisa amaphulo alo okuziqhelanisa nophuhliso loqoqosho lwamaziko akhoyo najongose ekukhuleni nakuphuhliso lokwenziwa kwemisebenzi yoqoqosho. Ngokwakiwa kwalo, uphuhliso lwamaziko akhoyo okusebenzela lufuna inkqubo yolungiselelo lweprojekthi lweminyaka emithathu ukuya kwemihlanu. Oku kwenzeka ngenxa yobukhulu beenkqubo ezi zizo zeemfuneko ezifanelekileyo zotyalo-mali yenzuzo ukuqinisekisa ukuba iiprojekthi zinokwenzeka kwaye zinokwamkelwa kwanokufezekisa iinjongo zoqoqosho ngokubanzi. Ukongeza koku, iSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho liqalise ukugxininisa ngakumbi hayi kuphela ekuqinisekiseni ukuba iiprojekthi zikhokelwa ngokweemfuno, kwanokuqinisekisa ukuba amanye amaqumrhu kaRhulumente ayakholiseka zizo kwaye ziyaxhaswa (kwiSiphaluka, kwiPhondo nakwiSizwe). Ngoko ke, oku kuthetha ukuthi ulungelelwaniso olukhulu lwabachaphazelekayo lwenzeka njengomba ongundoqo kwiiProjekthi zeMbumba zaseKapa. Ukongeza uhlobo lobumbano lweeprojekthi zaMaphulo aCwangcisiweyo azicaciswa kumaziko amisiweyo kuphela, kodwa nakwimveliso yalo evela ecaleni, amaphulo enxaso ajolise ekwandiseni amathuba okudaleka kwengqesho neknxaso yokukhula koqoqosho lwamashishini kwanokubanako ukwenza umsebenzi njengehlokondiba, uphuhliso lwezakhono, nokongiwa okunxulumene namanye amaziko amisiweyo nobekungekho lula ukuba lungenzeka ngaphandle kwamaphulo oBumbano lwaseKapa.

Ukuze kuphendulwe ngokweemfuno, iiprojekthi zaMaphulo aCwangcisiweyo kufuneka zihlangabezane neemfuno zabachaphazelekayo nokufunyanisiweyo kuphando olunokwenzeka olwahluka-hlukeneyo kunye nophengululo. Oku kuthetha ukuthi ingqiqo malunga nendlela eya kwiprojekthi isenokungenzeki ngokwemfuneko nangohlobo olu lulo lokuqondwa kwazo ngamanye amaxesha, hayo ngowamaxesha amisiweyo ngokwesicwangciso sazo esi siso. Oku kulindeleke ukuba kufumaneka kulo uhlobo lweeprojekthi ngokubanzi apho kukho imfuneko yenkxaso kunye nezigunyaziso zamaqumrhu awohlukileyo ukuhlangabezana nokufezekiswa ngempumelelo kweprojekthi. Kodwa ke, iNkqutyana: Amaphulo aCwangcisiweyo athe azisa uncedo lwamatye amiswe ecaleni kwendlela achaza umgama wendlela kwanezalathisi zeziphumo zawo, ukuxhasa iiprojekthi ezisixhenxe ezinxulumene namaziko amisiweyo okusebenzala. Inkqubela phambili efezekisiweyo kwiprojekthi nganye kwezi ihamba ngolu hlobo:

IPhulo le-Broadband. Ukulandela ukuvunyelwa kweSakhelo esiCwangcisiweyo seBroadband yeNtshona Koloni nophuhliso lweengxaki zamashishini asaqalayo ngowama-2011/12, iSebe lamisa i-Ofisi yeNkqubo yeBroadband ngokuqalisa ukwakhiwa okuyimfuneko kunye ne-OD nokuqalisa kwenkqubo yokufunyanwa kwabantu abatsha nokuzaliswa kwenani elibalekayo zezithuba zomsebenzi zangaphakathi. Ngaphezulu koko, iSebe labhalisa ngempumelelo uLwahlulelwano lwaBuccala lweBroadband kaRhulumente kuNondyebo weSizwe ukuqalisa inkqubo ezi zizo YeNT ukumisa i-PPP. Oku kwaquka ukuthengwa kwempahla karhulumente yeeNgcebiso zotshintshelo-mali nokuqalisa uphando olunokwenzeka noluyimfuneko kuRhulumente weSizwe. I-Sebe laxhasa isiXeko seDolophu yaseKapa ingakumbi uMasipala wase Saldanha ekuqaliseni uphando olunokwenzeka lweeprojekthi zakhe ze- Wireless Mesh nasekuncediseni iSebe leZemfundo kwimeko yophuhliso loshishino ukwenzela ingqiqo yeMbono yabo malunga neZemfundo ukuze imeko yezemfundo ibenokifumana inzuzo ngokubanzi ekufumanekeni kwebroadband ngokuphucula imigangatho kunye nohlobo lwemfundo eNtshona Koloni.

Indawo yoPhuhliso lwaMashishini eSaldanha Bay. Ngokuvunyelwa kweSigqeba soMbuso sePhondo ukuqhubela phambili ngokufaka sicelo sonyulo, iqela le-IDZ lahlanganisela laze langenisa izicelo ezineenkukacha ezpheleleyo kwi-dei. Ukungeniswa kwazo kwabanecebiso elincomekayo elisuka kwiBhodi yoPhuhliso loKwenziwa kweZiveliso, nolwathi lwaqalisa inkqubo yeentsuku ezingama-60 ekuqalisa inkqubo yokuzimanya nezimvo zoluntu oluchaphazelekayo kwiqela le-IDZ. Okulandela ukugqityezelwa kwezimvo zoluntu, kwamiswa iKomti yoPhuhliso lweZakhono zaSekuhlaleni kunye noQeqesho, nabameli ababini abasuka kwicandelo ngalinye, ukuqinisekisa ukufumaneka kweenzuzo ezongezelekileyo zokukhula koqoqosho kumasipala wesiphaluka. IKhampani yokukhutshwa kwamaphepha-mvume ye-IDZ yaseSaldanha nayo yamisa i-ofisi eSaldanha Bay ukwenza ulungelelwaniso ngokubanzi noRhulumente wesiphaluka kunye noluntu lwasekuhlaleni. Ekugqibeleni uthethathethwano naboManyano loPhuhliso lwaMashishini lwabonakalisa ukugqityezelwa kwe-Memorandum yokuqonda malunga nomhlaba we-IDC ekuqeshiswe ngawo ixesha elide kwi-IDZ.

Amalungelo. Ukwakheka kwakhona kwePhulo laMalungelo okwabonakalisa uphuhliso ngowama-2012/13 kuphuhliso oluCwangcisiweyo lobuchule bokuYila eNtshona Koloni, nesathi sasekelwa luhlahlelo lwaMashishini okuYila eNtshona Koloni kunye nomsebenzi webenchmark Yokuyila njengevumela uqoqosho. Inkqubo yaqalisa imibayamashishini anokubakhona kwangaphambili ekuphuhliseni iPaka yoKuyilwa kunye 'neNdawo yeHlokondiba laMahlokondiba'. Injongo yePaka yoYilo kukwakha amaziko amisiweyo okwandisa uphuhliso lwezakhono nakwiindlela zemfundiso ngolwazii kunye nokuyila, indawo yovavanyo lweziveliso eziyiliweyo nokuziza iinkonzo nokwenziwa komboniso wokubonakalisa nokukhuthaza ukuyila, kwaye iSebe lisebenzisana ne-CPUT kuphuhliso lwale projekthi. Malunga nendawo 'yeHlokondiba laMahlokondiba', amaziko awohlukeneyo eSPVs zeSebe enza uphando lokumiswa kweeSPVs ezinokubakhona ngokwaMalungelo ngenjongo yokusynergiser Imisbenzi yalo nolungelelwaniso lweenkonzo, nogxininiso lokusetyenziswa koyilo lwenkqubela phambili yokubanako ukwenza imisebenzi kumashishini awohlukeneyo axhaswa liSebe.

Ukufikelela kuMoya. Injongo yeprojekthi yokufikelela emoyeni kukwandisa nokuqhubela phambili ukufikeleleka kwiikhampani zeendlela zomoya ukungena nokuphuma kwiSitishi seeNqwelo-moya seZizwe kwiDolophu yaseKapa, negqalise ngakumbi ekwakhiweni kweendlela ezintsha nokwandiswa kobuninzi beendlela zaseAfrika. Ngokusebenza ngokuhlangeneyo kunye neKhampani yeZitishi zeeNqwelo-moya eMzantsi Afrika kuthe kwaba negalelo kwizimali nakwingxelo yobuchule beprojekthi, iSebe lathenga umnikizeli ngeenkonzo ukukhokela uphando malunga noshishino kwiindlela zaseGahana, Nigeria nase Angola. Iziphumo zolu phando ziyakuthi zigqityezelwe kwisigaba samva ngowama-2013 kwaye ziyakuthi zinike isiseko sokuzibandakanya neekhampani zeendlela zomoya kunye noRhulumente abafanelekileyo bamanye amazwe ukuvula iindlela.

Ukwandiswa kwe Cape Town International Convention Centre. Injongo yeprojekthi kukwandisa izakhono zobuchule be-CTICC's ukuhlangabezana neengqungquthela ezinkulu/ezongezelelweyo, imiboniso neziganeko eNtshona Koloni, nokukhokelela ekukhuleni kwamashishini oqoqosho kummandla. Ngaphandle kwenkxaso yolungelelwaniso lwengqiqo yenkxaso efanekisa kwiSebe malunga nabachaphazelekayo kunye nesiXeko seDolophu yaseKapa, ngowama-2012/13 kwabonakala ukuziswa phambili koMthetho oSayilwayo woMthetho 8 weConvecto wama-2000. Lo Mthetho uSayilwayo wavunyelwa yiNdlu yoWiso-mithetho ngenkcaso enye efakiweyo yaza yasayinwa yiNkulumbuso.

Izibuko leDolophu yaseKapa kunye Neendawo eziKufuphi. Ngokusebenza kweprojekthi malunga nesicwangciso sophuhliso ngokubanzi nangokuhlangeneyo kuMda weZibuko lesiXeko seDolophu yaseKapa, kwathathwa amanyathelo amankhulu ekuphuculeni ubume bemeko yeziko ngokwemfuneko yentsebenziswano ngokuhlangeneyo. Ekugqibeleni, iQela lesiCwangciso soBuchule lakwa-Transnet eNtshona Koloni lamiswa ukudlala indima yentsebenziswano ngomumanyeneyo nokudlala indima yesicwangciso ukulungiselela iiprojekthi

ezingundoqo kunye neMisebenzi eyodwa, ekuqaleni uTransnet, WCG kunye nesiXeko seDolophu yaseKapa zalungiselelwa ukukhokela amanyathelo emiba esixhenxe engundoqo nehambelana neprojekthi eziphambili.

IPaka yobuChule bobuGcisa beZempilo eKapa. Ipaka, nekifuneka imiswe kummandla wase-Pinelands, ukuzuza amathuba othelekiso lwangaphandle kwiDolophu yaseKapa ukuzuza amathuba orhwebo eAfrika. Inqanaba 1 lophando olunokwenzeka lagqityezelwa, nophando olongezelelweyo olwathu lwenziwa lokumiswa kwenye indawo kweziko likarhulumente ukunceda ukuhlangabezana neemfuno zePaka. Inyathelo lesibini liyaba kukufumana imvume kubakhokeli kwimida emi-3 karhulumente yokuvunyelwa ukuqhubela phambili ukuya kumgangatho olandelayo wolungiselelo lweprojekthi ukuze kuqalise ukwaziwa ngowama-2014/15.

linjongo ezicwangcisiweyo

Uphuhliso lweZiko kunye noRhwebo					
linjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkqutyana 3.1: Ukukhuthaza uTyalo-mali kunye noRhwebo					
Ixabiso lotyalo-mali kunye norhwebo.	R1.241bn	R765m to R1.2bn	R1.659bn	R459m	Isizathu sonxaxho lutyalo-mali olungaphezulu kukono belulindelekile kumaziko enza iziveli-so kunye namandla.
Inani lezithuba zomsebenzi ezithe zafumane-ka/zalondolozwa	1 313	765 to 1200	1 473	273	Ukwanda kakhulu kotyalo-mali kwabanesiphumo sokwanda kwemisebenzi.
Inkqutyana 3.2: Uphuhliso lweZiko					
leveraged Ixabiso lengxowa-mali/ukufumaneka kwenkxaso	R 29.438m	R16.2m	R124.244m	R108.044m	Isizathu sonxaxho kusetyenziswa koncedo-mali kwiziko loqeqesho lokuhlaziywa kwamandla aphinde abenokusetyenziswa kwakhona
Ixabiso lotyalo-mali kunye norhwebo olufunyenweyo	R1.879bn	R1.550bn	R2.250bn	R700m	Ngenxa yempumelelo yokuqalisa kweeprojekthi ezingundoqo kumaziko e-BPO okuhlaziywa kwamandla abenokusetyenziswa kwakhona
Inani lezithuba zomsebenzi ezifunyenweyo/elondolozweyo	4 245	6 450	20 566	14 116	Oku kwabangelwa ngamandla okuhamba komsebenzi ngokukodwa kumaziko e BPO, e-oli kunye negesi.
Inani labarhwebi bamashishini abathe bazuza kumathuba athe avela	–	541	–	(541)	Ithuba lokuqalisa uhlolo lomgangatho wabarhwebi boshishino lathathelwa phantsi kwaza oko kwabangela ubunzima kumaxesha amisiweyo enqubo yokunika ingxelo.
Inani lamashishini afumene uncedo athe andiswa	–	170	38	(132)	Ithuba lokuqalisa uhlolo lomgangatho wabarhwebi boshishino lathathelwa phantsi kwaza oko kwabangela ubunzima kumaxesha amisiweyo enqubo yokunika ingxelo.

Uphuhliso lweZiko kunye noRhwebo

linjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Ulondolozo lwexabiso leRanti	–	R5m	R11.789m	R6.789m	Inkalo yojoliso yasekwa phezu kokuphambili nokuthe kwafezekiswa ngonyaka kwanempumelelo yenkalo yojoliso yemfezekiso eyathi yagqithisa, kwaza kwalandela imbuyekezo engcono kunaleyo ibilindelekile kwinkqubo ngempumelelo.
Ixabiso lokulungiswa kwenqanawa/ ukuxhobusa isikhephe ngeemasti neeseyile	–	R1bn	R1.100bn	R100m	Amashishini e-oli neGesi abangcono kunobekulindelekile
Ixabiso leRanti kwimpahla ezithunyelwa kwamanye amazwe	–	R750 000	R7.141m	R6.391m	limfuneko ezingamandla eAfrika.
Iga-lelo leMivuzo kwi-GDPR	–	–	–	–	–
Inkqutyana 3.3: Amaphulo esiCwangciso soBuchule					
Inani lezithuba zomsebenzi efunyenweyo/ elondolozweyo	–	–	–	–	–
Ixabiso lotyalo-mali kumaziko amisiweyo	–	–	–	–	–

Izalathiso zokuhamba komsebenzi

Uphuhliso lweZiko kunye noRhwebo

Isalathisi sokuHamba koMsebenzi	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkqubo 3.1: Ukukhuthazwa koRhwebo kunye noShishino					
Inani leprojekthi zorhwebo notyalo-mali eziqalisiweyo.	10	10	6	(4)	Imeko yeHlabathi yotyalo-mali lwamanye amazwe isenobuzaza neyathi yenziwa mandundu kukungazinzi kakuhle kwezekhaya.

Uphuhliso lweZiko kunye noRhwebo

Isalathisi sokuHamba koMsebenzi	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkqubo 3.1: Ukukhuthazwa koRhwebo kunye noShishino					
Inani lamashishini afumenencedo lokuthunyelwa kweempahla kwamanye amazwe.	742	400	645	245	limfuno ezingamandla zeendawo ezithumela iimpahla kwamanye amazwe.
Inani leprojekthi ezintsha zotyalo-mali ezisendleleni.	65	27	40	13	Ukulindeleka kwamalungiselelo akholisayo ngenxa yokuba nomdla kweAfirka.
Inani lamaphulo olamlo/iiprojekthi zengqiqo kunye nee-SDAs.	11	20	28	8	Ngenxa yobudlelwane obungcono bokwenziwa komsebenzi wendawo.
Inkqutyana 3.2: Uphuhliso lweZiko					
Inani labantu abaqeqeshiweyo.	38	330	416	86	Ukufezikwa okugqithisileyo kwabangelwa kukufuneka kakhulu kumaziko eMpahla eNxitywayo, Honeybush nakwi-ICT.
Inani lamashishini afumene uncedo.	1 760	445	445	-	-
Inani leprojekthi zorhwebo notyalo-mali eziqalisiweyo	17	10	24	14	Ngenxa yokuhamba komsebenzi we-oli kunye negesi ngendlela ekhethekileyo kunye ne-BPO.
Inani lamathuba akhokelweyo okunika ulwazi.	-	104	118	14	Imigangatho emikhulu yemisebenzi yeeSPVs.
Inani lolwahlulelwano lwamaqela elimisiweyo	-	5	8	3	Oku kubobakalisa iqondo eliphezulu lentsebenziswano phakathi kwamaqela ohlulelwano kunye neeSPVs
Inani elikhokelweyo lotyalo-mali	-	3	2	(1)	Ukusilela ekuqaliseni inkqubo yeREBID kwathetha ukuthi iNtshona Koloni (WC) yayinemibono embalwa kunaleyo yayilindelekile.
Inani leengxelo zengqiqo yobuchule/ uPhando/ ikhathalogu ezizisiweyo.	-	6	6	-	-

Uphuhliso lweZiko kunye noRhwebo

Isalathisi sokuHamba koMsebenzi	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inani lamashishini afumene uncedo lokuthunyelwa kweempahla kwamanye amazwe.	-	40	61	21	Ngenxa yokubaphezulu kwemfuneko yamaziko e-oli igesi kunye nokutya okucolekileyo ngaphezulu kunokuba bekulindelekile
Inkqutyana 3.3: Strategic Initiatives					
Amaphulo aCwangcisiweyo	-	-	-	-	-
Inani leprojekthi zamaziko amisiweyo ezifumene inkxaso.	10	6	7	1	Inkqutyana yaphendula ngokweemfuno zenkqubela phambili yenkxaso yeprojekthi yesi-7th.

UbuChule besiCwangciso sokuHlangabezana nokungahambi kakhuhle komsebenzi

Isiqendu sokungahambi kakhuhle komsebenzi sibangelwa yimiba engaphaya kolawulo lukaRhulumente wePhondo, enjengokusilela kwenkqubo ye-REBID, inani labotyalo-mali abazinikezeleyo kwiprojekthi, kwanemiceli-mngeni enxulumene nokuvunyela-wa kwe-SAQA yeenkqubo ezintsha zophuhliso lwezakhono.

Unxulumano lokuhamba komsebenze kuny noqingqo-mali

Inkcitho yenkqutyana

Igama leNkqutyana	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo neNgenano)	Ulwabiwo lokuGqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo neNgenano)
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ukukhuthazwa koTyalo-mali noRhwebo	18 500	18 500	-	14 956	14 956	-
Uphuhliso lweZiko	45 083	44 803	280	35 616	35 577	39
Amaphulo aCwangcisiweyo	37 571	36 871	700	16 854	16 183	671
uLawulo: Uphuhliso lweZiko kunye noRhwebo	1 122	1 122	-	1 830	1 821	9
Inani lilonke	102 276	101 296	980	69 256	68 537	719

5.4 Inkqubo 4: Ulawulo kunye neMimiselo yoShishino

Injongo:

Ukuqinisekisa ukulingana, imeko yokuthatha uxanduva lwemisebenzi yishishino eNtshoana Koloni ngokusetyenziswa kwamaphulo esiqhelo kwimeko yorhwebo nangoku gunyazisa amaphulo aluhlobo olulodwa oMgaqo-siseko wesizwe kunye nemimiselo yephondo ngokusemthethweni nangokwemigaqo-nkqubo.

Ukwakhiwa kweNkqubo

Inkqutyana 4.1: linkonzo zoLawulo

Inkqutyana 4.2: Ukhuseleko lwaBathengi

Inkqutyana 4.3: Ummiselo wotywala ngokuseMthethweni

linjongo eziCwangcisiweyo zonyaka-mali ophantsi kohlolo:

- Ukukhuthazwa kwemeko esebenzayo yorhwebo kwiphondo ngokuncitshiswa kwemiqobo yemimiselo kwanokuthintelwa kweemfuneko zokuthobelana;
- Imeko yoshishino ebonakalisa imigangatho ephezulu emfundiso ngokuqonda kwabathengi luninzi lwabemi baseNtshoana Koloni kunye neendawo zasekuhlaleni zoshishino, eyaxhaswa zizikhalazo zolawulo olusebenzayo kunye nobuchule obusetyenziswayo bezisombululo; kwane
- Imeko yommiselo ebonakalisa imigangatho ephezulu yokuthatha inxaxheba koluntu lwasekuhlaleni, ukwandiswa kweenzuzo zamashishini otywala kwiPhondo kunye nabantu balo ekunciphiseni iimpembelelo ezingafanelekanga ngokwandisa imfundiso yokuqonda, ukunciphisa ukufumaneka kotywala nokuphuculwa kwesigunyaziso somthetho.

linjongo eziCwangcisiweyo, iinkalo zojoliso ezicwangcisiweyo zokuhamba komsebenzi kunye nokona kufezekisiweyo

Unyaka-mali wama-2012/13 ubone i-OCP izama amanyathelo engqiqo yokwandisa nokucokisa unikezelo ngeenkonzo zalo ngenjongo yokuphucula umhlaba owenza umda phakathi kwabaxhasi kunye neSebe. Ukuhamba kwemisebenzo eyohlukeneyo nenxulumene nokunika iingxelo zeenjongo ezicwangcisiweyo kwanezalathis zokuhamba komsebenzi zicacisiwe apha ngezentsi:

Imiqobo yemimiselo ngokusemthethweni

Kufuneka kuqwalaselwe ukuba imeko yokudalanokuvumela ushishino ngokuchazwakwimiqoboyophuhliso loshishino nokukhula koqoqosho yenye yenxalenye ezingundoqo zePSO 1. Ngokwenigaqo seNjongo eCwangcisiweyo 1 yePhondo neyi le. "Ukudala aMathuba okukhula koQoqosho kunye neNgqesho" ukuncitshiswa kokubizwa ukuba yiRed tape ethi iphazamisane nophuhliso loshishino kunye nokukhula koqoqosho kwiphondo kwacinelwa nanjengomnye wemiba ephambili ekufuneka iphakanyisiwe. Imiqobo ekukhuleni koshishino yintsongelo enokuba yingozi engaqondakaliyo kushishino ingakumbi kuthintelo lwamashishini asakhasayo aluhlobo olubalulekileyo kuqoqosho lweNtshoana Koloni. Kunyaka ophantsi kohlolo inkqubo yaba nenkalo yojoliso yokuchonga nokuchaza ngemiqobo emi-2 eyenza uthintelo. Malunga noku kufuneka kuqwalaselwe ukuba iqela lithe njengenxalenye yenkqubo yesebe yovavanyo lomthetho olucetyiweyo, ukuchongwa kwezilungiso ezicetyiweyo zowiso-mithetho eyodwa neyayiquathe okanye eyakuthi ibengumqobo ekukhuleni koshishino kunye nophuhliso. Impembelelo yale miqobo yachongwa kamva nokwenziwa kovavanyo lwale mpembelelo ingenisiweyo kwiziko elifanelekileyo lesizwe ukuze lenze ingqiqo ngayo. Nangoluphina uhlobo, kufuneka kuqwalaselwe ukuba ukwanda kwale miba ichongiweyo ziziphath'amandla zephondo nezesizwe, ngoku kufikelele kwisigunyaziso kunye nomsebenzi weqela lokunciphisa ired tape kwisebe.

linkonzo zoLungiselelo lwaBathengi

Kunyaka-mali ophantsi kohlolo kubonakele ukuba ukuqhubela phambili komsebenzi we-OCP ojolise kwiinjongo zayo zokuba ziziphath'amandla zokusombulula impikiswano yabathengi ngokuthembekileyo kubaxhasi bentengiso abakwiphondo. I-OCP ithe yalondoloza iinkonzo zoncendo lwesisombululo sayo ngokukhululekileyo kumalungu asekuhlaleni kwiphondo kwaye inenani lezikhalazo ezininzi ezigcinwe e-ofisini ukulungiselela imibuzo enokuvula kuluntu. I-OCP isaqhubela phambili ukuba ziziphath'amandla eziphambili kwiPhondo ezifumana, eziphanda nezisombulula elona nani likhulu lamatyala kuwo onke amaphondo. Elona nani likhulu lamatyala afakiweyo lingabangwa njengezibangelwa kukuzithemba okubobakaliswa ngabemi ngokusebenzisa uncendo lweenkonzo ze-OCP. Ukongeza ukuphunyezwa kweenkonzo zokubhengezwa kwakhona komthetho omisiweyo

osetyenziswa kwiNkundla yaMatyala yeMicimbi yeZabathengi eNtshona Koloni (WCCAT) nawo uthe wafikelela kwingqiqo kunyaka ophantsi kohlolo. Olu phuhliso lwabanesiphumo sokuba i-OCP isebenzise i-WCCAT njengendlela yobuchule bokusombulula ukwanda kwemicimbi ekugqibeleni. Oku yimpumelelo enentsingiselo njengokuba inika abathengi amathuba wokuba afumane isigwebo seempikiswano ezingekasonjululwa eziphantsi kolawulo lobulungisa be-OCP kunye ne- WCCAT. Iziphumo ezifanelekileyo ezaveliswa zizikhalazo ezifunyenweyo liqela lolawulo lwe- OCP elithe lafezekisa umthwalo wolungiselelo lweenkalo zalo zojoliso.

Ilinge lokuqwalasela nokugcina ulwazi olubhaliweyo lwempembelelo yezisombululo ezisetyenzisiweyo yi-OCP, isalathisi sesiphumo esisodwa saqukwa kwi-APP ngonyaka-mali-2011/12. Isalathisi saqhubeka ngonyaka-mali wama-2012/13. Esi salathisi sokuhamba komsebenzi sinxulumene nolondolozo lwezimali ezongezelekileyo kubathengi ngenxa yephulo lolamlo lwee-OCP's. Uhlengahlengiso olusetyenziswayo ukwenza ingqiqo yolondolozo lwezimali lwacetywa liSebe lesizwe leZorhwebo kunye noShishino olwasetyenziswa kamva zizo zonke iziphath' amandla zokhuseleko lwabathengi kwiphondo. Ngokwemigaqo yesalathisi sesiphumo esisodwa solamlo lwe-OCP kwizikhalazo ezifakwe e-ofosini yalo ezathi zabaluncedo lolondolozo kubathengi abachaphazelekayo ngenani eliphelileyo lama **R5 esigidi sezigidi**. Esi sixa-mali sesokufezekiswa ngokugqithisileyo kolungiselelo lwenkalo yojoliso kodwa isenokubalelwa ngqo ekwandiseni inani lezikhalazo ezathi zafunyanwa yi-OCP. Ukwanda kwamatyala kuthethe kwakhokelela ekwandeni kwamatyala okuthethe kwakhokelela ekwandiseni okusombulula amatyala amaninzi nasekulondolozeni imali eyongezelelweyo ukunceda abathengi.

Ixabiso lemali elondolozweyo libonakalisa ixabiso lolungiso, ukubuyiselwa iindleko, ixabiso lolondolo lwekontrakta okanye ukutshintshwa kwesiveliso ngesinye esinikwa umthengi. Kuqwalaselwe ukuba olu londolozo aluquki zindleko zemirhumo yezomthetho okanye eminye apho abathengi bebefanele ukuba babhatale ukuba bathathe isikhalazo sabo basisa emthethweni. Ukuba ezi ndleko zongezelelweyo kwakufuneka ukuba zibengumba kungqinelaniso lwee-OCP's, kufuneka isizathu sokuba eyona mali ilondolozweyo yomthengi ibengaphezulu kunesixa-mali esigcinwe kulwazi olubhalwe phantsi. Kanti akunakuphikwa ukuba impembelelo eyenziwe yo-OCP kubomi babathengi besiqhelo ibonakala ngokucacileyo ngokoluhlobo lwesalathisi soko.

Njengenxalenye yovavanyo lwempembelelo yeenkonzo ze-OCP malunga nolawulo lwezikhalazo kwathathwa izigqibo zokwenziwa komlinganiseli wepersenti yabathengi ababonakalisa ukwaneliseka ngumgangatho weenkonzo ezinikezelwa yi-OCP. Iziphumo zohlolo olu lolu hlobo ziyakuthi zbonakalise isalathisi ukuba i-OCP yayinika iinkonzo zoncdo ezisemgangathweni nezixabisekileyo kubemi bephondo. Iziphumo zophando zabanakalisa ukufezekiswa okugqithisileyo kwale nkalo yojoliso. Oku kufezekisiweyo kuyabonakala ingakumbi kwimiceli-mngeni ethe yafunyanwa yi-OCP malunga nolawulo lwezikhalazo. Kuyakuthi kuqwalaselwe kulwazi olu kule ngxelo ukuba i-OCP ifumene ukungenza kwezikhalazo zabathengi ngenxa yomdla nentando yabathengi basekuhlaleni malunga noMthetho woKhuseleko lwaBathengi. Oku kwakhokelela kuxinzelelo kwizinto eziluncedo ezikhoyo kwi-OCP ekulawuleni nasekusombululeni imiba ekhoyo ngokukhawulezileyo ingaphozisanga maseko. Ukongeza ekwandeni kobuninzi imilinganiselo yesigunyaziso seOCP njengokuba ichaziwe kuMthetho woKhuseleko lwaBathengi (CPA) nawo kwenza ukuba le mpumelelo ibe yencomekayo. Ngokwemigaqo yeCPA imiba ethile ayiqukwanga kwisigunyaziso nakulawulo oluphantsi kweQela eliPhanda uLwaphulo Mthetho leSizwe kuBathengi kunye neziphath' amandla zephondo ezinjenge COP nenesigunyaziso esiodwa kuphela. Le migangatho yokwaneliseka ifezekisweyo kufuneka ibonakale kule meko kwano kuphunyezwa kwayo ngokungaphezulu nangokukholisayo.

Imigangatho yemfundiso yokuqonda kwabathengi

Kunyaka ophantsi kohlolo kubonakele ukuba imfundiso kunye nokuqonda kwabathengi eyenziwe liqela lee-OCP's lisaqhubela phambili ngomsebenzi walo obalaseleyo kwiindawo zasekuhlaleni, kumashishini, kwii-NPO's/ NGOs, imibutho yezenkolo, amasebe norhulumente nabanye abachaphazelekayo nababonakalisa umdla. Isigunyaziso esiphambili seqela lemfundiso yabathengi kukwandisa umgangatho wokuqonda kumaqela akhankanyiweyo kwangaphambili malunga nemiba eyohlukeneyo nebalulekileyo kubathengi. Oku kuquka indima edlalwa kunye nomsebenzi we-OCP, okuqulathwe nguMthetho woKhuseleko lwaBathengi nesiseko sokubanako ukwenza ubalo-mali ngokomlomo nangokubhaliweyo. Ngokuhambelana nesi sigunyaziso i-COP ikhokele iindibano zocweyo neempembelelo ezibalekayo zokunika ulwazi/nokuqonda kumaqela ekujoliswe kuwo kwiphondo. Iziphumo zolu manyano zaba zezifanelekileyo ingakumbi kwiinkalo zojoliso zesiphumo njengokuba zilungelelaniswe yiOCP zithe zafezkiwa. Kuyakuthi kuqwalaselwe ukuba njengenxalenye yeprojekthi yeSebe yoqwalaselo novavanyo yenze umlinganiselo wempembelelo nempumelelelo yamaphulo athe enziwa kunyaka-mali ophantsi kohlolo apho kwenziwa uphando lokwenziwa komlinganiselo womgangatho wokuqonda kubathengi kwiphondo. Iziphumo zabanakalisa ukuba ulwazi olwahlukeneyi oluthe lwafumaneka kunye neempembelelo zemfundiso yokuqonda kwabathengi ezathi zakhokelwa kulo lonke iphondo zither zasebenza kwaye zabaneziphumo ezifanelekileyo azithi zayimpumelelo. Malunga noku iziphumo zophando zabanakalisa

ukuba ukwanda okuncomekayo kwimigangatho yokuqonda ithe yagcinwa kulwazi olubhalwe phantsi kulo lonke iphondo. Ibubungqina bokuba ulwahlulelwano ngokwezicwangciso ezohlukeneyo ezathi zenziwa kwiminyaka embalwa edlulileyo ithe ngoku yaqalisa ukuba nesiqhamo ezincumisayo, ingakumbi kwihlelo lokuqonda kwabanthengi. Olunye lolwahlulelwano ngokwezocwangciso ezimiswiweyo oluthe lwaba negalelo ekwandiseni imigangatho yokuqonda kwiindibano ezohlukeneyo kwicandelo lamaphepha-nda oshicilelo nakunomathotholo (ingakumbi koonomathotholo basekuhlaleni). Uninzi lwabantu kwezi ndibano neli ziko yaba sisiseko sawo omabini amaqela ekuqwalaseleni imfuneko yoncedo lokunika abami ithuba lokufikeleleka kulwazi noluyakuthi libomeleze ukuze babenako ukuzikhusela kwimiba enxulumene notshintshelo-mali kunye noshishino. Iziphumo zophando zabonakalisa ukusebenza ngempumelelo koku kwanezinye iiprojekthi zemfundiso yokuqonda eziyakuthi ngenxa yeOCP iqhubele phambili ukwandisa nokucokisa iimpembelelo ezohlukeneyo zemfundiso yokuqonda kulo lonke iphondo.

Esinye seziphumo zolungiselelo lwe-OCP yaba kukwenza umlinganiselo wepersenti yabathengi ababonakalisa utshintsho kwimo yokuphatha imali emva kwephulo lolamlo lwe-OCP. Umba ophambili ekugqaliswe kuwo ziimpembelelo zemfundiso yokuqonda kwabathengi ezathi zakhokelwa ngexesha lokwenziwa kohlolo zanzulumana nombaba wokubanako ukwenza ubalo-mali ngokomlomo nangokubhalwe phantsi kwanemfuneko yokuxhobisa ngezakhono abathengi abangamaxhoba malunga nalo mba. Le projekthi iyodwa yabakukuqhubela phambili iphulo elathi laqalisa kunyaka omandulelayo. Nanjengokuba oku yabakukuqhubela phambili kweprojekthi esele ikhona kwafunyaniswa ukuba kufanelekile ukuba kubekho isalathisi sesiphumo soku nesathi senza umlinganiselo wephulo lolamlo ukulinganisela le mpembelelo. Ukwenza umlinganiselo wempembelelo kwenziwa uvavanyo kubathengi abathi bathatha inxaxheba kumaphulo awohlukeneyo ukwenza ingqiqo yelona nani labantu abathathe inxaxheba abakulwazi olubhalwe phantsi nethe kwabakho utshintsho lwendlela abaphatha ngayo ulawulo lwezimali ngenxa yamaphulo akhokelwa yi-OCP. Uvavanyo lubonakalise utshintsho olufanelekileyo kwindlela abaphatha ngayo ulawulo lwezimali.

Eyona ndlela yobuchule bogqaliselo lwe-OCP's ekwenzeni imisebenzi yazo yesigunyaziso, ingakumbi ukubonakala kokwanda okukhulu ngokugqithisileyo komdla wabemi kumba wokhuseleko lwabathengi yaba kukuqalisa nokulondoloza ulwahlulelwano olungundoqo lwamaqela ohlulelwano lobuchule bomsebenzi. Ingqiqo yaba yeyokuba unxulumano olusebenzayo nolomeleleyo lwentsebenziswano nabachaphazelekayo abangundoqo iyakuba luncedo ekwandiseni iinkonzo ezinikezelwa yi-OCP. Ukongeza, amaqela awohlukeneyo obuchule bemisebenzi ayakuthi abenako ukuthatha inxaxheba kwiimpembelelo zemfundiso zabathengi ezakhokelwa yi-OCP ukwandisa imiba ekugqaliswe kuyo eyaziswa kubathathi-nxaxheba. Kunyaka ophantsi kohlolo kubonakalise ukuqhubela phambili kweOCP ekwenzeni umsebenzi wayo ekumiseni unxulumano olusebenzayo lokwenziwa komsebenzi kunye nolwahlulelwano nabantu abaninzi abadlala indima kumba wokhuseleko lwabathengi. Ukuqalisa kohlulelwano kwaquka amaqela amiswe ngokusemthethweni anoxanduva lokhuseleko lwabathengi kwanemibutho engekho phantsi kolawulo lukarhulumente (NGOs). Amanye amaqela ohlulelwano angekho phantsi kolawulo lukarhulumente aquka alalandelayo:

IBhunga leeMpahla zaBathengi loMzantsi Afrika: Ulwahlulelwano lobuchule lwagqityezelwa kunye neBhunga leeMpahla zaBathengi laseMzantsi Afrika malunga nokukhumbula kwanothethathethwayo malunga nezikhalazo ngokuchasene nokuxhalabisayo kumalungu alo. Olu lwahlulelwano lwavelisa iziphumo ezifanelekileyo nanjengokuba uninzi lwezikhalazo ezinxulumene namalungu zathi zasonjululwa ngokwanelisayo kwaza kwabaneziphumo eziyinzuzo kubathengi. Oku kwaba luncedo kakhuluekunciphiseni ubunzima kumancedo e-OCP nanjengokuba imiba yathi yasonjululwa ngempumelelo ngokuhlangeneyo. Olu lwahlulelwano luyakuthi luqhubeka kunyaka-mali olandelayo.

Iziko loLondolo-mali eseBhankini: I-OCP iqalise unxulumano lwentsebenziswano kunye nenani leebhanki ezinkulu eMzantsi Afrika. Okona kugqaliswe koku kolu lwahlulelwano kukwandisa isiseko sobalo-mali ngokomlomo nangokubhalwe phantsi kubemi bePhondo leNtshona Koloni. Ulwahlulelwano lube nesiphumo sokulondolozwa kweempembelelo zobalo-mali ngokomlomo nangokubhalwe phantsi ezathi zakhokelwa kulo lonke iphondo.

IYunivesithi yoBuchule bobuGcisa yaseCape Peninsula: Eli Ziko leMfundo ePhakamileyo lithe laba lelinye lamaqela ohlulelwano elinexabiso kwi-OCP kumba womanyano nabantu basekuhlaleni nolubizwa ngokuba ziinkonzo zemfundiso. Le ngqiqo yeenkonzo zemfundiso isekwe phezu kwengcinga zokunika abafundi amathuba okusebenzisa ulwazi lwabo lweengcingane ngokwesiseko somsebenzi owenziwayo kwiindawo zaskuhlaleni. Oku kwabonakalisa abafundi bobizo lwemisebenzi eyohlukeneyo bezibandakanya kwiimpembelelo zokunika ulwazi kubantu basekuhlaleni.

Imibutho yeZenkolo kunye neZikolo: Izifundo zabathengi ziyinxalenye yoludwe lwezifundo zabafundi ekufezekiseni izifundo zokulawula ubutyebi boqoqosho lwelizwe. Ngenxa yoku ulwahlulelwano kunye nezikolo ezininzi kulo lonke iphondo luthe lwamiselwa ngokwemigaqo yokukhokelwa kweempembelelo zeendibano zocweyo/ zokunika

uluntu ulwazi kwezi zifundo zizodwa. Ngokufanayo, ulawulo lwemibutho yezenkolo eyahlukeneyo lwabonakalisa imfuneko yolwahlulelwano kunye ne-OCP ukunika amalungu ayo izixhobo zolwazi, ingakumbi kwimeko yobalo-mali ngokomlomo nangokubhaliweyo.

Iqela loKhuseleko lwaBathengi: Eli Qela lumanyano lweziphath'amandla zokhuseleko lwabathengi kulo lonke iphondo kwanokhetho lwegqiza lolawulo lwesizwe. Uqqaliselo lolwahlulelwano kukuqinisekisa ukuba kukho indlela yobuchule obusetyenziswayo bolungelelwaniso kwanokuphendula ngokweemfuneko kwimiba enxulumene nokhuseleko lwabathengi kumgangatho wesizwe.

Ummiselo woMthetho woLawulo loTywala

Kunyaka-mali wama-2012/13 kwabonakala ukuphunyezwa koMthetho woTywala weNtshona Koloni, uMthetho 4 wama-2008. IBhodi yoTywala yaseNtshona Koloni yathiywa igama kwakhona, yabizwa ngokuba LuLawulo loTywala lweNtshona Koloni (WCLA). Konyulwa iBhodi yoLawulo ye-WCLA ngomhla we-12 kweyoKwindla wama-2012. Oku kwavumela iBhodi ibenako ukulungelelanisa isakhelo semigaqo-nkqubo yamaqumrhu kunye neziko lentsebenziswano nokwathi kwavumela ukwenziwa kwemisebenzi yeWCLA. Kwaquka izakhelo zolawulo nezokuthobelana ezinjenge migaqo-nkqubo yeZolawulo lweZabasebenzi (HR), imigaqo-nkqubo yoLawulo lweZimali kwanokumiswa kweNkundla yaMatyala yokuKhutshwa kwaMaphepha-mvume oTywala kwaneGosa leSebe loMbuso eliLawulayo. Ngonyaka-mali wama-2012/13, i-WCLA yazalisa uninzi lwezithuba zayo zomisebenzi ngokobume beSebe obuphuhlise kuPhuhliso loKwakhwiwa koMbuthe (kwiSebe leNkulumbuso) okwathi kwavunyelwa nguMphathiswa. Ngaphambili kwamkelwa kwabuyiselwa kwakhona kwiSebe abaqeshwa abasuka kwiSebe loPhuhliso loQoqosho kunye noKhenketho (DEDAT) ngomhla woku-1 kuTshazimpunzi wama-2013. Kwaqulunqwa inkqubo yeMisebenzi eseMgangathweni kunye nesicwangciso sempumelelo ukuphakamisa ukusilela kwangaphambili kumaphepha-mvume otywala nokwathi kwavunyelwa yiBhodi yoLawulo kwaza kwafezekiswa yi-ofisi ye CEO.

I-WCLA yafezekisa oku kulandelayo ngethuba lonyaka-mali:

- Iqela labanako ukwenza imisebenzi kuzo zonke iinkalo zojoliso ze-APP ngoncedo lweSebe xa kuyimfuneko. Inkalo yojoliso yonyaka kwi-APP kwinani lezicelo ezifakiweyo ezithe zafunyanwa ezingama- 3 364 inani lilonke yaza yagqithisa kwinkalo yalo yojoliso ne-1 500. Inani lamaphepha-mvume akhutshiweyo lilonke ngama-916, nalo lagqithisa kwinkalo yojoliso lama-500.
- Iqela lokuthobelana lafumanisa inkqubo kunye nesiphumo senkqubela phambili ngonyaka-mali wama-2012/2013. Uhlolo lwenziwa ukuqinisekisa ukuthobelana okongezelelweyo kwimeko yabo bana maphepha-mvume. Iqela lagqithisa kwinkalo yalo yojoliso enxulumene nenani lokwenziwa kohlolo olwakhokelwayo olungama-404 ukunyusa inani elafikelela kuma-2 404 lokwenziwa kohlolo kunyaka-mali wama-2012/13.
- Iqela loLawulo kunye neMfundiso ngokuQonda laqhubela phambili ngempembelelo yalo ukufundisa bonke abachaphazelekayo, ingakumbi abasele benamaphepha-mvume, abe SAPS kunye noluntu ngokubanzi malunga nokuphunyezwa koMthetho oMntsha woTywala eNtshona Koloni, uMthetho 4 wama-2008. Oku kwenziwa ngeendibano zengxoxo zolwazi kunye nezocweyo, ukuquka amaqela okhuseleko amapolisa asekuhlaleni, iNkonzo zaMapolisa zaseMzantsi Afrika, amanye amasebe karhulumente namalungu oshishino. Ezi ngxoxo zabanjwa kulo lonke elase Ntshona Koloni nokwaba neziphumo zengxoxo zolwazi ezingama-123 ezakhokelwa ngolwahlulelwano nabo bafanelekileyo bachaphazelekayo.
- Iqela lenxaso yoShishino laqinisekisa ukuba ukwenziwa kwemisebenzi yemihla-ngemihla yoLawulo loTywala olwathi lwalondolozwa. Oku kwaquka ukuqinisekiswa koLwalo lweZimali olufanelekileyo nolusebenzayo kwaneenkqubo zoLawulo lweZabasebenzi, kwanenkonzo yobhaliso elungiselelweyo kunye neNkqubo yeSakhelo se-IT.
- I-WCLA yakhokela ngempumelelo iNgqungquthela yoTywala eNtshona Koloni neyathi yabonakalisa abafanelekileyo nabachaphazelekayo bebiza intlangano, ingxoxo kunye nokunika izimvo zentsebenziswano yexesha elizayo kunye nokuqulathliweyo. Imiba engundaba-mlonyeni yaxoxwa kwaza kwafumanela ingxelo yawo. Iqela okwangoku likwinkqubo yokumiswa kweNgxowa-mali yeZemfundo yoluntu ngokoMthetho ngamnye.

linjongo eziCwangcisiweyo

Ummiselo wamaShishini kunye noLawulo					
linjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo zonxaxho
Inkqubo 4.1: linkonzo eziMiselweyo					
Inani lemiqobo yemimiselo yaza yancitshiswa	–	2	2	–	–
Inkqutyana 4.2: Ukhuseleko lwaBathengi					
Imigangatho yokuqonda	14%	30%	92% (Ukuhlolwa kwabantu abangama-463)	62%	Umba wengxoxo ongundabamlonyeni onika umdla kumalungelo abathengi wadlala indima ekwandiseni imigangatho yokuqonda phakathi kwabathengi. Lomba wengxoxo ungundabamlonyeni nonika umdla uthe wabanesisphumo sokutsala umdla omkhulu kumaphephandaba nakwiingxelo malunga nemiba eyohlukeneyo ukuqoka indima edlala yi-ofisi yephondo kwanemibenzi yayo Oku kwakhokelela ekubeni abathengi abongezelweyo babenokuqonda nge-ofisi yephondo. Ukongeza, kwakhokelwa iimpembelelo zemfundiso yolondolozo kunye nabohlukeneyo abachaphazekayo kulo lonke iphondo ngenjongo eyodwa yokwandisa imigangatho yokuqonda kwabemi. Iziphumo zibonakalisa indlela yobuchule bolungelelwaniso kufuneka zibenempembelelo efanelekileyo.

Ummiselo wamaShishini kunye noLawulo

Iinjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo zonxaxho
Inkqutyana 4.2: Ukhuseleko lwaBathengi					
Inani elimisiweyo zesocwangciso sohlulelwano lwabathengi beNGO	20	20	22	2	Ukwanda kwenani leenkqubo zemfundiso yokuqobda kwabathengi okwakhokelwa yi-OCP kwakhokelela ekomelezeni ulwahlulelwano phakathi kwe-OCP nabo bafanelekileyo bachaphazelekayo. Ngenxa yesi siphumo kwamiswa ulwahlulelwano lobuchule obongezelelweyo.
Abathendi abalondolozwa ixabiso lemali.	R2.9m	R3m	R5m	R2m	Ukwanda kwenani lamatyala kwabonakalisa amathuba awongezelelweyo ukunceda abathengi. Isiphumo esizenzekelayo sokwanda kwezisombululo kwabangela ukunyuka kwexabiso leRanti nolwathi lwalondolozwa ngabathengi. Uqikelelo lwenani lamatyala, izisombululo kunye nolondolozo kwexabiso leRanti ngoko ke kunzima ukuba lwenziwe ngenxa yenani lemiba yangaphandle yolawulo lweSebe iyakuthi ibe nempembelelo. Ukwanda kufunela kubonakale kokuqulathwe apha.
Ipersenti yabathengi ebonakalisa ukwaneliseka ngumgangatho nobume nohlobo lweenkonzo ezinikezelwa yo-OCP.	51%	50%	83% (Uhlolo lwabantu abangama-217)	33%	Ukwanda kokukholiseka kwepersenti yabathengi iyancomela kakhulu kwaye isenokubalelwa ngqo ekwandis eni ukuzisa iinkonzo okwaziswe kwi-OCP. Oku kwaquka ulwahlulelwano nabo bafaneleki leyo

Ummiselo wamaShishini kunye noLawulo

Iinjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo zonxaxho
					<p>bachaphazelekayo kumzamo wokuchazwa kwezikhhalazo ngokuhlangeneyo kumaziko anxulumene nabohlulelwano bobuchule bomsebenzi wobuchule. Njengomzekel Njengomzekelo ulwahlulelwano kunye neBhunga leMpahla zaBathengi laseMzantsi Afrika (CGCSA) lwavelisa iziphumo ezifanelekileyo zokusonjululwa kwezikhhalazo malunga neempahla zabathengi abathengisa ngeminye emincinci kunye neziko lemizi-mveliso.</p>
Ipersenti yabathengi ababonakalisa utshintsho kwindlela yokuphatha izimali emva kwephulo lolamlo lwe-OCP.	0%	30%	93% (Uhlolo lwabanti abangama-200)	63%	<p>Ukwanda kokutshintsha kwepersenti yendlela yokuphatha izimali kwabathengi abathatha inxaxheba kudlwano-ndlebe kunye nee-OCP's inxalenye yabo isenokubalelwa ekuchongweni kwabathengi abanamtyala kwaneyona ndlela yokusombulula imeko yabo ngokutshintsha indlela abaphatha ngayo izimali.</p>
Inkqutyana 4.3: UmmiselowoTywala					
Ipersenti yokuphuma kwamaphepha-mvume otywala.	30% (Isiseko: 28 000)	32.6% (Isiseko: 26000)	30.23%	(2.37%)	<p>Nganeno kwinani elilindelekileyo lokuphuma kwindlela esetyenziswayo yi-WCLA yokunika imvume yamaphepha-mvume.</p>

Izalathisi zokuHamba koMsebenzi

Ummiselo wamashishini kunye noLawulo					
Isalathisi sokuHamba koMsebenzi	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkqutyana 4.1: linkonzo eZimiseliweyo					
Inani lemiqobo echongiweyo.	0	2	2	-	-
Inani lemiqobo ekhankanyiweyo.	0	2	2	-	-
Inkqutyana 4.2: Ukhuseleko lwaBathengi					
Inani leenkqubo zemfundiso yabathengi ezithe zakhokelwa.	203	200	275	75	I-OCP inomthetho omisiweyo wokugunyazisa ukuhlanga-bezana nezicelo ezifunyenweyo zeenkqubo zemfundiso yabathengi. Uninzi lweendibano ezilolu hlobo zakhokelwa emveni kwamaxesha eeyure zomsebenzi ngeempela-veki ukuze kufezekiswa imfuno.
Inani lezikhhalazo ezifunyenweyo.	14 179	12 000	15 597	3 597	Ukuqhubela phambili komba wengxoxo ongundaba-mlonyeni onxulumene noMthetho woKhuseleko lwaBathengi kwaba neziphumo zeempikiswano kakhulu ezithe zafumaneka kunezo bezilindelekile. Ngoko ke i-OCP yabaphantsi komthetho wesigunyaziso wokuphanda amatyala awongezelelweyo afakiweyo.
Inani lezikhhalazo ezisonjululilweyo.	8 728	9 000	19 039	10 039	Ukwanda kweni lezikhhalazo ezifunyenweyo ngokuthe ngqo kwakhokelela kwinqanaba eligqithisileyo lezikhhalazo ezisonjululilweyo.
Izikhhalazo ezithunyelwe kwinkundla yamatyala ukuba kuthathwe izigqibo ngawo.	0	100	149	49	Ngenxa yokufumaneka kwenani eliphezulu kunelo belilindelekile lamatyala antsokothileyo.

Ummiselo wamashishini kunye noLawulo

Isalathisi sokuHamba koMsebenzi	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inani leemfundiso zabathengi ezipapashiweyo ezithe zaqaliswa	-	10	10	-	-
Inani lee-ofisi zommandla ezisetyenziswayo	3	4	3	(1)	ISebe lasombulula ukungaphumelelo kokumiswa kwe ofisi esisigxina ngenxa yezizathu zokwenziwa komsebenzi kummandla waseKaroo. Lo mmandla wafumana uncedo kubaqeshwa be-Ofisi eyiNtloko nakumlungelelanisi wommandla we-S Cape/ ummandla waseEden.
Inani leengxelo zophando ezigqityezelweyo	-	2	2	-	-
Inani leendibano zocweyo zobalo-mali ngokomlomo nangokubhalwe phantsi.	100	60	84	24	mfuneko yeendibano zocweyo zobalo-mali ngokomlomo nangokubhaliweyo kwaqhubela phambili ukwanda ngenxa yeengxaki zemali ezathi zafumaneka kwihlabathi liphela. I-OCP kwafuneka iphendule ezi zicelo ngokufanelekileyo. I-OCP yamkela izime-mo kunye neendibano zocweyo zathi zakhoke;wa emva kweeyure zomsebeni nangeempela-veki.
Inani labantu abathatha inxaxheba kwiindibani zocweyo zobalo-mali ngokomlomo nangokubhalisweyo.	4 069	1 000	2 509	1 509	Ilfuneko yobalo-mali ngokomlomo nangokubhaliweyo yabonakalisa ukwanda kwini labanyi abathatha inxaxheba kwiingxoxo ezilungiselelweyo. I-OCP igunyaziswe ukuba yamkele inani elikhulu labathengi kwindibano nganye yocweyo ukuhlangabezana nokwand akweemfuno ezikhoyo.

Ummiselo wamashishini kunye noLawulo

Isalathisi sokuHamba koMsebenzi	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkqutyana 4.3: Ummiselo woTywala					
Inani lezicelo ezifunyenweyo (amaphephamvume amatsha kunye nezicelo ezifakiweyo ezikuluhlu lwesibini).	2 456	1 500	3 364	1 864	Le nkalo yojoliso yasekwa kuqikelelo lokuba inani lezicelo ezifakiweyo ezithe zafunyanwa, ziyakuthi zandise ulondolozo ngenxa yezicelo ezisuka kwiziko elingelo lesigxina elifake izicelo phambi kokuphunyezwa koMthetho omtsha.
Inani lamaphephamvume akhutshiweyo.	1 172	500	916	416	Ukwanda kwenani lamaphephamvume akhutshiweyo angabalelwa kwiintlanganiso zendibano yeBhodi.
Inani lamaphulo olamlo akhokelweyo okuqon(da).	103	100	123	23	Iqela loLawulo nokuQonda laqhubela phambili ukwenza impembelelo yokufundisa bonke abachaphazelekayo, ingakumbi abasele benamaphephamvume, i-SAPS kunye noluntu ngokubanzi ngeendlela zokusetyenziswa nokuphunyezwa koMthetho woTywala omtsha eNtshona Koloni, Umthetho 4 wama-2008).
Inani labantu ekwafikelelwa kubo yamaphulo enkqubo yemfundiso ngokuqona	1 695	800	1 212	412	Iqela loLawulo nokuQonda laqhubela phambili ukwenza impembelelo yokufundisa bonke abachaphazelekayo, ingakumbi abasele benamaphephamvume, i-SAPS kunye noluntu ngokubanzi ngeendlela zokusetyenziswa nokuphunyezwa koMthetho woTywala omtsha eNtshona Koloni, Umthetho 4 wama-2008).

Ummiselo wamashishini kunye noLawulo

Isalathisi sokuHamba koMsebenzi	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inani lokwenziwa kohlo oluthe lwakhokelwa.	2 306	2 000	2 404	404	Inkqubo yokwenziwa kwalo lonke uhlolo yagqityezelwa kwasekuqaleni waza waxhaswa ngokungqongqo ukuqinisekisa ukuba uhlolo kunye neengxoxo zohlaselo oluqubulisayo zakhokelwa.
Inani leenkqubo zokuthatha uxanduva koluntu ezithe zakhokelwa.	-	-	-	-	-

Unxulumano lokuHamba koMsebenzi kunye noQingqo-mali

Inkcitho yeNkqutyana

Igama leNkqutyana	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo lokuGqibela	Eyona Nkcitho	(Egqithisiweyo)/Inkcitho Enganeno	Ulwabiwo lokuGqibela	Eyona Nkcitho	(Egqithisiweyo)/Inkcitho Enganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ulawulo	-	-	-	-	-	-
Ummiselo	-	-	-	-	-	-
Ukhuseleko lwa-Bathengi	9 846	9 795	51	9 688	9 688	-
Ummiselo woTywala	25 025	25 025	-	9 333	9 333	-
Inani lilonke	34 871	34 820	51	19 021	19 021	-

5.5 Inkqubo 5: IsiCwangciso soQoqosho

Injongo

Injongo kukunika inxaso kubakhokeli umz. uMphathiswa, iNtloko yeSebe (HOD) kunye naBaphathi boLawulo abaPhezulu beSebe (DTM), ekuqaliseni iinkqubo zesicwangciso esinika imbono ngokucacileyo kunye neziphumo ezicwangcisiweyo. Imigaqo-nkqubo kunye neenkqubo ekufuneka ziqaliswe, ukwandisa okanye ukuqalisa uku-phumeza iinjongo ekujoliswe kuzo. Ngamanye amagama, ugqaliselo lukwimbono yexesha elide, kwanengqiqo nokumiselwa kwembono yeSebe ukuze libenokwazisa ngezicwangciso zexesha elifutshane, ukwabiwa kobutyebi, abasaqalayo kurwebo kunye nokulandelelana kwemigaqo-nkqubo.

Ukwakhiwa kweNkqubo

Inkqutya 5.1: IsiCwangciso kunye noMgaqo-nkqubo

Inkqutya 5.2: Uphuhliso kunye noPhando

Inkqutya 5.3: Ulawulo kunye noLwazi

Inkqutya 5.4: Uvavanyo kunye noQwalaselo

Inkqutya 5.5: Ulawulo

Iinjongo ezicwangcisiweyo kunyaka ophantsi kohlo

- Ukomeleza ulawulo lweziko ukuphucula ukunika iinkonzo; kwano
- Ukwenza uphando olunika ulwazi lweenjongo ecwangcisiweyo yeSebe.

Iinjongo ezicwangcisiweyo, iinkalo zojoliso zezalathisi zokuhamba komsebenzi nokona kufezekisiweyo

Ulungelwaniso lweenkqubo zesicwangciso sobuchule

Ukukhokelwa kweenjongo ezicwangcisiweyo kunye neemfuneko ukuqinisekisa ukuba ziguqulelwa kwimigaqo-nkqubo yesebe, iinkqubo kunye neeprojekthi ezinxulumene neNjongo eCwangcisiweyo 1, esona siphumo siphambili seNkqubo yayiluguqulelo lweSakhelo sesiCwangciso-buchule sePhondo. Ngokusebenzisa iNjongo eCwangcisiweyo 1 yePhondo njenge siseko nendawo yokunduluka njengokuba kuqinisekisiwe siSigqeba soMbuso sePhondo ngowama-2011, u**OneCape 2040** wayilwa ukulungiselela ukusebenza kombono wePSO 1, nokunika isicwangciso senyathelo sophuhliso lwePhondo ngokubanzi. U-**OneCape 2040** sisicwangciso esiqhubekayo, nesilawulwa ngaboHlulelwano loPhuhliso loQoqosho, waza waqinisekiswa siSigqeba soMbuso ngowama-2012, nozama ukhuthaza inguqulelo malunga noqoqosho ngokuhlangeneyo nolomelela kwakhona ngokukhawulez ukulungiselela ixesha elizayo eNtshona Koloni, nolufuna ukulungiselela indlela ekhokelela kwisicwangciso kunye namanyathelo enkqubela phambili exesha elide.

Umba okuluhlu lwengxoxo yesiCwangciso-buchule sePhondo waqaliswa ngowama-2011 nakunyaka-mali wama-2012/13 lenza ulungiselelo lwesigunyaziso salo seNjongo eCwangcisiweyo 1 ukuba isetyenziswe ngophuhliso oluphathelele nesicwangciso-buchule soqoqosho, umz. u**OneCape 2040** kunye ne**Ngxelo yokuDityaniswa koQoqosho**.

Umbono we-**OneCape 2040** kukuqalisa "iNtshona Koloni eyomela kwakhona ngokukhawuleza ngokoqoqosho, emanyeneyo kunye nenako ukwenza imisebenzi kwanamanani aphezulu engqesho avelisa ukukhula kwemivuzo, ukwanda ngokulinganayo nokuphuculwa kwempilo yoluntu. "Ukuphumeza lo mbono sele lizibandakanye nenani elibalekayo leeprojekthi ezingundoqo kunye neenkqubo, ukugqalisa ekudaleni amathuba engqesho, utyalo-mali, ukuveliswa kwezinto ezintsh kunye noshishino.

Injongo yayi kukudala "ukuqonda nzulu malunga nemeko yomgaqo-nkqubo wemisebenzi yoqoqosho kwiphondo, nokhatshwa kukuqonda nzulu ngoqoqosho lwamashishini amakhulu aseNtshona Koloni, nokuyimfuneko ukuchonga nokwenza umlinganiselo wemisebenzi ekufuneka yenziwe ngurhulumente wephondo ukuqinisekisa ukuba umbono woqoqosho lwe-PSO 1 uyimpumelelo. "Ingxelo yaphakamisa uqoqosho lwamashishini amakhulu ePhondo kwaye iyintoni enokwenziwa ngurhulumente wephondo, ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo enokuthi ibe nempembelelo kuqoqosho lwamashishini amakhulu, ukuquka izindululo zokuvula ithuba lothelekiso kwiPhondo. Ingxelo iyakuthi ibe sisiseko sesicwangciso-buchule soqoqosho kwiPhondo.

Ukuqinisekisa unxulumano lwesicwangciso-buchule kunye nomgaqo-nkqubo, iqela lahlola izicwangciso zemigaqo-nkqubo yephondo kunye nesizwe. Oku kwaquka, phakathi lwezinye izinto, isiCwangciso soPhuhliso lwa-

Mashishini oMmandla, isiCwangciso soPhuhliso lwee-dti's, isiCwangciso soPhuhliso lweziCwangciso zeSigunyaziso esiCwangcisiweyo seSizwe, Ulungiso oluCetyiweyo lweSakhelo soWiso-mithetho ye-BBBEE kunye nengxelo yokuphunyezwa kweNdlalela eNtsha yoKukhula koQoqosho.

Inkqubo yakhokela yaza yaqinisa umsebenzi **wolawulo lwesiXhobo soVavanyo lokuHamba koMsebenzi** (MPAT) kurhulumente wesizwe, ukuqwalasela nokuqhubela phambili ulawulo nemisebenzi yeSebe, nokumisa emthethweni inqaku leSebe elikumgangathi we-3.

Uwiso-mithetho loLwahlulelwano noPhuhliso loQoqosho

Iqela layila laza lakhokela umthetho osayilwayo ukuvumela ukuba urhulumente wephondo abelilungu loLwahlulelwano loPhuhliso loQoqosho. Lo mthetho uyakuthi ungeniswa kwiSigqeba soMbuso ukuze usayinwe ngowama-2013/14.

Ulungelelwano lweNkqubo yoLawulo ngokuNqamlezileyo

Inkqubo yoLawulo ngokuNqamlezileyo yaba ngumqondiso wolungelelwano nolawulwa lweprojekthi sesicwangciso sephondo eziquka ngaphezulu kwesebe elinye kwiphondo, ukuqinisekisa ukuba ezi projekthi zilawulwa kwaye zikhokelwe ngendlela elungileyo. Iqela leMisebeni kunye neKomiti ePhetheyo zalungelelaniswa ngempumelelo kwanokubanjwa kweentlanganiso rhoqo ngekota.

Ulawulo lweProjekthi zesiCwangciso-buchule esikumgangatho oPhezulu ngokusetyenziswa kwe-Dashboard

Iqela liqwalasela imisebenzi yeSebe kumgangatho wobuhule ukuqinisekisa unxulumano lweenkqubo kunye neprojekthi kwisebe ngokubanzi kwanemiba ekuluhlu lwengxoxo yesicwangciso sephondo. Oku kwenziwa ngokusebenzisa iDashboard yeeProjekthi zeQumrhu eliPhetheyo, nethi ilande umkhondo wokuhamba komsebenzi weprojekthi zesiCwangciso-buchule seSebe. Iqela liqwalasele kwaye lafaka zonke iiprojekthi zobuchule bephondo kwiDashboard laza lakhupha iingxelo zekota malunga nenkqubela phambili ethe yafezekiswa.

Uphuhliso kunye noPhando

Injongo yenkqutyana kukumisa nokuthathelwa ingqalelo njengelungu ekugcinwa kulo izinto zobuchule obukholisayo bengqiqo yoqoqosho lwephondo. Injongo yophando kunye nophuhliso kukuxhasa iinkqubo zamasebe ukubonakalisa ubungqina obusekwe phezu kwezigqibo ezithathiweyo neziyakuthi zikhuthaze ukufezekisa iinjongo zokudala amathuba okukhula koqoqosho kunye nemisebenzi, njengokuba kubonakalisiwe kwiPSO 1.

Ngexesha lonyaka-mali wama-2012/13 iSebe lenza ulungiselelo lwenjongo yalo yokuqalisa nokunika ubuchule bengqiqo yoqoqosho oluvakalayo. Ukuhamba kwemisebenzi yeenkqutyana zoPhando kunye noPhuhliso ngokunxulumene nenjongwana ezi zezinye zibonakalisiwe apha ngezantsi.

Ukulanda uMkhondo kunye noHlahlelo loPhuhliso loQoqosho lwaMashishini aMakhulu

I-Sebe lagqibezela ngempumelelo iNgxelo yokuDityaniswa koQoqosho ukulungiselela ukuqonda malunga noqoqosho lwamashishini amakhulu eNtshona Koloni nokwathi kwavumela iSebe libenako ukuchonga nokwenza umlinganiselo waamathuba othelekiso kwiPhondo. Njengenxalenye yeNgxelo yokuDityaniso, iSebe lagqibezela amaphepha amahlanu obume boqoqosho, umz. urhwebo lwemisebenzi, ulungiselelo lwezolimo, ukubanako kwephindo ukwenza imisebenzi kunye nee-SMMEs kwane ziko elingamiselekanga.

Ukuveliswa kwengqokelela yaManani aNamhlanje aThembekileyo kunye neZalathisi zoQoqosho lwePhondo

I-Sebe ngokuhlangene neBER lavelisa ingxelo yekota ngemeko kunye neembono zoqoqosho loMzantsi Afrika kunye neNtshona Koloni. Le ngxelo yabelwa abezorhwebo kunye nabantu bamashishin ngokubanzi kwiPhondo kwisiganeko esasi kwaLanga.

Ukudalwa kunye nolondolozo loHlobo loQoqosho ukuVelisa uVimba weeNkcukacha zoBalo lwaManani lwaMaxesha aNamhlanje

Umda wemfuneko yohlobo loqoqosho uthe wagqityezelwa waza waphuhliswa kwanokuthengwa kolun hlobo lobuchule kuyakuthi kugqityezelwe ngonyaka-mali wama-2013/14.

Uphando oluSekwe kwiZiko ukuQuka iSikhewu seZakhono kwiZiko

Kunyaka ophantsi kohlobo iqela lophando lagqibezela oluphando lulandelayo lweziko:

- Uphando lweenciniba

- Uphando lokukhokela kubizo lomsebenzi
- Uphando lobuchule bamagcisa kwiPhondo
- Uphando olusisiseko seZiko
- Ukubalulwa kweziko lamandla ahlaziywayo aphinde abenokusetyenziswa kwakhona

Olu phando lungasentla luyakuthi lusetyenziswe kuphuhliso lobuchule boqoqosho lwePhondo.

Ulawulo loLwazi kunye neNkcazelo

Injongo yale nkqutyana kukuqinisekisa ukuba ulwazi lwesigunyaziso sobuchule bophuhliso loqoqosho lweSebe ngokufanelekileyo luyafumanela ngalo lonke ixesha kubasebenzisi besebe ngokusebenzisa uyilo olufanelekileyo loncedo lwangaphandle, ukugcinwa kunye nokusasazwa kwezixhobo zobuchule bobugcisa. Ulwazi kufuneka lube lufanelekile kuphuhliso loqoqosho lwephondo olukuluhlu lwemiba yengxoxo.

Uphuhliso noLondolozo lweNkqubo eFanelekileyo yokuGcina ulwazi loQoqosho

Kunyaka ophantsi kohlolo, iqela laphumeza iSharepoint ngembono yokuqhubela phambili intlangano, ukugcina nokusasaza ulwazi olusele lulungiselelwe. Le nkqubo incede iSebe ukugcina ulwazi olusuka koovimba beenkcukcha zobalo lwamanani oqoqosho olundilisekileyo. Olu lwazi lwadityaniswa kwaza kwabelwana ngalo kwimitha yothungelwano yemfundiso kwisebe neyakhokelwa liqela.

Ulawulo lokuQulathwe kwiShishini nokuPhunyezwa Kwalo

Kunyaka ophantsi kohlolo iSebe laphumeza ukusayinwa kwamaxwebhu embuyekezo yemali yerhafu (e-filling) apho iifayili zesebe zasikenwa zaza zagcinwa kwiSharePoint ukuze zikhuseleke kwaye kubelula ukuziveza. Ngenxa yesiphumo sempumelelo sesigaba sokuqala, ukusayinwa kwamaxwebhu embuyekezo yemali yerhafu kuyakuthi kuphunyezwe kulo lonke iSebe kunyaka-mali wama-2013/14.

Uvavanyo kunye noQwalaselo

Injongo yale nkqutyana ngokupheleleyo kukenza ingqiqo yempembelelo nokusebenza kwezicwangciso zobuchule besebe (ngokwenziwa komlinganiselo weenkqubo kunye neeprojekthi). Oku kungafezekiswa kuphela ngokwandisa ugqaliselo lwesiphumo somlinganiselo. Iziphumo ezisekwe kwinkqubo ye-M&E zakhiwe kwinkqubo yolawulo lwesicwangciso-buchule kwanogqaliso ekumisweni kweziphumo.

Kunyaka ophantsi kohlolo, inkqutyana yafezekisa ngempumelelo la maphulo alandelayo:

Ulawulo loVimba weenkukacha ze-M&E

Inkqutyana yathatha inxaxheba kwintshayelelo kwiphulo lobuchule bengqiqo yoshishino (BI) ngenjongo yokomeleza iinkqubo zolawulo lukavimba weenkukacha nokuqalisa ukuqinisekiswa kohlobo lovimba weenkukacha. Inkqutyana yahlola iinkqubo zokusetyenziswa kolwazi ngokweemfuneko zolawulo lolwazi lweSebe. Iziphumo zale nkqubo yaba zezokuba iSebe lingachongi kuphela inkqubo esetyenziswayo kushishino lwayo kodwa livavanye ezinye zazo kwimisebenzi yalo yovavanyo noqwalaselo lokuhamba komsebenzi ngowama-2012/13.

Umlinganiselo weSiphumo seSebe ngokuNqamlezileyo

Kunyaka ophantsi kohlolo iqela lalanda umkhondo weziphumo zobuchule ezingundoqo apho kwakuhlangukelwe khona uvimba weenkukacha, wahlahllelwa waza walandelelaniswa ngokuchasene nowona msebenzi wenziweyo nangokuchasene nolungiselelo lweenkalo zojoliso. Malunga noku ulwazi oluquka imiba emine engundoqo umz. amathuba okukhula koqoqosho, imisebenzi, kunye noncedo-mali olufumanekileyo kwanokwanda kwe-SMME kwahlangukelwa kwaza kwahlahllelwa nengxelo yalo ukubonisa ukuhamba komsebenzi kwisebe.

Ukuqalisa kweSiphumo kunye noVavanyo lweMpembelelo yeeProjekthi eziCwangcisiweyo kunye naMaphulo oLamlo

Kunyaka ophantsi kohlolo, iqela lakhokela ngempumelelo uvavanyo lweziphumo ezintlanu zeeprojekthi ezi-cwangcisiweyo zobuchule ukuhlola ukuhamba komsebenzi ngokuchasene neziphumo ezilungiselelweyo umz. ukukhula koqoqosho kunye nemisebenzi. Ingxelo yovavanyo yanika umgangatho wenjongo yokuhamba komsebenzi kwiprojekthi nganye kwanobukhulu begalelo layo kwiziphumo ezilungiselelweyo. Ezi ziphumo zabonakalisa eyona miba yokwenziwa kwemisebenzi eyakuthi ngokucacileyo kohlulelwane ngayo kwenziwe nobhiyozo kwanemiba yenkqubela phambili neenkqubo zolumkiso kwangethuba eziyakuthi zibe sisicwangciso senkqubela phambili yeeprojekthi.

Inkxaso yoVavanyo kunye noQwalaselo kwiDEDAT ngokubanzi

Njengexalenye yowona msebenzi weqela, ngethuba lonyaka ophantsi kohlolo wasinika icebiso lobungcaphephe kuzo zonke iinkqubo zemisebenzi yoqwalaselo lweprojekthi. Ukongeza, iqela lakhokela izicwangciso ze M&E zenani leenkqubo ezintlanu zizonke. Ukongeza koko, iqela laxhasa abaphathi abakhulu beprojekthi ekuphumezeni izicwangciso zeprojekthi yabo ngokuqalisa izixhobo nangokuthatha inxaxheba kumsebenzi owenziwayo.

Ulondolozo loLwahlulelwano kunye naMaziko oPhando

Kunyaka ophantsi kohlolo iqela laqalisa unxulumano olungamandla kunye nenkqubo yoVavanyo kunye yoQwalaselo yeYunivesithi yaseStellenbosch. Ukubonakalisa ulwalamano lwayo kunye nomfundo osele efundele isidanga ochithe iinyanga ezimbini kwiSebe encedisa iqela ekuqwalaseleni nakuvavanyo lweprojekthi zobalomali ngokomlomo nangokubhaliweyo.

Ulwahlulelwano loPhuhliso loQoqosho

Ukudala amathuba okukhula koqoqosho kunye nemisebenzi, **ulwahlulelwano loPhuhliso loQoqosho lwaseNtshona Koloni** (EDP) kwamiselwa lwaza lwabhaliswa njengenkampani engafumani ngeniso njengokuba kucacisiwe nguMthetho weNkampani eZintsha (2010), kwaza kwenziwa nempembelelo ngenyanga kaTshazimpunzi wama-2012. Kwanyulwa iBhodi ye-EDP, eyayikhokelwa nguBarbara Hogan ngenyanga yeDwarha wama-2012. Injongo ye-EDP kukukhokela, ukulungelelanisa nokuqhubela phambili inkqubo yophuhliso loqoqosho eNtshona Koloni ukufezekisa imigangatho engentla yokukhula koqoqosho ngokuqkeneyo.

I-EDP yafezekisa yaza yamisa oku kulandelayo kwimisebenzi yayo yonyaka wokuqala:

- **Iintlole ezikhokelela kuTyalo-mali**, ilitye lembombo nelingoku liluphuhliso lwesalathiso sokuHamba koMsebenzi woQoqosho loMmandla (i-EPI yoMmandla) njenge ndlela yokwenza umlinganiselo wokuhamba komsebenzi wommandla nenjongo yawo ingaphaya kwe-GDP. Impembelelo ye-EPI yoMmandla ilungiselelewekuba ibengomhla we-16 kuTshazimpunzi wama-2013.
- **Iintlole ezikhokelela kwiNgqosho**, ugqaliselo lokulungelelanisa izicelo ezifakiweyo kwiNgxowa-mali yeMisebenzi: Inkqubo yeNkxaso yeZikolo neyakuthi ekugqibeleni ikhokelele ekuveliseni amathuba emisebenzi eli-10 000 kwiminyaka emithathu njengeenkonzozo zenkxaso kwizikolo ezingama-414 zaba hleleleki-leyo eNtshona Koloni.
- **Iintlole ezikhokelela kuShishino**, kwenziwa isicelo soQoqosho loHlaza ngokuhlangeneyo esinomxholo onjongo yawo ikukwakha ulwazi oluziswa eluntwini sisiXeko seDolophu yaseKapa, ukwakha kwakhona inkqubo yokuPhila ngeNdelela eFanelekileyo yoLondolozo kwisicelo senkxaso yeshishini nesiyakuthi sivule amathuba emisebenzi kurhwebo. Umlinganiselo weprojekthi uqikelelwa ukuba ngama- R100 ezigidi, nanempembelelo kumakhaya angama-50 000 kwiindawo ezingafumani ncedo lweenkonzo ngokwaneleyo, ngokuba nako ukuqalisa kwiindawo ezikufuphi kwixesha elizayo.
- **Iintlole ezikhokelela ekuVelisweni kweZinto eZintsha**: ukumisa nokulondolozwa inkqubo yokuVeliswa kweZinto eZintsha kuMmandla.
- **Uludwe lweZifundo zoKhokelo loPhuhliso loQoqosho loMmandla** ngolwahlulelwano kunye neSikolo sokuFundlea iSidanga seYunivesithi yeDolophu yaseKapa soMgaqo-nkqubo woPhuhliso noKwezniwa kwemisebenzi kwanoNcedo lobuChule bobuGcisa (TAU) kuNondyebo weSizwe.
- **Umnatha woThungelwano weZifundo zoQoqosho loMmandla (ERLN)**: Intlanganiso yesine yommandla we-ERLN yabanjelwa kwiDolophu yaseKapa ukusukela ngomhla we-5-6 kweyoKwindla phantsi kokhuselo lomxhoo othi "Umlinganiselo nokuthethwa kukuba nako koMmandla ukwenza imisebenzi"
- A draft REPI has been released. **Isalathiso sokuHamba koMsebenzi woMmandla** ngokuhlangene namalungwana amathathu enza umlinganiselo wokuba nako ukwenza umsebenzi woqoqosho, ukuqakaniso kunye nokomelela kwakhona ngokukhawuleza. Kwakutshwa uyilo lwe-REPI.

linjongo eziCwangcisiweyo

IsiCwangciso soQoqosho					
linjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkqutyana 5.1: IsiCwangciso kunye noMgaqo-nkqubo					
Ukuhlaziywa kwesiCwangciso soPhuhliso loQoqosho lwePhondo	1	1	1	-	-
Inkqutyana 5.2: Uphuhliso kunye noPhando					
Ukumiswa nokuchongwa njengendawo yokugcina izinto zoqoqosho oluthembekileyo lobuchule bengqiqo yephondo	-	Iqela lophando elisebenza ngokupheleleyo	Iqela lophando elisebenza ngokupheleleyo	-	-
Inkqutyana 5.3: Ulawulo loLwazi					
Ukwandiswa komgangatho wemfundiso yabaqeshwa ngokuqonda (252 staff members) (Abaqeshwa abanagama-252)	87% yabaqeshwa abazisiweyo nabafanelekileyo ukwenziwa umlinganiselo kuphando lonyaka lwanqaphakathi.	176	109	(67)	Amalungu ambalwa aphenyula kuphando olwenziwa ngezixhobo zekhompyutha olwakholwayo kunolo lwalulindelekile.
Inkqutyana 5.4: Uvavanyo kunye noQwalaselo					
100% iziphumo ezisetyenzisiweyo zovavanyo noqwalaselo	83% iziphumo ezisetyenzisiweyo kwiSebe xa lilonke	100% iziphumo ezisetyenzisiweyo zovavanyo noqwalaselo	95% iziphumo ezisetyenzisiweyo zovavanyo noqwalaselo	(5%)	Ukugcinwa kolwazi olubhaliweyo lonxaxho lwe-5% ngenxa yeemeko ezingaphaya kolawulo lweqela olinjengokuphela kweprojekthi kwane-nyaniso yokuba iiprojekthi zazinqamlezile neSebe lingenasigunyaziso sokuphumeza iziphumo ezingaphandle kumda walo.
Inkqutyana 5.5: Ulawulo					
Ukuhlaziywa kwesiCwangciso soPhuhliso lwePhondo	-	1	1	-	-

Izalathisi zokuHamba koMsebenzi

IsiCwangciso soQoqosho					
linjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkqutyana 5.1: IsiCwangciso kunye noMgaqo-nkqubo					
Inani lezicwangciso zoqoqosho eziqalisiweyo.	9	2	2	-	-
Inani lezicwangciso zoqoqosho ezihloliweyo.	4	4	7	3	Ukufezekiswa ngokugqithisileyo kwenzeka ngenxa yesiphumo semigaqo-nkqubo emitsha kunye zezicwangciso eziphuma kurhulumente wesizwe-i-dti, isiCwangciso seSigunzayo seSizwe kunye neSebe loPhuhliso loQoqosho.
Inani leengxoxo zesci-wangciso sobuchule	3	2	2	-	
Inani leprojekthi ze-Dashboard ezihloliweyo ngeKota.	lingxelo ngeKota	4	4	-	
Inani leentlanganiso (zenkqubo yolamlo enqamlezileyo)	-	4	4	-	
Inkqutyana 5.2: Uphuhliso kunye noPhando					
Inani leengxelo zophando ezihlanganiselweyo	11	10	15	5	Imfuneko yophando olongezelelweyo yaphakanyisa ngenxa yohlolo lwe-sicwangciso sobuchule beSebe apha enyakeni.
Inani lamaphulo ophuhliso kunye noPhando axhasiweyo	1	1	1	-	-
Inkqutyana 5.3: Ulawulo loLwazi					
Inani leengxelo zengqiqo yoqoqosho ezikhutshiweyo kwiphando	4	4	4	-	-
Iziko loncedo ngeenkono elisebenza ngokupheleleyo	100% uku-sebenza kweziko loncedo ngeenkono	100% uku-sebenza kweziko loncedo ngeenkono	100% uku-sebenza kweziko loncedo ngeenkono ngokupheleleyo	-	-

IsiCwangciso soQoqosho					
linjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Ukusebenza ngokupheleleyo kwimisebenzi yembuyekiso yentlawulo yerhafu ngokwezikhokele zePhondo	-	kwenkqubo yentlawulo yembuyekiso yerhafu kwiSebe	kwenkqubo yentlawulo yembuyekiso yerhafu kwiSebe	-	-
Inani leminatha yothungelwano lwemfundiso ekhokelweyo.	4	4	4	-	-
Inkqutyana 5.4: Uvavanyo kunye noQwalaselo					
Inani leengxelo zoqwalaselo ezikhutshiweyo	11	10	11	1	Ukufezekiswa ngokugqithisileyo kwenkalo yojoliso kwaba nesiphumo sezicelo zoqwalaselo lweenkqubo
Inani leengxelo zovavanyo ezikhutshiweyo.	6	5	5	-	-
Ulawulo lweSakhelo seM&E.	Uphuhliso lwesakhelo soyilo lweM&E	Inkqubo yolawulo lovimba weenkucukacha zeM&E yemfundiso yokuqonda koluntu	-	-	Kwenziwa uphando lweenkqubo ezahlukeneyo kunye nohlolo. Ngoko ke oku kwarhoxiswa
Inani leengxelo zeziphumo ezinqamlezileyo ezithe zaqaliswa	-	4	4	-	-
Inani lezicwangciso zenkqutyana ye-M&E eziqalisiweyo	-	4	5	1	Ukufezekisa okugqithisileyo kwinkalo yojoliso kwabangela ziinkqubo ezongezelelweyo ezisebenzisa iinkqubo ze-M&E kunezo bezimiselekile kwangaphambili.
Inkqutyana 5.5: Ulawulo					
Inani lamaphulo olamlo lwenkxaso kwaboHlulelwano loPhuhliso loQoqosho	-	4	4	-	-

Ubuchule bokuhlangabezana neendawo ekusetyenzwa kuzo ngokungaqibelelanga

Intshayelelo yoMnatha woThungelwano loVavanyo kunye noQwalaselo luyakuthi luhlale ukuphuyezwa kweziphumo zokwenziwa kovavanyo noqwalaselo rhoqo ngekota. Ngengxalenye yoku, iiNkqubo zizakucelwa ukuba ziqalise ukuphumeza izicwangciso zazo ukuchaza ngokusetyenziswa kweziphumo zemisebenzi yovavanyo noqwalaselo.

Unxulumano lokuHamba koMsebenzi kunye noqingqo-mali

Inkcitho yeNkqutyana

Igama leNkqutyana	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo lokuGqibela	Eyona Nkcitho	(Egqithisileyo) Inkcitho eNganeno	Ulwabiwo lokuGqibela	Eyona Nkcitho	(Egqithisileyo) Inkcitho eNganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
IsiCwangciso kunye noMgaqo-nkqubo	9 555	9 547	8	1 294	1 294	–
Uphuhliso kunye noPhando	6 805	6 805	–	4 167	4 155	12
Ulawulo loLwazi	3 014	3 009	5	2 611	2 515	96
Uvavanyo kunye noQwalaselo	2 644	2 644	–	2 116	2 115	1
Uolawulo	2 742	2 732	10	4 744	4 715	29
Inani lilonke	24 760	24 737	23	14 932	14 794	138

5.6 Inkqubo 6: Ukhenketho, uMsebenzi woBugcisa kunye noLonwabo

Injongo

Ukukhuthaza amathuba kumaziko okukhula koqoqosho nokwandisa ukuqakwa kokhenketho, ubuchule bobugcisa kunye nokonwabisa.

Ukwakhiwa kweNkqubo:

Inkqutyana 6.1: Ulawulo: Ukhenketho, uBuchule boBugcisa kunye noLonwabo

Inkqutyana 6.2: Ukukhula koKhenketho

Inkqutyana 6.3: Ukuthatha inxaxheba kuKhenketho

Inkqutyana 6.4: Umbutho woRhwebo lweNdawo ekuSingwe Kuyo (DMO)

Inkqutyana 6.5: Ubuchule boBugcisa kweZorhwebo

linjongo eziCwangcisiweyo zonyaka-mali ophantsi kohlolo:

- Ukufezekisa ukwenziwa komsebenzi ngeyona ndlela ifanelekileyo lokunikezela ngeenkono kumbutho weziko likarhulumente;
- Ukufezekiswa komyinge olapha ngentla wolondolozo lokukhula koqoqosho (ngokweziphumo nangexabiso) elinika ukwanda kwamanani abonakalayo kulondolozo lwamathuba amatsha engqesho;
- Ukufezekiswa kwemeko enamathuba akhoyo okuthatha inxaxheba kuqoqosho, ngokudala amathuba engqesho nokuba ngumnini weshishini, ukunceda bonke abakhangelela amathuba alolu hlobo; kwano
- Ukufezekisa umyinge ophakathi wolondolozo lokukhula koqoqosho olulapha ngentla (okulinganiselwe ngokweziphumo nangexabiso) elinika ukwanda kwamanani abonakalayo kulondolozo lwamathuba amatsha engqesho.

linjongo eziCwangcisekeleyo, iinkalo zojoliso ezicwangcisiweyo zezalathisi zokuhakhamaba komsebenzi kunye nokona kufezekisiweyo

Ukudala amathuba okukhula koqoqosho kunye nemisebenzi ukuqinisekisa kwakhona ukuba owona mba ungundoqo kuqoqosho lwephondo koku "kukuzama ushishino olojonge kwiinkalo zonke zokhenketho kwihlabathi jikelele nolunonxulumano olomeleleyo kumaziko enkucubeko nesiphiwo sokuyila. Eli lelinye iziko elithe kwada kwafikelela kwithuba lokuhla elaqalisa ngowama-2008, labonakalisa ukwanda okukhulu ekufakeni igalelo kuqoqosho lweNtshona Koloni" Injongo eCwangciskileyo 1 igxininisa kurhwebo lwendawo yokhenketho ekusingiswe kuyo, uhwebo lwendawo ekusingiswekuyo ukungiselela iziganeko ezikhulu, nasekuxhaseni amaziko okukhula koqoqosho kwanokwaziswa ngabeZophando bee-MEDS ukuqoka inkxaso yeziko loKhenketho.

Iziphumo zoKhenketho zimanyaniswa nezinto ezifunekayo eKwakheni uQingqo-mali loKhenketho lweSizwe(uNondyebo weSizwe) kunye nesiCwangciso seZikoloKhenketho leSizwe (NTSS) nelinikwe uwiso-mithetho. Ukunika iinkonzo zokhenketho kuyakuthi kuqinisekise ukuba ukunika ingxelo kungenzeka kumgangatho wesizwe nanjengokuba kuyakuthi kube yimfuneko.

Amaphulo olamlo eZiko likaRhulumente kushishino lokhenketho eNtshona Koloni asebenza ngokwenziwa kwemisebenzi yezorhwebo lokhenketho, uphuhliso lokhenketho kunye nowise-mithetho yezokhenketho. Ukhokelolo lobuchule obucwangcisiweyo kunye nezinto ezifunekayo zomgaqo-nkqubo wokhenketho ziphelele zilungiselelwe liSebe. Uphuhliso loKhenketho kunye nowise-mithetho lokhenketho zaphunyezwa liSebe ngonyaka-mali wama-2012/13. URhwebo lweNdawo ekuSingiswe Kuyo lwaphunyezwa nguWesgro.

Ukuhamba komsebenzi woKhenketho

Kumda wehlabathi jikelele, ukhenketho lwehlabathi lwabonakalisa ukuhamba komsebenzi okubalaseleyo, njen-gokuba kwaqikelelwa nguMbuthe woKhenketho weHlabathi ngokuManyeneyo (UNWTO), ukwanda kwabakhenkethi abasuka kumazwe aphesheya nge-4% ngowama-2012, ukugqithisa kulwazi olugciniweyo lwe-1 yesigidi sezigidi okokuqala kwimbali yelizwe. Ngokuhambelana nombala wenyanga yoMqungu wama-2013 weZityebi za-Mashishini oKhenketho lweHlabathi i-UNWTO, kwabakho ama-39 esigidi sezigid zabakhenkethi abathi bagcinwa kulwazi olubhaliweyo kwihlabathi liphela, lafikelela kwinani elibonakalayo le-1 035 lezigidi ngowama-2012, ukun-yuka kuma-996 ezigidi ngowama-2011, nokwakhokelwa kukukhula okomeleleyo koqoqosho olusuka eAsia nase Pacific, nokwafezekisa okona kukhula koqoqosho kuphezulu kwe-7% kuyo yonke imimandla.

Nangona kusolokokukho imiceli-mngeni enxulumene noqoqosho, ukufika kwabakhenkethi behlabathi kubonakalise ulondolozo lokukhula koqoqosho kwihlabathi liphela, ingxelo ngengx'engaphambili esuka kwi-UNWTO ibonakalisa ukuba ukufika kwabakhenkethi abasuka kwihlabathi jikelele kulindeleke ukuba kuqhubekele phambili ngowama- 2013 ngesantya esifanyo (3 ukuya kwi-4%), ngokunxulumene nembonakalo yenkqubo ye-UNWTO's yoKhenketho ukuya kuFuphi nowama-2030.

UMzantsi Afrika wafumana inani labakhenkethi abali-9 188 368 abasuka - kwihlabathi liphela ngowama-2012, ukubonakalisa i-10% yokukhula koqoqosho xa kuthelekiswa ne-8 339 354 labakhenkethi abathatha uhambo ukuza kweli lizwe ngowama-2011. Ukukhula kokhenketho lwabahambi eMzantsi Afrika ngowama-2012 kwaphinda-phindeka kabini ngokungaphezulu kwenani elingumyinge ophakathi wokukhula kokhenketho lwabahambi oluyi-4% xa kuqikelelwa yi-UNWTO ngowama-2012. Inkcitho yaBemi aBasuka kwaManye aMazwe (TFDS) ukusuka kubakhenkethi abahambela eMzantsi Afrika ukusukela ngenyanga yoMqungu ukuya kweyoMsintsi wama-2012 yafikelela kumaR55,7 yesigidi sezigidi, ukubonakalisa ama-7,7% okwanda ukusuka kumaR51,7 esigidi sezigidi ezathi zagcinwa kulwazi olubhaliweyo ngaxeshanye ngowama-2011.

I-yurophu yahlala indawo yoncedo ekufumaneni abakhenkethi abasuka phesheya kolwandle ukuba baze eMzantsi Afrika, nokukhula nge-9,5 kumanani wama-2011 nokwenza umtsalane kwinani labakhenkethi abali-1 396 978 ukuba bazokutyelela kweli lizwe kunyaka olandelayo-ngaphezulu kwesiqingatha senani elipheleleyo labakhenkethi abasula ngaphesheya kolwandle. I-United Kingdom iqhubela phambili ukuba yeyona ndawo yorhwebo lokhenketho, enama-438 023 abakhenkethi abasuka e-UK abathatha uhambo olusingisa eMzantsi Afrika ngowama-2012 (Ukunyuka nge-4,2% kumanani wama-2011). I-Melika yeyona ndawo yesibini yorhwebo lokhenketho eMzantsi Afrika enama-326 643 yabakhenkethi abasuka e-Melika (ukunyuka nge-13,6%, kwinani lowama-2011), kwaneJamani eyeyona ndawo inkulu yesithathu yorhwebo lwangaphesheya kolwandle enabakhenkethi abangama-266 333 (ukunyuka nge-13% kwinani lowama 2011). I-China nayo ithe yabayenye yendawo enkulu yesine kuqoqosho lorhwebo loMzantsi Afrika enama-132 334 (ukunyuka nge-55,9%, kumanani onyaka wama-2011), kwane France ekungoku nje nayo iyeyona ndawo yorhwebo lokhenketho lwaseMzantsi Afrika enabatyeleli abangama-122 244 abathi batyelela ngowama-2012 (ukunyuka nge-16%, kumanani wama-2011). Ingakumbi ulwazi olugciniweyo olubhalwe phantsi nolusuka e-Asia (ukunyuka nge-33,7%, kumanani agciniweyo ngowama-2011) ngokuqhutywa kukukhula koqoqosho olusuka eChiana naseIndia, eMbindini naseMzantsi Melika (ukuyakuma-37%) umbuelelo omkhulu ngokukhula kakuhle koqoqosho lwabakhenkethi abasuka e-Brazil.

Kwiikota ezintathu zokuqala ngowama-2012 (kweyoMqungu ukuya kweyoMsintsi wama-2012), iNtshona Koloni ifumene 965 587 yabakhenkethi abafikileyo baza bafikelela kwiNani eliPheleleyo leNkcitho Ngqo yabaKhenkethi abasuka kwaManye Amazwe eliR13,4 lesigidi sezigidi ngaxeshanye.

Kwikota 1 ngowama-2012 iNtshona Koloni yafumana abakhenkethi abangama-426 348, ukubonakalisa ukukhula koqoqosho lwe-12,3% xa kuthelekiswa nabakhenkethi abangama-379 579 abathi bafika abakulwazi olugciniweyo ngekota yoku-1 ngowama-2011. Uqikelelo lwenkcitho Ngqo yaBemi aBasuka kwaManye Amazwe (TFDS; ngaphandle kwenkcitho yenzuzo) ngekota yoku-1 ngowama-2012 eNtshona Koloni yaba liR5,5 lesigidi sezigidi ukubonakalisa i-2%, yokukhula koqoqosho xa kuthelekiswa neR5 yesigidi sezigidi senkcitho efunyenweyo kwikota yoku-1 ngowama-2011. Inani leentsuku zokulala elithathwe ngabakhenkethi ngekota yokuqala ngowama-2012 yabangama-4 611 754 xa kuthelekiswa nenani leebhedi zokuchitha ubusuku ezingama-4 541 643 kwikota yokuqala ngowama-2011 ukubonakalisa i-1,5% yokukhula koqoqosho. Inani elipheleleyo lokuthatha uhambo lwangaphakathi kwilizwe elalakho eNtshona Koloni ngowama-2012 yabangama-448 000 ukubonakalisa ama-36,4% okulandula xa kuthelekiswa nama-704 000 lokuthatha uhambo lwangaphakathi olugciniweyo kulwazi olubhalwe phantsi kwikota yoku-1 ngowama-2011⁶.

Ulawulo loKhenketho, ubuChule boBugcisa kunye noKonwabisa

Ukhenketho eNtshona Koloni, uBuchule boBugcisa kunye noLwahlulelwano loKonwabisa, zinika indlela yobuchule kubanikezeli ngeenkonzo ngolawulo oluneengcebiso, lwaqalisa ukusetyenziswa ngonyaka-mali wama-2012/2013. Iqela loLawulo loKhenketho, ubuChule boBugcisa kunye noKonwabisa lanika inkxaso yoonabhala abakhulu kwabohlulelwano, neyakhokela kwiintlangano ezingama-25 ezinamalungu angama-670 athi azibandakanya. Ezi ntlangano zaquka iingxoxo zokwenza amalungiselelo ukulungiselela abachaphazelekayo kwezokhenketho nakumboniso-bhanyabhanya nezakhokelwa nguMphathiswa Alan Winde. Imiba engundoqo enjengokufikeleleka kumoya, intengiso yorhwebo lwendawo yokhenketho ekusingiswe kuyo ngentsebenziswano phakathi kukarhulumente wommandla, wephondo nowesi kwachazwa kwaze kwaxoxwa kwiintlangano sen-gxoxo yaba semagunyeni xa bebonke. Ngethuba lengxoxo yoMboniso-bhanyabhanya imiba enzima enjenge

⁶ Nceda uqwalasele ukuba amanani apheleleyo onyaka okufika kwabatyeleli eNtshona Koloni, iNkcitho ePheleleyo yaBatyeleli abaNkabemi baManye Amazwe (TFDS) kwanokuthatha uhambo lwangaphakathi kwilizwe lakho alufumaneki okwangoku, kulindeleke ukuba akhutshwe kwinyanga yeSilimela ngowama-2013 ngobeZokhenketho eMzantsi Afrika.

nkqubo yokufaka isicelo esibhaliweyo sephepha-mvume lokungena kwelinye ilizwe yaphakanyiswa kwanokuphucula ukusebenza ngokucacileyo kuwonke-wonke xa kuhlantatyezwana nezicelo ezifakiweyo zoncendo lwengxowa-mali. Ikomitana ye-hr kweZokhenketho nayo yabamba iintlanganiso ezinengexesha lonyaka-mali ngokunxulumene nemiba yophuhliso loncedo lwezabasebenzi.

Uphuhliso loKhenketho

Ukukhula kooqosho kumashishini okhenketho kugqalise ekudlaleni indima enephike kunye nenkuthalo kuphuhliso lwamashishini orhwebo afumana umtyhi kwezokhenketho, iindlela, amaziko amisiweyo, iziza, imitsalane kunye nmazikoakhoyo okusebenzela, kwindawo yoluntu jikelele kwanokwanda kweziveliso zokhenketho. IsiCwangciso soPhuhliso loKhenketho eNtshona Koloni sigxininisa ukusasazwa kwabatyeleli ngokubanzi kwiphondo nokuchongwa kwamathuba oqoqosho ingakumbi amalunga nophuhliso lokhenketho lwesiphaluka.

Uphuhliso lwendlela esuka kwisiXeko ukuya eWest Coast nokwandiswa kwesiza – Isigaba 1

Injongo yale projekthi yayi kukuqalisa indlela yokuba yinxalenye yeeprojekthi zophuhliso lweendlela ezimbaxa ezintathu nenjongo yazo ikukuqalisa iindlela zabakhenketho ezihlanganisa isiXeko kunye neminye imimandla yangaphandle kwiPhondo. Indlela okwangoku ineendibano-malungu zeendlela ezine kwanomtyhi wokuba kungakhiwa ezinye kwixesha elizayo. Ezi ndibano-malungu zendlela zihamba ngolu hlobo: !Khwa ttu, West Coast Fossil Park, iProjekthi yeMbonakalo-mhlaba yokuHlala yaseClanwilliam kunye ne-Griqua Ratelgat.

-Wesgro wancedisana nesiXeko ukuya eWest Coast ngesicwangciso sorhwebo lokukhuthaza intengiso. Oku kwaboniswa kwiindibano-malungu zendlela kweyoMdumba wama-2013 kwaza kwaqukwa kwizindululo ezidityanisiweyo zengxoxo malunga ne!Khwa kunye neFossil Park njengenxalenye yokunika indawo ukulungiselela umnyhadala womculo weRock kunye neJazz owathi waqhubeka kweyoMdumba wama-2013. UWesgro uya-kuthi asebenze ngezi ndibano zendlela kuwo wonke unyaka-mali wama-2013/14 ukulungiselela ukuqhubela phambili ukuphunyezwa kwesicwangciso sazo. Isigaba se-2 esifuna inkqubela phambili yokuqalisa iindibano-malungu zendlela ngokuhlangeneyo neSebe leZokhenketho leSizwe (NDT) nokuyakuthi kuphunyezwe kunyaka-mali wama-2013/14.

!Khwa ttu

I-!Khwa ttu igqibezele uphuhliso lweendlela ezityhutyhayo ezithe zahlolwa ukuquka ukwenziwa komboniso kwiindawo eziphandle, okwaquka ukususwa kwezityalo nokwakhiwa kweendawo ezinomtsalane (ezona ndawo zifanele ushishino). Ukongeza ithe yaquka ukugxininisa kuphando lwezityalo. Ngokusekwe phezu kophando, kwashicilelwa iilebhule zomboniso zancanyathiselwa kwezona zityalo zibalulekileyo ecaleni kweendlela ezityhutyhayo. Iilebhule zikwaluncedo ekuphawuleni indlela etyhutyhayo. Isigaba sesibini sophuhliso lweendlela ezityhutyhayo ezihloliweyo kwaquka umboniso wendlela yesine etyhutyhayo, negqalise ngakumbi ekonwabeleni ukuhlangana nezinto zendalo zelizwe kwaneembonakalo-mhlaba. Ukwenziwa komboniso weendlela ezityhutyhayo wayilwa ngendlela evumelana lula nokufikeleleka ukusuka kwiziko lotyelelo apho ukuphakama kuthi kunike iimbonakalo zokufikeleleka nakwiindawo ezinamanzi ekugqibeleni. Esi sigaba sigqalise kakhulu kuyilo lokushicilela iibhodi ezichaza ulwazi oluyakuthi lubeluncedo kubatyeleli ukubakhokela kwiindlela ezityhutyhayo kwane miboniso yangaphandle.

IPaka yeFossil yase West Coast

I-Fossil Park yaqalisa ukuqhubela phambili isakhiwo somgodi samandulo esisetyenziswa "njengendawo yokulinda" okanye into abayibiza ngokuthi "sisitishi sethutyana nje elifutshane sokulinda" samaqela phambi kokuba athathwe asiwe kwiziza zokugrumba. Baza kusisebenzisa njenge ndawo yokwamkela yamaqela kwaye iyakuthi ibenolwazi olufumanekayo malunga neendawo ekugrunjwa kuzo. Amaqela ayakuthi achazelwe ngaphambi kokususwa asiwe kwiziza. Esi sakhiwo siyakuthi sigqibezele uphuhliso lwaso oluyakuthi luqhubele phambili ukuphucula ummandla xa uwonke, nokuquka isakhiwo esitsha sesiza sokugrumba.

Imbonakalo-mhlaba yokuHlala yase Clanwilliam

Ukuza kuthi ga ngoku uphuhliso luquka ukugqityezelwa kweSitiya ekuthiwa 'yiTime Garden' esinemizekelo yezityalo malunga nolwazi lwenzuluwazi ngezityalo olwaziwayo ukuba lwalusetyenziswa ngama-San phambi kwenqubo yokuba nezithanga safumaneka ngendlela ethile yobuchule bokugrumba kwiziza zenzululwazi ngezakudala. Le yimizekelo yezityalo ezityiwa ngabazingeli besiphaluka nakwiintlangano, izityalo ezisetyenziswa njengamayeza oonyango, izityalo esisetyenziselwa ukubasa umlilo kwanezisetyenziselwa ukutyalwa nezo zikhethelwe ukwenza uluhlu lwee-artefacts?. Ukhenketho lokukhokela ekuqaliseni kwesi sitya ikwaluludwe lwezifundo ngokwayo kwanentshayeleyo yezakhono zabantu abangama-San zobu ngcaphephe ngezityalo. Bathe bagqibezela uphuhliso lwesitya esineNdelelana esibizwa ngokuba yi'Time Path Garden' eyakuthi ibe sisongezelelo kumava okufunda kwabatyeleli ngokubonakalisa uluhlu lwamatye nayakuthi abonakalise isixhobo sokudaleka kwelitye esisetyenziswa ngabazingeli neentlangano ezibanjwa kummandla.

Griqua Ratelgat

I-Ratelgat yagqibezela uphuhliso lwezindlu zokhuko ezingama-33 zokuhlala. Ezi zindlu zokhuko zifana nqwa nezo zakhiwa ngama-Griquas kwiimihla yamandulo kwaye zisetyenziswa kakhulu njengendawo zokuhlala zethutyana.

Uphicotho-zincwadi lweMveliso zeNkcubeko kunye neLifa leNdalo

I-Sebe ligqibezele isicwangciso sobuchule baloseLifa neNkcubeko kwiPhondo. Esi sicwangcisosobuchule saziswe ngamacebiso asuka kuphicotho-zincwadi olwakhokelwa kweyeKhala ngowama-2012. Sikwamanyaniswa noBuchule beLifa kunye neNkcubeko yoKhenketho lweSizwe. Kwabanjwa udliwano-ndlebe ngokubanzi kunye nemimandla xa iyonke kwanabanye abachaphazelekayo ngexesha lenkqubo yophuhliso lwesi sicwangciso sobuchule, aMacebiso obuchule obusetyenziswayo ayakuthi abe yinxalenye yokuphunyezwa kwesivuliso somtyhi weLifa kunye neNkcubeko kulo nyaka-mali sikuwo. Amacebiso aquka oku:

- Indlela eya kumazibuko kunye neenyiba ezine;
- indlela eya kwifossil kunye nomsebenzi wobuchule bobugcisa werock;
- Ii-Indabas zommandla.

Cape Agulhas

Isigaba sesibini sokufakelwa kwesihlomelo sokwandiswa kweboardwalk kunye nokongezwa kwesimo esinjengebhanki, isalathiso nezinye zagqityezelwa kulo nyaka-mali sikuwo. Isicelo soncedo-mali esiya kwi-NDT senziwa ukuphuhlisa iziko elimisiweyo lemifanekiso oyakuthi wongeze ixabiso lwamanye amaphulo ophuhliso asele enziwe liSebe ngokuhlangeneyo no-SANParks.

IPaka yeNdawo ekuhlala kuyo iZinto eZiphilayo eFalse Bay

I-MOU yalungiswa ukuvumela isiXeko seDolophu yaseKapa ukugqibezela ukuthengwa kwempahla karhulumente. Bazimisele ukugqibezela iprojekthi kweyoMsintsi wama-2013.

Iinkonzo zeNkxaso zoKhenketho

Inkqubo yeNkxaso kunye noKhuseleko loKhenketho, ngoku ineminyaka esibhozo ikhona, yaphendula ngokweemfuno kwizehlo ezingama-20 zabakhenkethi abaneengxaki ezithile. Isiganeko sephenyane eHout Bay, nesi nokuba mandundu ukuba ibingengo msebenzi wongezelelweyo weenkonzozohlangulo, safumana okona kupapashwa kukhulu. Ngaphezulu kwamacebiso ali-10 000 okhuseleko lokhenketho asasazwa kwimibutho eli-160 eyohlukeneyo kunye nabomanyano lokhenketho.

Inani elipheleleyo lama-687 sohlolo lweSithembiso soHlobo lweMigangatho lwenziwa liSebe ngokucelwa yiMibutho yoKhenketho yeSiphaluka. Emveni kokuzalisekisa isivumelwanoneBhunga lokujonga umgangatho woKhenketho (TGCSA)kwathhwa isigqibo sokuphepha ukuphinda kabini kweSebe kwisigaba senkqubo yokuThembisa ngoHlobo lokuhlelwa ngokodidi kwemigangatho enganeno nokukhuthaza imigangatho eluhlobo olungentla.Ukukhuthaza ukuhlelwa kwamaziko amisiweyo okuhlala angekho kumgangathweni uphezulu ayekuvimba weenkukacha zeSebe ukuba zihlelwe njengezikumgangatho ongentla, ukuhlelwa komgangatho wazo yi-TGSA ngaphandle kwentlawulo kwikota yokugqibela yonyaka-mali wama-2012/13. I-Sebe liyakunika inkxaso yeziko elimisiweyo kuvimba weenkukacha weSebe kunyaka-maliwama-2012/14 ukuqinisekisa inguqulelo esulungekileyo kwinkqubo yohlelo olusemngangathweni ongentla we-TGCSA.

Isakhelo seSalathiso seNdlela yoKhenketho saqhubela phambili ukuphunyezwa ziiKomiti zomanyano leZokhenketho zoMmandla kwisiphaluka ngasinye. Ukubanjwa kweentlanganiselo ezingama-55 zezicelo ezitsha ezifakiweyo ngaphezulu kwezicelo kunye nophicotho-zincwadi olwenziwe ngaphezulu kwezihlandlo ezili-14 kwiindawo zolondolozo zakwa CapeNature nezingama-44 zeprojekthi yenyiba yeeNyiba zeNtaba yaseKapa. Uphicotho-zincwadi lolwazi lokhenketho luyakuthi luziswe ngaphambili kwiibhodi zoLwazi loKhenketho eziLungiselelwe ngoKukodwa Jikelele (GTI) ukuba zibekwe ecaleni kwendlela ekhethekileyo ngakwiinyiba zentaba kulo lonke elaseNtshona Koloni uku-khuthaza nokuqhubela phambili ukhenketho kwiindawo ezisemaphandleni.

Ukuthatha iNxaxheba kweZokhenketho

Iqela laBongameli abazintloko boKhenketho, uKonwabisa kunye noMsebenzi woBugcisa (MOA) abezeNkcubeko, uMsebenzi woBugcisa, uKhenketho, ukuBuka lindwendwe, eZemidlalo, iMfundo yeZiko kunye noQeqesho lweZiphath'amandla (CATHSSETA) ukulungiselela uKhenketho, uMsebenzi woBugcisa bokuBuka lindwendwe kunye namaphulo ezakhono zentsebenziswano noKonwabisa okanye uqeqesho lwabantu abangaphangeliyo abatsha. I-MOA yasiyinwa kwixesha leminyaka emine kwaye isiphumo sayo iyakuba kukwandisa ukufikeleleka kwabantu abangaphangeliyo abatsha ukuze kuphuhlise izakhono zabo zibe kumgangatho ongentla ukuze babe nokufumana iziqinisekiso zoKhenketho kunye namathuba emisebenzi kushishino. Ixabiso lengxowa-mali yoncedo lwe-CATHSSETA yiR10 lesigidi sezigidi.

Ngenxa yoLwahlulelwano loKhenketho lweSebe leSizwe ekuphumezeni Ukwandiswa kweNkqubo yeMisebenzi yoLuntu (EPWP), abafundi abangama-359 abathatha inxaxheba kwinkqubo nasekufumaneni amathuba omsebenzi kwezoshishino ixesha elisukela kwiinyanga ezi-3 ukuya kwezili-12. Aba bafundi banikwa uqeqesho kuLawulo loKutya neZiselo kwanoLondolozo lweKhaya. Inkqubo ye-EPWP yaqalisa kuyo yonke imimandla emi-6 yePhondo ngenkxaso yamashishino.

Ngenxa yesiphumo solwahlulelwano olumisiweyo/olufunyenweyo, uPhuhliso loNcedo lwaBasebenzi boKhenketho lwanceda abafundi abangama-2 026 ngamathuba okufumana uqeqesho. Abafundi baqeqeshwa ukuze bafumane iziqinisekiso zemfundo eziyimfuneko kuMsebenzi woBuchule bokuPheka, ukuNcedisa uMpheki oyintloko eHotele, Isiqinisekiso soMsebenzi kwiSizwe jikelele nokubangumkhonzi wabatyayo kwiiKholeji ze-FET uku-chaza ngezikhewu malunga nezakhono zangoku kushishino. Iqela liqalise inkqubo yobalaseko lweNkonzo/UKwamkela lindwendwe eMzantsi Afrika ukunceda abaqeshwa abangama-325 kukhenketho nakushishino lokubuka iindwendwe kwaba masipala balandelayo/iidolophu: Stellenbosch, Saldanha, Kleinmond, iDolophu yaseKap, Breedekloof, Caledon, Hessequa, Beaufort West nase Bredasdorp.Ukubukwa kweendwendwe eMzantsi Afrika

yinqubo yesizwe enjongo yayo ikukuphuhlisa iinkonzo zezakhono zobalaselele nokukhuthaza inkqubo yeenkonzo zoncendo lwabaxhasi eMzantsi Afrika. Ikwenzela oku ngokudala ukuqonda ngokubaluleka kwendima edlalwa ngumntu ngamnye ngokwenza umsebenzi woncendo lwabaxhasi okumgangatho ophezulu emsebenzini nakwiindawo zabo zasekuhlaleni. Ekupheleni koqeqesho lweentsuku ezi-2, abathathi-nxaxheba banikwa iziqinisekiso nezipeliti eziqhotyoshelwa esifubeni ezichonga bona njengabantu abazinikezeleyo ekunikeni iinkonzo ezibalaseleyo njengabameli besizwe kwiindawo zasekuhlaleni naseMzantsi Afrika.

Uphuhliso lwaMashishini okhenketho anika inkxaso kumashishini angama-685 okhenketho. La Mashishini axhaswa ngala maphulo olamlo alandelayo: Izakhono zoShishino loKhenketho, iNtengiso yoRhwebo ngeKhomtyutha namaphepha-ndaba oLuntu, inkqubo yomsebenzi woKhenketho, iNkqubo yoLawulo lweNdlu yabaHambi kwanenkqubo yocetyiso Lokhenketho. Uqeqesho lwephepha-ndaba loluntu lwafumana uqwalaselele olukhulu ngentsebenziswano kunye neNdawo yoHlala yaseMantla eDolophu yaseKapa abalungiselela indawo yendibano yamalungu wabo ukuze bafumane uqeqesho lokusebenzisa aMaphepha-ndaba oLuntu ukuthengisa urhwebo lweZindlu zabo Zabahambi neNdawo zoKulala okweThutyana (B&B). Olunye ulwahlulelwano olwaba neziqhamo ezihle yaba loluka- Productivity South Africa owathi owathi wanikezela ngamashishini okhenketho e West Coast nase Eden, lindibano zoCweyo zokuQhubela Phambili ukuHamba koMsebenzi woShishino (BPIW). I-BPIW yancedisa la mashishini kwinkqubela phambili yengeniso kunye nokukhula koqoqosho. Ngenxa ye- Memorandum yesivumelwano phakathi kwe- DEDAT kunye naboHlulelwano loShishin loKhenketho (TEP), iNkqubo yaMacebiso okhenketho eyanika inkxaso abacetyiswa abangama-30 nabathi bancedwa ngabacebisi ngezicwangciso zabo zokukhula koqoqosho.

Ngentsebenziswano kunye neQela loXhotyiso loQoqosho lee-DEDAT's, iqelana labongameli kanika inkxaso-mali amashishini angama-64 okhenketho ukufumana iziqinisekiso zeBEE. Iqela lasebenzisana naboKhenketho beDolophu yaseKapa, isiXeko seDolophu yaseKapa kunye noWesgro kumalungiselele eengxoxo zomnatha wothungelwano lwamashishini okhenketho. Kwamenywa izithethi ezohlukeneyo ezisuka kwezorhwebo ukuba bachaze ngemiba ephambili yengxoxo enika umdla.

Ummiselo woKhenketho wabhalisa abakhokeli babatyeleli abasuka kwamanye amazwe abangama-1 599. Oku kwanda kwaba sisiphumo sokugxininisa ukuhlolwa kokhokelo olungekho mthethweni nokwadala ukuqonda malunga nokusetyenziswa kwabakhokeli babatyeleli abasuka kwamanye amazwe abaneziqinisekiso zobhaliso. Inani labakhokeli babatyeleli abasuka akwamanye amazwe abathi bahlolwa babangama- 1 103.Ngenxa yesi siphumo senkqubo yokuhlolwa kokukhokela okungekho mthethweni i- DEDAT yasebenzisana neenkampani zeziko labucala ukwenza uqeqesho/uphuhliso lwezakhono ezikumgangatho ongentla zabakhokeli babatyeleli abasuka kwamanye amazwe aba besebenza ngokungekho mthethweni. Lindibano zeengxoxo zolwazi zagqalisa ekwandiseni ulwazi nakuphuhliso lwesivuliso ekuqinisekiswa ukuba siyaziwa kakhulu ngabakhokeli babakhenkethi abasuka kwamanye amazwe. Ngesi siphumo,eminye imiba yengxoxo ephambili yaphinda yamiselwa elinye ixesha lokuba mayixoxwe ngenxa yokubhulisha okugqithileyo. Ukongeza apha, uMetrorail wasebenzisana ne-DEDAT ukulungiselela ukuthunyelwa kwabakhokeli babakhenkethi abasuka kwamanye amazwe bathunyelwe kwizifundo zexesha elifutshane ukukhuthaza ukhenketho ngololiwe njengolunye uhlobo lwesivuliso esinokusetyenziswa.

Intengiso yoRhwebo lweNdawo ekuSingiswe kuyo yoKhenketho

Kunyaka-mali wama-2012/13, iMimiselo yeNgqungquthela yagcina iubhidi ezili-19 ukulungiselela iinkomfa kunye neengqungquthela ezibonakalisa ixabiso loqoqosho lamaR338,13 lezigidi sezigidi nokuyakuthi kwenze umtsalane kwiqela labathunywa benkomfa abangama-26 780. Imimiselo yeNgqungquthela yangenisa iibhidi ezingama-35 ezintsha kunyaka-mali wama-2012/13 ukulungiselela iinkomfa zexesha elizayo. Ixabiso leebhidi ezintsha ezingenisiweyo ziqikelelwa ukuba zingaphezulu kwamaR785 lezigidi ngethemba lokuba nako ukwenza umtsalane kubathunywa abangama-81 450 ukuya kwindawo ekusingiswe kuyo. Ngaxeshanye kwenziwa izivumelwano zoRhwebo ngokuHlangeneyo ezintlanu ezathi zagcinwa ngokhuseleko zexabiso lemali eliR115 lezigidi. Kwaxhaswa inani elipheleleyo lama-20 eziganeko ixesha elingaphezulu konyaka, nokwavelisa ixabiso lemali yoqoqosho engamaR1,327 esigidi sezigidi.

Indawo yoRhwebo loKhenketho ekuSingiswe kuyo ayithandabuzi ukuzinikela kumsebenzi wayo wotshintsho kumashishini noluhlala lusesona sicwangciso siphambili sobuchule obufunekayo kurhwebo lokhenketho. Inkqubo yenkxaso yokhenketho ijolise ekuveliseni uninzi lwabarhwebi abantsundu, ukunika inkxaso yoncendo kubarhwebi abasakhasayo nabangeneno boshishino lokhenketho, nokuquka abazuzi abalu lutsha. Impumelelo yale nkqubo isenokuba negalelo kwiinzame zayo zentsebenziswano nabohlulelwano lwamashishini ukunika amathuba okuveliswa kwezinto ezintsha kurhwebo ukuze kuxhamle ii-SMME's.

Iprojekthi zoBuchule beNgqiqo kunye noPhando loRhwebo (MR&I)

Uphando loRhwebo loKhenketho kunye neQela loBuchule beNgqiqo(MR&I), nelathi lamanyana neQela loPhando lwakwa-Wesgro IQ, laqalisa ukusebenza ngomhla woku-1 kuTshazimpunzi wama-2012, lakhokela iiprojects ezohlukeneyo zophando lwangaphakathi, ukuquka kodwa kungekho mlinganiselo kuwo: iingxelo ezine ngekota zoMlinganiselo woKhenketho eNtshona Koloni, uphando lwembono yoshishino lokhenketho (uphando lwepaneli qogqithiselo lweshishini), ukunika izimvo ezifunekayo nezisemgathweni womsebenzi wobuchule zoshishino, kwanoPhando loVavanyo lwe-SMME, nolunika iingcebiso ngempembelelo yeenzame zorhwebo ezibalelwa kwiziveliso ze-SMME exhasiweyo

I-MR&I ihlanganisa izalathiso zokhenketho ezingundoqo kuvimba weenkukacha okumgangatho wesibini owathi wakhutshwa ngabeZokhenketho eMzantsi Afrika kunye ne-STATSSA yaza yakhupha iingxelo ezine zokuHamba koMsebenzi weNdawo ekuSingiswe Kuyo eNtshona Koloni.

Ukongeza, ngexesha lokunika ingxelo, kwakhokelwa iiprojekthi ezimbini zophando zangaphandle ukwenza uphando, ukuzibiza uPhando lweMpembelelo yeSiganeke (Prince Albert Olive Festival ngowama-2012) kunye noPhando lokuLanda uMkhondo waBatyeleli; esetyenziswa ekulandeni umkhondo wemiqobo kunye neendlela ezisetyenziswayo zotyalelo lwabakhenkethi abasuka kwamanye amazwe abatyelela kwiDolphu yaseKapa naseNtshona Koloni.

Ukonwabisa kunye noMsebenzi woBugcisa boRhwebo

Umsebenzi woBugcisa boRhwebo kunye noKonwabisa ukhokelele kuncedo lokufikeleleka kwiR3,5 lezigidi ezisuka kwingxowa-mali yobulumko yakwa- CATHSSETA's neyayine sixa-mali se-R5 lezigidi Sisonke. Abazuzi bolu ncedo-mali baquka uMsebenzi woBugcisa weMizobo yePeyinti, uKwenziwa kweMidlalo yoMsebenzi woBugcisa, uMboniso-bhanyabhanya, uMculo kunye noMsebenzi woBuchule weZandla. NgokweJografi abaxhamlayo kwinkxaso-mali ngabantu abahlala emaphandleni nasezidolophini; Wellington, Paarl, Worcester, West Coast (Khwa Tuu); Clanwilliam (Living Landscapes); City Bowl (Joule City). Le nkxaso-mali yabanako ukunceda abafundi abasele benezindanga abangaphangeliyo ukuba bangene kumashishini obuchule bobugcisa bafumane amathuba okuzuzisa uqeqesho lwamava kuphuhliso loshishino kwanolwesiveliso ukuze babenako ukufuma imisebenzi.

Umsebenzi woBugcisa

Umsebenzi woBugcisa boRhwebo kunye noKuzonwabisa wakhuthaza waza wakhokela ukumiswa kweziko leqela loshishini ngentsebenziswano kushishino lobuchule bobugcisa ukomeleza umsebenzi woqoqosho nokunika iinkonzo ngorhwebo lwabasebenzi bobugcisa nophuhliso lwezoko lomsebenzi wobugcisa. Umsebenzi woBugcisa waseKapa kunye neZiko loKuyila (CCDI), iziko elikhokela phambili kuphuhliso lweziko lomsebenzi wobugcisa eMzantsi Afrika. Ezinye zezinto ezithe zafezekiswa ziquka: ukumiswa kweziko le-Fablab (ngokuhlangeneyo ne-DST kunye ne-CSIR) ngowama-2006; ukuchongwa kwe-CCDI yi-DTI njengelona ziko lisebenza kakuhle kwano kusebenzisa indlela yobuchule kwiindawo ekwenziwa kuzo umsebenzi wobugcisa ngowama-2007; nangu MAPPP-Seta njenge iBalaseleyo kuMaziko ngowama-2009. Oku kuchongwa kwenze ukuba kubelula ukuba umbutho ubenako ukumanya nokucokisa isivelisosawo ukuya kufikelela ekubeni sixhomekeke, sisetyenziswe, sifikeleleke kwaye sifaneleke kubantu abenza umsebenzi wobugcisa abangaphezulu kwama-3 500 nababhalisiweyo kuvimba weenkukacha.

Ukugqalosa kurhwebo lwabenzi bomsebenzi wobugcisa kunye namaphulo olamlo ee-CCDI's ukuzisa isiveliso kurhwebo, iSebe lihlangene neDesika yoManyano lwentsebenziswano ne-dti ukuze kwandiswe ukufikeleleka kumathuba kwabasebenzi bomsebenzi wobugcisa kwiPhondo. ISebe lakhuthaza ukufikeleleka kurhwebo lwase USA, France, Italy nase Birmingham. Aba basebenzi benza umsebenzi wobugcisa banika ingxelo yexabiso labo loRhwebo kwi-CCDI eyathi yajika yanika ingxelo yonyaka yorhwebo oluxabisa isixa-mali seR3,5 lezigidi. ISebe labhalisa amaqela amabini omanyano loshishino e-'Too Good Too Waste' kunye naboluki abenza umsebenzi weZandla base-Genadendal nanjenge sifukamisi sabeluki bomsebenzi wobugcisa. Le nkqubo iba qhubela phambili kumathuba okufikeleleka kuncedo-mali lweDti CIS ukuze babenako ukudala indawo yorhwebo esisigxina ukulungiselela aboManyano loShishino lwe-'Too Good To Waste'.

Ngokuhlangene ne-dti, aboluki boMsebenzi woBuchule weZandla base Genadendal bomanyano oluphambili lwamashishini kwamiswa kwaye basanda kubhalisa isifukamisi kunye ne-dti. Ezi zifukamisi ziyakuthi zimiswe eGenadendal, Firlands (Somerset West), Kleinmond naseHout Bay. Amalungu amathathu omanyano lwamashishini (iinkampani) athatha inxaxheba kwinkqubo ye- Genadendal, Firlands (Somerset West), Kleinmond nase Hout Bay. Amalungu amathathu omanyano lwamashishini e-'Too Good Too Waste' (iinkampani) bathatha inxaxheba kwinkqubo ye-Charleys Cake Angels esekwe phezu komanyano lwabo kunye namashishini e-'Too Good To Waste' nayakuthi avavanywe kwi-BBC kungekudala. Iinkampani ezathi zathatha inxaxheba zezi: Aboluki boMsebenzi

weZandla baseGenadendal, Ukwenziwa kwaKhona, Ukuva Kwakhona, Ukuthanda Kwakhona, Ukusetyenziswa Kwakhona. Eli thuba livumela uncedo olunexabiso lorhwebo ukulungiselela ukhenketho olunenkathalo kunye nengqikelelo yokukhula koqoqosho lolu manyano lulodwa lwamashishini.

Ngokwemigaqo yophuhliso lweziko lomsebenzi wobugcisa, iCCDI iqalise intengiso ngomnatha wothungelwano lwekhompyutha kunye nezinye iindlela ezisetyenziswayo. I-CCDI iqalise yaza yenza nempembelelo yephephandaba layo loluntu, iphepha eliku Facebook leCCDI ngeenjongo zorhwebo nokusasaza ulwazi.

Njengenxalenye yophuhliso lomsebenzi wobugcisa, iCCDI, iqalise incwadana yolwazi ngolawulo lombutho ukuqinisekisa ukuthobelana nemithetho yeRhafu kunye noBhaliso kwaSARS kuwo onke amalungu ayo. Oku kwasasazwa ukusuka ezi-ofisini zabo nakwimimandla esemaphandleni.

Ngokwemigaqo yoCetyiso, iCCDI, yaqesha abahloli boshishino ukuze bangaxhobisi kuphela iCCDI njengombutho nokonga iindleko zabacebisi bangaphandle, kodwa ukuxhobisa ngezakhono amalungu wayo kwanolawulo olusemgangathweni nolufanelekileyo lweenkonzo eziziswa eluntwini

I-CCDI yahlangana noWesgro ukukhuthaza ukufikeleleka nokwandisa urhwebo ngokufezekisa amathuba orhwebo kunye notyalo-mali kwanokwandisa ufikeleleko kumathuba orhwebo. I-CCDI yagqalisa kwisiviso somsebenzi wobugcisa kunye nokuveliswa kwezinto ezintsha kunyaka-mali laze lafumana umatshini wokushicilela oyi-3D owandisa nonyusa inkxaso yokuveliswa kwezinto ezintsha kubenzi bomsebenzi wobugcisa kunye nabayili ngokufanayo. Ngenxa yendlela yabo yokuvelisa izinto ezintsha zokuyila nokwenza umsebenzi wobugcisa kwano-manyano lwabo noWesgro, iCCDI yaphumelela kwi bhidi ukwamkela iindwendwe ezize kwiNkomfa yokuqala yoBuchule boQoqosho eMzantsi Afrika ngowama-2014.

Umboniso-bhanyabhanya

Ngokuhlangene nesiXeko seDolophu yaseKapa, ukufikeleleka kuncedo-mali kwakhokelwa kukulungiselela abalawuli-mdlalo bomboniso-bhanyabhanya baseMzantsi Afrikan bomboniso wezinto njengoko zinjalo zonyulo luka Oscar nomboniso-bhanyabhanya omfutshane; u-ASAD kunye no-'Searching for Sugar Man'. Ukufikeleleka kuncedo-mali kwakhokelwa yi'National Film kunye neVideo Foundation' (NFVF) ukulungiselela iindawo zokuhlala kunye nohambo ngeenqwelo-moya abalawuli-mdlalo bomboniso-bhanyabhanya abathathu. Sakhokela nokufikeleleka kuncedo-mali kunye nezipho zenkxaso kumanyano lwamashishini anjengo Woolworths kunye nabotyali-mali babucala abanjengo Oasis kunye neMayat International. Oku kwaquka ukuvezwa kumaziko eendaba ukusuka ku-'e.tv nakwiExpresso Breakfast Show' (SABC 3).

ISebe lagqalisa kurhwebo loshishino lomboniso-bhanyabhanya ngethuba lonyaka-mali laze lahlalanga nesiXeko seDolophu yaseKapa kunye neBig Fish Digital School soMboniso-bhanyabhanya, laqalisa nenkqubo yoqeqesho lwabenzi bomboniso-bhanyabhanya abangama-20 abantsundu olugxininisa kuphuhliso lweshishini. Le nkqubo yagqalisa ekuphuhliseni izakhono zolawulo loshishino lwabenzi bomboniso-bhanyabhanya – ukwandisa izakhono zabo ekufikeleleni kwinkxaso-mali yokwenziwa komboniso-bhanyabhanya namanye amathuba anxulumene noko asuka kwezoshishino. Ngokuhlangene nabakwa XCon Films, iSebe liqeqeshe abavuseleli (abenza imidalo yemiboniso-bhanyabhanya yoonopopi) abayakuthi baqashwe ngabakwa XCon Films ngokwenza kwabo imisebenzi yomboniso-bhanyabhanya kuSABC, nothe wanika abarhwebi abakhethekileyo ithuba lokufikeleleka kumathuba emisebenzi kunye noSABC njenga bomdlalo womboniso-bhanyabhanya woonopopi emveni kokugqibezela kwabo inkqubo yoqeqesho lwezakhono zokuba ngabadlalali bomboniso-bhanyabhanya woonopopi.

Ngonyaka-mali wama-2012/13 uxanduva lokukhuthaza utyalo-mali norhwebo kwiziko lomboniso-bhanyabhanya lwaphunyezwa nguWesgro. Oku kwaquka uncedo kumashishini omboniso-bhanyabhanya lommandla ngokusebenzayo ukuba angene kurhwebo lwehlabathi kwanokuphucula izakhono zobuchule nokubanako ukwenza umsebenzi kwiziko. ISebe kunye noWesgro baqhubela phambili ngentsebenziswano kunye neStudios zoMboniso-bhanyabhanya zeDolophu yaseKapa ukwenza umtsalane kwiinkampani zehlabathi zomboniso-bhanyabhanya ukuze zikhethe iDolophu yaseKapa kunye neNtshona Koloni ukuthatha amafoto emidlalo yomboniso-bhanyabhanya yabo kwanokwenziwa kweminye imiboniso-bhanyabhanya kwisiXeko.

linjongo eziCwangcisiweyo

Ukhenketho, Umsebenzi woBugcisa kunye noKonwabisa					
linjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho kwinkalo yojoliso ecwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkqutyana 6.1: Ukhenketho loLawulo, uMsebenzi woBugcisa kunye noKonwabisa					
Uhlobo noBuninzi bamabali amafutshane oKhenketho, uMsebenzi woBugcisa kunye Nokonwabisa.	2	1	1	-	-
Inkqutyana 6.2: Ukukhukhula koKhenketho					
Ipersenti yamaziko amisiweyo okhenketho olondolozo lwemigan-gatho enganeno [inani lamaziko amisiweyo lilonke koovimba beenkcukacha ukusukela ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2013]	96%	80%	95%	15%	Uhlolo olongezelelweyo kunye nokunikwa kwamangaku agqamileyo kwamahala kwandikezelwa.
Inkqutyana 6.3: Ukuthatha iNxaxheba koKhenketho					
Inani lemisebenzi ekhoyo/elondolozweyo: Uphuhliso lwezabasebenzi boKhenketho	388	300	269	(31)	Inkqubo yafumana inani elikhulu labafudi abayeka phakathi ngaphambi kokuphela kwenkqubo
Inani lemisebenzi ekhoyo/elondolozweyo: Uphuhliso lobutyebi boKhenketho	-	300	549	249	Ukuhlangana neNkqubo yaMashihini oKhenketho (TEP) kuxhase iSebe ekuncedeni mashihini amaninzi.
Inani lamashishini akhoyo awondolozweyo/ alondolozweyo ngenxa yophuhliso lwamashishini okhenketho	-	100	95	(5)	Amanye amashishini zange abenako ukunikezela amaxwebhu afunekayo nawayenokuqinisekiswa kunye nengqiqo yokuba ingaba athe akhula okanye alondolozwa kusini na.
I-Persenti yabakhokeli abakhokela abakhenkethi abasuka kwamanye amazwe [Inani labakhokeli abakhokela abakhenkethi abasuka kwamanye amazwe lilonke koovimba beenkcukacha ukusukela ngomhla wama—31 kweyoKwindla wama-2013.	55%	65%	99.62%	34%	Uqhagamshelwano rhoqo naba chaphazekayo kukhokelele ekwandisweni kokuqonda nokubhalisa kwabakhokeli babakhenkethi abasuka kwamanye amazwe.

Ukhenketho, Umsebenzi woBugcisa kunye noKonwabisa

Iinjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho kwinkalo yojoliso ecwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkqutyana 6.4: Umbutho woRhwebo lweNdawo ekuSingwe Kuyo					
Inani labakhenkethi abafikayo abasuka kwihlabathi liphela besingise eNtshona Koloni.	981 019	1 658 929	539 239	(1 119 690)	Eli nani lixhomekeke kwiingxelo zekota zokhenketho zoMzantsi Afrika. Uvimba weenkukacha weekota ezishekileyo awukafumaneki ngomhla wokunika ingxelo. Eli nani libonakalisa iikota ezimbini zokuqala zonyaka-mali wama-2013/13 (kuTshazimpunzi – kweyoMsintsi wama-2012)
Inani labakhenkethi abafikayo abasuka kwihlabathi liphela libalelwa kwiinzame zorhwebo lwe- CTRU.	51 994	87 923	28 580	(59 343)	Ukufika kwabakhenkethi abasuka kwihlabathi liphela kubalelwa kwiinzame ze-CTRU eziqikelelwa kwi-5.3% nenxulumene neNcwadana yokuHamba koMsebenzi. woRhwebo lweNdawo ekuSingiswe kuyo kwihlabathi liphela. Eli nani libalelwa kwiinzame zeekota ezimbini zokuqala kunyaka-mali wama-2012/13 (kuTshazimpunzi – kweyoMsintsi wama-2012)
Inkcitho ngokuthe Ngqo yaManye Amazwe kwihlabathi liphela.	R13.3bn	R24bn	R8.3bn	(R15.7bn)	Eli nani lixhomekeke kwiingxelo zekota zokhenketho zoMzantsi Afrika. Uvimba weenkukacha weekota ezishekileyo awukafumaneki ngomhla wokunika ingxelo.

Ukhenketho, Umsebenzi woBugcisa kunye noKonwabisa

Iinjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho kwinkalo yojoliso ecwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkcitho kwihlabathi liphela libalelwa kwiinzame ze- CTRU.	R705m	R1.27bn	R0.4bn	(R0.87bn)	Ukufika kwabakhenkethi abasuka kwihlabathi liphela kubalelwa kwiinzame ze-CTRU eziqikelelwa kwi-5.3% nenxulumene neNcwadana yokuHamba koMsebenzi. woRhwebo lweNda-wo ekuSingiswe kuyo kwihlabathi liphela. Eli nani lixhomekeke koku kukhankanywe apha ngentla.
Inani labatyeleli bangaphakathi kweli lizwe.	1 843 800	3 000 000	910 000	(2 090 000)	Eli nani lixhomekeke kwiingxelo zekota zokhenketho zoMzantsi Afrika. Uvimba weenkukacha weekota ezishekileyo awukafumaneki ngomhla wokunika ingxelo.
Inani labatyeleli bangaphakathi kweli lizwe libalelwa kwiinzame zorhwebo lwe-CTRU	184 380	300 000	91 000	(209 000)	Inani labatyeleli bangaphakathi kweli lizwe libalelwa kwiinzame ze-CTRU eziqikelelwa kwi-10% enxulumene neNcwadana yokuHamba koMsebenzi. woRhwebo lweNda-wo ekuSingiswe kuyo kwihlabathi liphela. Eli nani lixhomekeke koku kukhankanywe apha ngentla.
Inkqutyana 6.5: Ukhenketho, Umsebenzi woBugcisa kunye noKonwabisa					
Inani lemisebenzi efunyenweyo/elondolozweyo: (Ushishino loPhuhliso loMsebenzi woBugcisa)	-	300	70	(230)	I-CCDI iphumeze inkqubo yoqwalaselo ngomnatha wot-hungelwano lwekhompyutha kwaye le nkqubo isekwimigangatho yayo yokuqala ze ngelishwa azikaqokelelwa zonke iinkukacha ezifanelekileyo nezifuneko kwisakhelo sobungqina. Le nkqubo iyakuthi ihlaziye ukungqinelana nobungqina obuyifuneko kunyaka-mali wama-2013/14

Ukhenketho, Umsebenzi woBugcisa kunye noKonwabisa

linjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho kwinkalo yojoliso ecwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inani lemisebenzi efunyenweyo/elon-dolozweyo: (Ukuveliswa kweZinto eZintsha zoMsebenzi woBugcisa)	-	180	-	(180)	I-CCDI iphumeze inkqubo yoqwalaselo ngomnatha wot-hungelwano lwekhompyutha kwaye le nkqubo isekwimigangatho yayo yokuqala ze nge-lishwa azikaqokelelwa zonke iinkcukacha ezifanelekileyo nezifuneko kwisakhelo sobungqina. Le nkqubo iyakuthi ihlazi-ywe ukungqinelana nobungqina obuyifuneko kunyaka-mali wama-2013/14.
Inani lamashishini awondisiweyo/alondolozweyo: (Uphuhliso lwaMashishini oMsebenzi woBuchule boBugcisa)	-	150	60	(90)	I-CCDI ifezekise inkqubo yokujonga yekhompyutha. Inkqubo ikwizinga lalo lophuhliso kwaye ayikaluthathi lonke ulwazi olufunekayo ngokulindeleke kubume bobungqina.
Inani Lamashishini awondisiweyo/alondolozweyo: (Ukuveliswa kweZinto eZintsha zoBuchule boBugcisa)	-	90	2	(88)	I-CCDI iphumeze inkqubo yoqwalaselo ngomnatha wot-hungelwano lwekhompyutha kwaye le nkqubo isekwimigangatho yayo yokuqala ze nge-lishwa azikaqokelelwa zonke iinkcukacha ezifanelekileyo nezifuneko kwisakhelo sobungqina. Le nkqubo iyakuthi ihlazi-ywe ukungqinelana nobungqina obuyifuneko kunyaka-mali wama-2013/14.
Ixabiso lorhwebo notyalo-mali (Umboniso-bhanyabhayna kunye nomsebenzi wobugcisa)	R3.228m	R1.27bn	R109.679m	(R1.160m)	Uqingqo-mali lokwenziwa kwemisebenzi yeziphumo zoMboniso-bhanyabhayna okwanguku alukagqityezelwa ngofanayo ukuze lubenokufikelela kwiziphumo ezinqwenelweyo. Lo Mba uyakuthi

Ukhenketho, Umsebenzi woBugcisa kunye noKonwabisa

linjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho kwinkalo yojoliso ecwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo 2012/13	Izimvo ngonxaxho
					uchazwe kunyaka-ukuqinisekisa ukuba iinzame zingginelana nesakhelo sobungqina.
Ixabiso loncedo-mali olufumnekileyo (ukonwabisa kunye nomsebenzi wobuchule bobugcisa)	R10.271m	R2.050m	R8.826m	R6.776m	I-CCDI ngenxa yolondolozo lokuhamba komsebenzi wayo rhoqo kwiziko lokuYila neleMisebenzi yoBugcisa, yakhuthaza utyalomali kwindlela esetyenziswayo yophuhliso lweziko nanjengokuba isixa-mali soncedo-mali esifumanekileyo sithe sanda.

Izalathisi zokuhamba komsebenzi

Ukhenketho, Umsebenzi wobuGcisa kunye noKonwabisa

Isalathisi sokuHamba koMsebenzi	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho kwinkalo yojoliso ecwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkqutyana 6.1: Ukhenketho loLawulo, Umsebenzi wobuGcisa kunye noKonwabisa					
Inani lamalungu azibandakanye nohlulelwano loKonwabisa, uMsebenzi woBuchule boBugcisa kunye noKhenketho eNtshona Koloni (WC)	816	300	602	302	Kwenziwa uhlehlengiso lweengxoxo zolungiselelo kunye noMphathiswa nokwaba nesiphumo senani elongezelekileyo labantu abathatha inxaxheba kwiziganeko zoHlulelwano.
Inani lamaphulo enxaso yoBuchule boKhenketho, uMsebenzi woBuchule boBugcisa kunye noKonwabisa.	Ukuhlaziywa kweziCwangciso zeziko ka-2 NgoNyaka	Ukuhlaziywa kweziCwangciso zeziko ka-1 NgoNyaka	1	-	-
	Amaphepha ama-2 ophando (isiseko)	Amaphepha ama-2 esikhundla	2	-	-

Ukhenketho, Umsebenzi woBugcisa kunye noKonwabisa

Iinjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho kwinkalo yojoliso ecwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo 2012/13	Izimvo ngonxaxho
	ukuqwalaselwa kwezalathisi zeziphumo ez-2	ukuqwalaselwa noku-vavanywa kwezalathisi zeziphumo ez-2	4	2	Ukwenziwa kophando lwe- M&E lwezalathisi zeziphumo ezinqmlizileyo kulo lonke iSebe, ezi-4 kwezi zalathisi zava-vanywa kwinkqubo 6.
Inkqutyana 6.2: Ukukhula koKhenketho					
Inani leziveliso zokhenketho ezixhasiweyo/ eziqalisiweyo	-	2	2	-	-
Inani leeprojekthi ezichongiweyo zamaziko amisiweyo ezinxulumene nokhenketho.	2	2	2	-	-
Inani lamaziko amisiweyo okhenketho okanye abantu abafumene inkxaso/uncedo	-	788	950	162	Ukwenziwa kohlolo olongezelelweyo kunye nokuhlelwa ngokodidi.
Inkqutyana 6.3: Ukuthatha inxaxheba koKhenketho					
Inani labantu abafumene uqeqesho lokhenketho (uphuhliso lwezabasebenzi boKhenketho)	2 173	1 870	2 452	582	Ulwahlulelwano kunye neSebe loKhenketho kwano- CATHSSETA kwanceda iSebe kuqeqesho lolutsha olongezelelweyo olungaphangeliyo.
Inani lamashishini akhoyo afumene uncedo (uphuhliso lwamashishini okhenketho)	-	625	716	91	Intsebenziswano kunye naboHlulelwano lwaMashishino oKhenketho avumela iSebe ukuncedisa amashishini awongezelelweyo okhenketho.
Inani labantu ababhalisiweyo (abakhokeli babakhenkethi abasuka kwamanye amazwe)	1 422	1 000	1633	633	Ukwanda kokuqonda ngenxa yokusasazwa kweencwadana zokuqonda zolwazi kwakhokelela kwini elongezelelweyo lokubhaliswa kwabakhokeli babakhenkethi abasuka kwamanye amazwe.

Ukhenketho, Umsebenzi woBugcisa kunye noKonwabisa

Iinjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho kwinkalo yojoliso ecwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inani labantu/ amashishini anxulumene nokhenketho ahlolilweyo okanye aqwalaselwa (abakhokeli babakhenkethi abasuka kwamanye amazwe)	1 057	1 000	1 077	77	Ukwenziwa kohlolo lwabakhokeli babakhenkethi bamanye amazwe kunye naMapolisa eMetro ngokumanyeneyo kwabaluncedo ekufikeleleni kwini elikhulu labantu abathi bahlolowa.
Inkqutyana 6.4: Umbutho woRhwebo lweNdawo ekuSingwe Kuyo					
Inani leziVumelwano zoRhwebo ngokuManyeneyo ezikhuselekileyo	7	5	5	-	-
Ixabiso leziVumelwano zoRhwebo ngokuManyeneyo ezikhuselekileyo	R126m	R42m	R114.7m	R72.7m	Ngenxa yokuvela kwenani elikhulu kurhwebo lwase-UK.
Inani leebhidi zenkomfa ezikhuselekileyo	20	16	17	1	Ixesha lokulindelela ukuvunyelwa kweebhidi ezifakiweyo liba lide kakhulu.
Ixabiso leebhidi zenkomfa ezikhuselekileyo	R254m	R360m	R310.23m	(R49.77m)	Kuye kwabakho ukuncipha kwinani leenkomfa zehlabathi ngenxa yokutshintsha koqoqosho kwihlabathi liphela.
Inani labathunywa abathathe inxaxheba kwiinkomfa	20 510	34 000	24 080	(9 920)	Kuye kwabakho ukuncipha kwinani labathunywa abaya kwinkomfa ngenxa yokutshintsha koqoqosho kwihlabathi liphela.
Inani leziganeko ezixhasiweyo	14	6	19	13	Ukufezekiswa ngokugqithisileyo kule nkalo yojoliso kwiNtsebenziswano ngokuManyeneyo kunye ne-ofisi yeNkulumbuso malunga neziganeko ezikhulu ezathi zenzeka kulo nyaka-mali sikuwo.
Ixabiso leziganeko ezixhasiweyo	R1.5bn	R1bn	R1.301bn	R301m	Ukufezekiswa ngokugqithisileyo kule nkalo yojoliso kwiNtsebenziswano ngokuManyeneyo kunye ne-ofisi yeNkulumbuso malunga neziganeko ezikhulu ezathi zenzeka kulo

Ukhenketho, Umsebenzi woBugcisa kunye noKonwabisa

Injongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho kwinkalo yojoliso ecwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkqubo 6.5: Umsebenzi wobugcisa boRhwebo kunye noKonwabisa					
Inani lamashishini afumene uncedo: (UPhuhliso lwaMashishini oMsebenzi woBugcisa)	–	300	657	357	Ukwandisa kwe-CCDI inkqubo zayo zokunika uluntu ulwazi kwaba neziphumo zenani eliphezulu zokufikeleleka kumashishini amaninzi.
Inani lamashishini afumene uncedo: (Ukuveliswa kwezinto ezintsha zoMsebenzi woBugcisa)	642	200	373	173	Ngokwemeko yoqoqosho yangoku amashishini obuchule bobugcisa athe abanako ukwenza imisebenzi ngokugqithisileyo, okokuqalangenxa yokubalula kakhulu ukungena, okwesini ngenxa yembonakalo yayo kwihlabathi liphela. Ngoko ke, amashishini omsebenzi wobugcisa aphumeze ukubaluleka kokuyilwa nokuveliswa kwezinto ezintsha nokuthe kwandisa ukwenziwa kwemisebenzi ye- CCDI FABLAB.
Inani leeprojekthi zorhwebo nezotyalo-mali eziphunyeziweyo kumboniso-bhanyabhanya.	–	50	37	(13)	Ngenxa yokusilela kokugqityezelwa kwezi nkqubo zoqeqesho, uqeqesho lwagqityezelwa kuphela ekupheleni kwenyanga kaTshazimpunzi wama-2013. Ingxelo yoku iyakuthi ifumaneke kwiKota-1 yonyaka-mali wama-2013.14.
Inani lamashishini akhoyo afumene uncedo lwamathuba orhwebo nokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe (ukuthunyelwa komsebenzi woBugcisa ngaphakathi kweli lizwe nakwamanye amazwe kwihlabathi liphela)	231	350	435	85	Kwimimeko yangoku yoqoqosho, ICCDI ithe yaba nengqiqo eyenye nokufikeleleka kwinkqubo zorhwebo ezongezelelweyo ukuze bafumane ixabiso elingcono kulwabiwo loqingqomali lwabo. Ngoko ke bathi gqolo uku-sebenzisa urhwebo

Ukhenketho, Umsebenzi woBugcisa kunye noKonwabisa

linjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho kwinkalo yojoliso ecwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo 2012/13	Izimvo ngonxaxho
					lothungelwano lwe intanethi neeprojekthi zokufikelela kurhwebo, urhwebo lwesiphaluka olubhatalwa emva kokuba kuthengiwe kunye nabanye abachaphazelekayo.
Inani lamakungu oMsebenzi woBugcisa	896	50	313	263	Ishishini lomsebenzi wobugcisa uye wafikelela ekubeni ube liziko elingeniso yokukhula koqoqosho nokuthatha inxaxheba.
Inani leengxelo zobuchule bengqiqo yoqoqosho lweziko	5	2	2	-	-

Unxulumano lokuhamba komsebenzi kunye noqingqo-mali

Inkcitho yeNkqutyana

Igama leNkqutyana	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo lokuGqibela	Eyona Nkcitho	(Egqithisiweyo)/Inkcitho Enganeno	Ulwabiwo lokuGqibela	Eyona Nkcitho	(Egqithisiweyo)/Inkcitho Enganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ukhenketho, uMsebenzi woBugcisa kunye noKonwabisa	3 561	3 533	28	2 964	2 940	24
Ukukhula koKhenketho	4 574	4 564	10	7 562	7 506	56
Ukuhatha inxaxheba kuKhenketho	8 538	8 508	30	7 418	7 382	36
Umbutho woRhwebo lweNdawo ekuSingiswe Kuyo	25 000	25 000	-	35 439	35 439	-
Umsebenzi woBugcisa boRhwebo kunye noKonwabisa	8 740	8 740	-	9 556	9 556	-
Inani lilonke	50 413	50 345	68	62 939	62 823	116

5.7 Inkqubo 7: Uphuhliso lweZakhono kunye nokuVeliswa kweZinto eZintsha

Injongo

Ukukhuthaza ulungiselelo lweNzuzo yoLuntu kunye neZakhono zokuVeliswa kweZinto eZintsha ukulungiselela ukwenziwa kwemisebenzi yoQoqosho loPhuhliso lweZabasebenzi oluyimfuneko eNtshona Koloni.

Ukwakhiwa kweNkqubo

Inkqutyana 7.1: Ulungelelwaniso lweZakhono zePhondo

Inkqutyana 7.1: Ukuphuhliswa kweQela laBasebenzi

Inkqutyana 7.1: Ukuveliswa kweZinto eZintsha

linjongo ezicwangcisiweyo zonyaka-mali ophantsi kohlolo:

- Ukudala imeko evumela izakhono zokunciphisa iingxaki zophuhliso lwezabasebenzi kulondolozo lokukhula kweshishini, ukudala imisebenzi kunye notyalo-mali;
- Ukwenza amalungiselelo eziko ngokwandisa ukufikeleleka kwiinkqubo zomisebenzi ezikhokelela ekungeneni, kwimfundo ekumgangatho ophakathi nophuzulu; kwano
- Iqela lokuVeliswa kweZinto eZintsha loMmandla, i-RIF, liyakuthi likhuthaze imeko yokuveliswa kwezinto eZintsha ukulungiselela inkqubela phambili yoqoqosho kunye nokubanako ukenza imisebenzi yoshishino.

linjongo ezicwangcisiweyo, iinkalo zojoliso ezicwangcisiweyo zezalathisi zokuhamba komisebenzi kunye nokona kufezekisiweyo

Inkqubo yokuveliswa kweZinto eZintsha kunye neZakhono inxulumene neNjongo eCwangcisiweyo yePhondo 1: ukudala amathuba okukhula koqoqosho kunye nemisebenzi ngokuqinisekisa inkqubela phambili nokuzibandakanya kwamashishini kwimiba eyohlukeneyo yophuhliso loludwe lwezifundo ingakumbi, uqeqesho lobuchule bobugcisa, inkuthazo yokufakwa emsebenzini kolutsha olungaphangeliyo, iindlela zoqeqesho, ukucetyiswa, uqeqesho lwemisebenzi yolwazi lobuchule obunqabileyo nophuhliso lomisebenzi othile ingakumbi kumaziko omisebenzi. Injongo yala maphulo kukunciphisa isikhewu phakathi konikezelo ngeenkonzo kunye nemfuno yomisebenzi kwanempembelelo kwinani lemisebenzi eNtshona Koloni.

Ukuchaza ngesikhewu phakathi konikezelo ngeenkonzo kunye nemfuno zifuna inzame yentsebenziswano phakathi kwamashishini kunye nabaqashi abafuna kakhulu izakhonokunye nemfuno kwanamaqumrhu oqeqesho anceda ngophuhliso lwezakhono. Indima yeQela leZakhono lePhondo (PSF) umisebenzi walo kukuhlanganisa abadlali ndima ukuchonga imiceli-mngeni, ukukhuthaza ukufikeleleka kumaphulo oncedo kunye nenkxaso efanelekileyo, kodwa ekugqibeleni, eyona njongo yee-PSF's kukukhuthaza intsebenziswano lweenkqubo ezingamandla nezihambela phambili kumda wezakhono. Ngolo hlobo iziphumo ezifanelekileyo zenkqutyana efunekayo linani lemiceli-mngeni echongiweyo nethe yasonjululwa kunye nokufumanela koncedo-mali. Malunga nokufumaneka koncedo-mali, iinzame ze-PSF zibone uphuhliso lwentsebenziswano phakathi kwe-West Coast College kunye ne-Construction SETA (CETA) iquka uncedo-mali lwe-R4,3 lezigidi ukunceda abafundi abali-100 kuvavanyo lorhwebo, abangama-30 asele benezidanga abafundiswa ulwazi lomisebenzi othile, uphuhliso lwezakhono zabaqeshwa be-FET abali-10 kweminye imisebenzi eyenziweyo.

Malunga nemisebenzi eyenziweyo, "inani lemiceli-mngeni echongiweyo eyathi yasonjululwa", inkalo yojoliso yaba yeyesine ngowama-2012/13, kodwa okona kufezekisiweyo yaba zizisbululo ezintlanu eziquka oku:

- a) **Unxulumaniso lweKholeji yaseWest Coast kunye naMashishini:** Omnye wemiba ephambili ethe yacaciswa kwisiCwangciso soPhuhliso lweZakhono (NSDS) III kukumiswa kweziko lolwahlulelwano phakathi kweKholeji ze-FET kunya namashishini. IKholeji ye-FET yase West Coast ibonakalise imfuneko yenkxaso yentsebenziswano kunye neenkampani ezifanelekileyo zase West Coast. I-ofisi yeprojekthi yakhuthaza intsebenziswano phakathi kweKholeji yaseWest Coast ne Atlantis Foundries, apho intsebenziswano iquka ukuphuhliswa kwezakhono zabaqeshwa be-Atlantis Foundries ngoncedo lweKholeji ekwi-West Coast FET College; ukubonakaliswa kwezomashishino kubafundisi beKholeji FET yase West Coast ese Atlantis Foundries, ukubonakala kwendawo yokusebenzela yabafundi beKholeji eseAtlantis Foundries kunye namathuba anokuthi avele emisebenzi kwinkampani yabafundi beKholeji emveni kokuba begqibezele izifundo zabo.
- b) **Ukuqinisa intsebenziswano phakathi kweKholeji ye-FET yase Boland kunye nee-SETA'.** iKholeji yeFET yaseBoland yachaza imfuneko yoncedo lokwakha ubudlelwana kunye neZiko leMfundo elifanelekileyo ku-

nye neZiphath'amandla zoQeqesho (SETAs) kwiPhondo, nangenxa yesiphumosenkxaso yePSF, iKholeji yaseBoland ngoku inolwahlulelwano kabini kunye neeSETAs ezintlanu. Olu lwahlulelwano kuvumele iKholeji ukuba ifumane imvume yenkqubo kunye nokuqinisekiswa kwiinqubo ezongezeleleyo zemfundo zakwa-SETA, nokwenza ukwanda kophuhliso lwezakhono zobuchule bekholeji, ukuquka uncedo lwe-EW Seta kuBunjinieli boMbane, Inkqubo yophando ngokucocwa kwamanzi njengesivumelwano seqela le-sithathu kunye nomasipala kwanenkxaso esuka kuMerseta kuncedo lweziko labo leAuto Trade Test.

- c) **Ukuchaza ngokucalucalula uqhamshelwano lolwazi ngengxowa-mali phakathi kwabachaphazele-kayo.** I-PSF yaqubisana nabadlali-ndima abaninzi boqeqesho befuna ukuqonda malunga neendawo ekunokufumaneka kuzo uncedo-mali ukulungiselela amaphulo abo ophuhliso lwezakhono, ingakumbi utshintsho olubonakalayo lwemigaqo kwiNgxowa-mali yeZakhono yeSizwe kwizicelo ezifakiweyo zeziko labucala. I-Ofisi yeProjekthi ye-PSF ithe yakhokela ulwazi oluthe lwathathelwa ingqalelo kwanokuzibandakanya kwiingxoxo malunga namathuba okufumana uncedo-mali lophuhliso lwezakhono, kunye nabameli abasuka kwiInkonzo zakwa-SARS Revenue yaseMzantsi Afrika (SARS) ukuya kwabeNgxowa-mali yeZakhono yeSizwe (NSF). Impendulo encumisayo efumaneke kubathathi-nxaxheba yaqinisekisa ukuba indibano yocweyo ye-PSF yachaza ulwazi oluninzi malunga nokwahlukanisa okwathi kwakhokelela kwintlophuko nakwezinye iimeko, ukungaqhubeli phambili okunokwenzeka koludwe lwezifundo.
- d) **Inkqubela phambili yokuba nokufikeleleka phakathi kweeSETAs kunye namashishino eQela eliLawula uRhwebo laseKapa.** Amalungu eQela eliLawula uRhwebo laseKapa afumana ingxaki yokufikeleleka kwinkxaso yeSEATs kuqeqesho lwabo lwangaphakathi. I-ofisi yeprojekthi yePSF yakhokela, ngoncedo lweHlokoondiba leSETA eNtshona Koloni nelithi lincedwe liSebe ngenkxaso-mali, ukuhlaziywa nokuphuhlisa kovimba weenkukacha zoqhagamshelwano zabo bonke abameli bommandla weSETA nokuthunyelwa kolu luhlu kwiwebhusayithi yeQela loLawulo loRhwebo. Ukongeza, umlawuli weHlokoondiba leSETA laseNtshona Koloni waba yindawo yokuqala yokuzisa iinkamari zeQela loLawulo eKapa ukhuthaza nokufezekisa ukufikeleleka kwabo kwii-SETAs. Oku kwanconywa ngentsebenziswano phakathi kweQela loLawulo loRhwebo kunye neHlokoondiba leSETA lase Ntshona Koloni ukwabelana ngokunzulu ngolwazi lwemiceli-mngeni emalunga noqeqesho kwanokuphucula ubudlelwane beziko kunye namaqumrhu.
- e) **Inkxaso ngoncedo-mali kwiKholeji yeDolophu yaseKapa.** IKholeji yeFET yedolophu yaseKapa ibonene ne-ofisi yeProjekthi ye-PSF ukufumana uncedo-mali lokuthenga umatshini osisixhobo sokudibanisa iintsimbi, uMsebenzi woBugcisa nokuYila, ingakumbi ukwenziwa nokuyilwa kwezihombisi ezinamatye anqabileyo, kwachongwa nanjengomnye wemiba enika umtyhi kwiziko leFET eNtshona Koloni. Yiyo kuphela iKholeji efumene imvume yenkqubo kunye neZiphath'amandla zeZiqinisekiso zeMigodi eNtshona Koloni (MQA) ukukhokela iinkqubo zoqeqesho kunye nemfundiso yokwenza izihombiso ezinamatye anqabileyo neqinisekisiweyo ngokuseMagunyeni ngu (SETA). IQela lezakhono kwiphondo (PSF) lancedisa iKholeji ye-FET yaseKapa kwizicelo sayo soncedo-mali lokuthenga umatshini oluhlobo olulodwa wokudibanisa iintsimbi nokwafunyaniswa ukuba ubalulekile kuqeqesho lwabafundi.

Inkqutyana yoPhuhliso lweQela laBasebenzi inezcwangciso ezingundoqo ezimbini nezinxulumene neNjongo eCwangcisiweyo yePhondo 1: ukudala amathuba okukhula koqoqosho kunye nemisebenzi, nesiCwangciso soPhuhliso lweSizwe (NDP) ukuphumeza imeko yolondolozo lwemisebenzi, ukukhula koqoqosho kwanokukhuthaza ukufumaneka kwengqesho kumashishini ekufumaneka kuwo imisebenzi kwaye ngala alandelayo:

1. Ukukhuthaza/ukuxhasa ulutsha olungaphangeliyo ukuze lufumane imisebenzi
2. Ukuvala isikhewu phakathi konikezelo ngeenkonzo kunye nemfuno kuwo onke amaziko ngokudala iqela labasebenzi abanezakhono kwimisebenzi yobugcisa echongiweyo, ubuchule obuthile kunye nolwazi lomsebenzi othile ngokuphangaleleyo ebalulekileyo kuphuhliso lokukhula koqoqosho lwethu.

Inkqubo yokuveliswa kwezinto ezintsha kunye neZakhono inxulumene neNjongo eCwangcisiweyo yePhondo 1: ukudala amathuba okukhula koqoqosho kunye nemisebenzi ngokuqinisekisa inkqubela phambili nokuzibandakanya kwamashishini kwimiba eyohlukeneyo yophuhliso loludwe lwezifundo ingakumbi, uqeqesho lobuchule bobugcisa, inkuthazo yokufakwa emsebenzini kolutsha olungaphangeliyo, iindlela zoqeqesho, ukucetyiswa, uqeqesho lwemisebenzi yolwazi lobuchule obunqabileyo nophuhliso lomsebenzi othile ingakumbi kumaziko omsebenzi. Injongo yala maphulo kukunciphisa isikhewu phakathi konikezelo ngeenkonzo kunye nemfuno yomsebenzi kwanempembelelo kwinani lemisebenzi eNtshona Koloni.

Izicwangciso zobuchule obungundoqo kulo nyaka zijongene namaphulo olamlo lophuhliso lwezakhono zolungiselelo lolutsha olungaphangeliyo ngoncedo lwamaziko emfundiso: ngokuxhaswa ngamava olwazi lomsebenzi womanyano lwamashishini nokunika ulwazi olupheleleyo lwabaqeshwa abafumene uqeqesho olufanelekileyo kumsebenzi wobugcisa ukuhlangabezana nokungabikho ngokwaneleyo kwezakhono zobuchule obuthile obu-

funekayo kuqoqosho kwanokuqeqesha abafundisi boqeqesho izakhono zokucebisa nokulungiselela abafundi umsebenzi othile.

Inkqubo yoPhuhliso loMsebenzi woBugcisa

Inkqubo yoPhuhliso loBugcisa ngowama-2012/13 ithe yasebenza kakuhle ekudaleni intsebenziswano phakathi kwamaqela karhulumente kunye nawabucala ukwandisa nokomeleza uphuhliso lobugcisa. Inkqubo yayilwa, yaziswa eluntwini yaze yahlalelwa njengomanduleli wesicwangciso soPhuhliso loBugcisa seSizwe. Ixabiso lezifundo ezithe zafundwa zither zachazwa kwabachaphazelekayo nabafanelekileyo ukuqinisekisa ukwanda okongezelelweyo kwenkqubela phambili. Injongo ecwangcisiweyo ngokupheleleyo kukwandisa iqela labo bangena zakhono ngokwaneleyo kwiPhondo ukukhuthaza uphuhliso nokudaleka kwemisebenzi.

Amashishini ekufikelelwe kuwo kuqeqesho lowama-2012/12 kwiNkqubo yoPhuhliso loBugcisa:

Iziko	Urhwebo
Ubunjineli	Umdibanisi woMatshini kunye nokuqingqa intsimbi ngokuwujikelezisa Umdibanisi woMatshini Ukudibanisa lintsimbi Umenzi weMbiza yokuBilisa aManzi Umakhi noMkhandi weLitye lokuSila Umntu oSebenza Ngombane Umenzi weZixhobo zokuSebenza Umbumbi wezinto
Izithuthi	Umkhandi weeMoto zenjini yeDezile Umkahndi weeMoto zePetroli Umpeyinti ngesiTshizi sePeyinti sokulungisa iimoto
Ukwakha	Umakhi ngeZitena Umchweli Umdibanisi kunye noMsebenzisi woMatshini waMa-planga Ukutwabeka kunye noKwenza Imigangatho Ngombane Umtywini weMibhobho yaManzi Umntu Owenza Imihombiso ngePeyinti Umpeyinti
Ukhenketho	Umpheki oyiNtloko eHotele

Ngowama-2012/13 iProjekthi yoPhuhliso loBugcisa yakhokela uqeqesho lwabafundi abangama-500 kwinkqubo yoLungiselelo loMsebenzi kwanaMagcisa ali-105 aneZiqinisekiso zoLungiselelo loMsebenzi oThile kunye Nokucebisa.

Ngama-500 abafundi abangaphangeliyo abagqibezele inkqubo yoqeqesho olungamandla lokwenziwa kolingano lomsebenzi kwiinyanga ezintathu (ulungiselelo lomsebenzi) (kwi-FET) olusekwe phezu kwemilingano emisiweyo yokuqeshwa njengomfundi. Abafundi abangena kule nkqubo kufuneka babe bagqibe lonke uqeqesho lwabo lwezifundo zenkcazo yengcingane (NCV4 okanye NTC2-6) njengokuba kuyimfuneko ngokwemithetho yokuziphatha yorhwebo efanelekileyo. Qaphela: ukuba le yinkqubo yezakhono zenkcazo yengcingane ukuze abafundi bafundiswe izakhono ezineziqhamo ezifanelekileyo ezihambelana noRhwebo lwabo. Abafundi abagqibezele imilingano emithathu emisiweyo eyimfanelo kurhwebo lwabo ukuzibiza:

1. Ukubekwa eSikhundleni
2. Ukhuseleko
3. Izixhobo Zezandla kunye neze Ndibano yoCweyo

Emveni koko eminye imilingano eyohlukeneyo enxulumene norhwebo enjengo kuDibanisa lintsimbi, uMbane nokuDibanisa ooMatshini, ngokuseke phezu kwesiqinisekiso umfundi anaso kwane mfuno yeshishini, kongezelelwe ukuqinisekisa ukuba abafundi basenza kakuhle kwindawo yokusebenzela. Lonke uqeqesho luyakuthi loqokelelwe kwincwadi ekufakwa kuyo ulwazi esetyenziswa ngabaqeshwe njengabafundi neyakuthi isiwe kwindawo yokusebenzela ukuqhubeka ukugcina ulwazi lwezakhono olugcinwa njengenxalenye yobungqina beenkcukacha ezimfuneko ukufikeleleka kuVavanyo loRhwebo lweSizwe.

IProjekthi yoPhuhliso loBuchule boBugcisa ithe yafezekisa ukuvula isikhewu phakathi konikezelo lwezakhono kunye neemfuno ukudala amathuba awongezelelweyo kubafundi abaphuma kwii-Kholeji ze-FET ukuze babe nokufikeleleka kumava okwenziwa komsebenzi. IiKholeji zeFET ezathatha inxaxheba ngowama-2012/13 ngokusekwe phezu kwabafundi abangqinelana nemfuno yezakhono, yaba zezi: College of Cape Town, Northlink FET, West Coast College and False Bay College (Public FET's) nee-FET's zabucala ezinjenge Japanese, Taiwan neKorea (JTK) kunye noKhenketho kwaneZiko laMashishini laseMzantsi kwilizwekazi laseAfrika (TTBISA).

IProjekthi yoBugcisa iyakuthi yandoswe kunyaka-mali olandelayo ngenxa yonxulumano loMgaqo-nkqubo wayo weSizwe nokwanda kwenani laMagcisa aneZiqinisekiso eNtshona Kooni naseMzantsi Afrika. Uphuhliso luyakuthi luchaze ngophuhliso loqoqosho nokuqalisa ukukhankanya iqela labasebenzi ekudala likhona.

Ngenxa yesiphumo seli phulo lolamlo kwadityaniswa abafundi abangama-147 kubafundisi bolungiselelo lwabafundi baza bafakwa kwiinkampani zokwamkela iindwendwe kwiinyanga ezimbini zokuqala kunyaka-mali wama-2013/14. Ukufakwa kwabo emisebenzini kwathatha iinyanga ezili-18 ukuze bafumane ukufikeleleka kuVavanyo loRhwebo lweSizwe.

Inkqubo yeZakhono kunye noMsebenzi

Ngenxa yentsebenziswano yamaqela abucala nakarhulumente, nekhokelwa yinkqutyana yoPhuhliso, iNgxowa-mali yeMisebenzi yazibophelela ekusebenziseni isixa-mali Se-R112,194 kumaphulo amathathu ophuhliso lwezakhono zolutsha olungaphangeliyo: Inkqubo yeZakhono kunye neMisebenzi, iNkqubo yoBugcisa ekunikeni Uncedo kunye neNkqubo ye-CAPACITI 1 000. Ama-R65.140 ezigidi ithe athe afunyanwa ngokukodwa ukulungiselelaumsebenzi kunye neNkqubo yeZakhono nasuka kwiNgxowa-mali yeMisebenzi, kwiminyaka emithathu ezayo.

Ukusukela ngomhla wama-31 kweyoMnga wama-2012, inani elipheleleyo labafundi abangama-790 bagqibezela ngempumelelo uQeqesho loLungiselelo loMsebenzi kunye neZakhono zoBomi kuyo yonke imimandla emithandathu yeNtshona Koloni, kuCape Metro, West Coast, Cape Winelands, Central, South Cape nase Overberg. Uqeqesho loludwe lwezifundo lwaluqulathe le miba ilandelayo: ubuchule bengqiqo yoluvo, imali yomntu ubuqu, ukuhlangabezana noxinzelelo, ulawulo lwexesha, iimeko ezi sisiseko zomsebenzi, nemeko yoqhagamshelwano loshishino, iqela lentsebenziswano, ezempilo kunye nokuba sempilweni. Unizni olwafakwayo lama-53% lalawulwa ngummandla weCape Metro kwanolawulo lokwamkelwa kweendwendwe kunye namaziko athengisa ngemiyinge emincinci nangemikhulu. Uninzi lwezikhundla ekwabekwa kuzo abafundi yaba lulawulokunye nokuqokelelwa kweenkcukacha ezigcinwa kuvimba wazo. Ngokusekwe phezu kwemfuneko yokufakwa kwabo ngoko mgangatho wokungena kunye nobuchule bobugcisa, umzekelo i Hisense (Atlantis), Anchor Testing nePrecision Press. Indlela yobuchule bokufakwa kwabo yayiquka ukudibanisa iintsimbi, ukudibanisa oomatshini kunye nokuqingqa iintsimbi, ukuhlanganisa nolawulo lohlobo lwemeko.

Nangona inkqubo yeZakhono kunye noMsebenzi yaba yimpumelelo ekufakweni kolutsha olungama-763 kwimibutho engama-72 kwiziko lemisebenzi ixesha leenyanga ezi-6, isiphumo samathuba omsebenzi asikaqiwa ingakumbi kumashishini asemaphandleni. Izakhono kunye noMsebenzi uvumele ulutsha ukuba luqashwe ngakumbi kanti nokulungiselelaimfuno yexesha elizayo kwaye kungenakoyiswa imiba yemeko yoqoqosho kwixesha elifutshane.

Impembelelo yemivuzo yoQoqosho lweNtshona Koloni kwiprojekthi yeZakhono kunye neMisebenzi ithe yaba yemangalisayo malunga nempembelelo yexesha elide neyexesha elifutshane yokukhula koqoqosho kunye nokwanda kwemisebenzi, njengokuba kubonakalisiwe kuphando olwenziwe ngumphandi ozimeleyo wase-Urban Econ. (2013).

Impembelelo yoqoqosho ibhekisela ekusebenzini komgangatho womsebenzi woqoqosho kummandla ochaziweyo nokuthi kube nesiphumo esithile solamlo lwangaphandle kuqoqosho. Ngokwemeko yolu phando impembelelo zalo ziyakuthi zisetyenziswe kumgangatho wommandla. Ezi mpembelelo zilinganiselwa ngokwesiphumo sotyalo-mali oluyinzuzo olwenziwe ngokuhlalulw abafundi imivuzo. Uhlalelo lugqalise kutshintsho olunokulindeleka kuqoqosho nakuluntu lasekuhlaleni nokuqikelelwa ngokusebenzisa ubuchule obuziwa ngokuba yi-SAM Model.

Oku kulandelayo kungagqitywa kwisixa-mali semivuzo ehlawuliweyo kuqoqosho:

- I-DEDAT yachitha imali engama-R37 ezigidi kwimivuzo yaBafundi kwixesha leminyaka emihlanu (Isigaba 1 – 5 se-W&SP).
- Ngesiphumo senkcitho yale mali kuBafundi kuqoqosho lwaseNtshona Koloni (kwixesha leminyaka emi-5), R72,8 yezigidi ezafunyanwa kwiintengiso zeshishini elitsha; okwathi kwangenisa isixa-mali seR19 lezigidi kwiintengiso zeshishini elitsha, kwane R16 lezigidi lenkuthazo kwiintengiso zeshishini elitsha.
- Ukwanda kwezivuliso ezikhoyo okanye iintengiso zeshishini elitsha okwaba nesiphumo sokwanda kwexabiso elikhulu elongezelelweyo eNtshona Koloni ukuya kwisixa-mali sama-R29,7 lezigidi.

Imvelaphi: Uhlolo lweMpembelelo yeNkqubo yeZakhono kunye neMisebenzi; 2013 (Urban Econ)

Ukuveliswa kweZinto eZintsha

Iqela lokuVeliswa kweZinto eZintsha laqalisa iphulo lahlangana noMzi woMmeli Sizwe waseFinland ukuxoxa nokwabelana ngokuphonyezwa kweNkqubo yokuVeliswa kweZinto eZintsha kuMmandla weNtshona Koloni kunye nezifundo zakulo lonke iLizwekazi lase Afrika nokuba oku kungaphuculwa njani na. Imfuneko yokudibana neziko ukomeleza ukenziwa kwemisebenzi kunye nokuveliswa kwezinto ezintsha yaba ngumba ophmbili nongundoqo kwiingxoxo kwane ndima yenkuthazo yokhokelo olungamandla kunye nobutyebi boncedo luka rhulumente neziko labucala ukuba benze njalo.

IQela leMisebenzi ye-RIF ngowama-2012/13 lafumana ithuba lephulo lolamlo lokuxhobisa nokufumaneka koncedo-mali lokwenziwa kwemisebenzi ye- RIF. Eli phulo lafumana ithuba lokuxhaswa nokwamkelwa ngaba chaphazelekayo aba ngundoqo boHlulelwano loPhuhliso loQoqosho (WCEDP) kunye neArhente yoBuchule bokuVeliswa kweZinto eZintsha (TIA) eNtshona Koloni. I-TIA liphulo leSebe leZobuchule boBugcisa kunye neNzululwazi (DST) noqobo wommandla ekuvumeleni nasekuxhaseni ukuveliswa kwezinto ezintsha zobuchule bobugcisa kuwo onke amaziko oqoqosho ukomeleza ukwenziwa kwemisebenzi kwihlabathi liphela.

I-RIF iyakuthi ekuhambeni kwexesha ivumele umanyano olukhulu nangokucacileyo imisebenzi yokuveliswa kwezinto ezintsha kunye nabohlulelwano lwabucala ukunciphisa ukuphinda phindwa kabini kwamaphulo olamlo, ukufumaneka koncedo-mali, nenkqubela phambili yenkuthazo ukulungiselela ezorhwebo.

Uphuhliso lwengeniso yoLuntu lubalukekile ekuvelisweni kwezinto ezintsha nakwimpumelelo yazo ngokolwazi olusekwe phezu koqoqosho. Ngowama-2012/13, iSebe loPhuhliso loQoqosho kunye noKhenketho (DEDAT) laqalisa iphulo lolamlo ukuphumeza iNkqubo yokuPhucula iZiveliso (PIP) kumashishini asibhozo eNtshona Koloni. Le projekthi isiswa eluntwini ye-PIP yeyenkqubela phambili yephulo lolamlo ngowama-2011/12 apho kwathatha inxaxheba amashishini ali-12.

Amaphulo olamlo anika abafundi ithuba lotshintshelo lolwazi kwi-CPUT kumashishini nangokutshintshanayo; ukukhuthaza izisombululo zemfuneko ekuqhubeleni phambili "ngeenkono ezisemgangathweni kwihlabathi liphela" nezinikezelwa kwiphondo. Oku kwenziwa kwale misebenzi kwandisa uqeqesho olufanelekileyo ukufezekisa iimfuno zoshishino nokubanako ukumanyanisa imfuneko yonikezelo ngeenkono ngokufanayo nemfuneko yezakhono eziyimfuneko ukulungiselela umsebenzi.

Impumelelo yamaphulo olamlo asenokubalelwa kakhulu kwindlela eyenziwe lula esetyenziswayo ukufumana uncedo-mali kwiinkampani nakumashishini achongiweyo nacacisa lula nangoku sebenzayo iingxaki ezithile ekuzuzeni umphetho wokwenziwa kakuhle kwemisebenzi. Kwiimeko ezininzi kufuneka kuqwalaselwe ukuba uncedo-mali olufumanekileyo kubo bonke yayi yinxalenye yexabiso elipheleleyo leprojekthi nakwezinye iimeko kwaba luncedo ekufumaneni uncedo olongezelelweyo nobe lunokuthi ngenye indlela kungabilula ukufumaneka. Olu hlob lusetyenziswayo lokuzisa ulwazi eluntwini kule ntsebenziswani yokuveliswa kwezinto ezintsha lugunyazisa unxantathu (Amashishini, uRhulumente kunye naMaziko eMfundo) weSakhelo seeNkqubo zokuVeliswa kweZinto eZintsha kuMmandla.

Inxaxaso-mali efumanekayo kumashishini athatha inxaxheba yaphumeza iiprojekthi ezininzi ezazi nokuthi ngenye indlela zibe azikagqityezelwa. Ngesiphumo sezi projekthi, abafundi abaninzi beNzululwazi ngooMatshini (Mechatronics) bafumana amava, amathuba kunye nokuqonda kwanoku banako kwamashishini athatha inxaxheba ukuqalisa ukusebenzisa izisombululo eziyakuthi zibeluncedo kwinkqubela phambili yeziveliso okanye ekuveliseni izinto ezintsha ixesha elide nelifutshane.

linkampani ezaththa inxaxheba kwi-PIP ngowama-2012/13 yaba zezi:

Igama leProjekthi	Ofumana uMnikelo
Ukuncitshiswa kweXesha loKwenziwa kweMizekelo yokuQala yeXesha leZiveliso	Iziveliso eZiluhlobo oluLodwa kunye noBuchule boBugcisa
IsiXhobo esiLawula iNtshukumo yesithatha-mfanekiso soMboniso-bhanyabhanya	Ubunjinieli obuNemveliso
Umtshizo wokomisa uphezulu weTafle wophuhliso lwesiveliso sokutya okungumgubo	I-CPUT
Inkqubo yoQeqesho lwe-PLC yamachule obugcisa	linkqubo ze-HB
Isitishi semisebenzi yomlinganiselo wokuyilwa kwe3D CAD yoMoya	Umlinganiselo wokuPhepha
Imizekelo yeZip Tester	I-CPUT
Inkqubo yokuZuza kuVimba weeNkcukacha zokuFumana uBisi	I- Sonnendal Dairy
Inkqubo yoQeqesho lobuGcisa be- Telemetry	I- SSE Cape

Iinjongo eziCwangcisiweyo

Uphuhliso lweZakhono kunye nokuVeliswa kweZinto eZintsha					
Isalathisi sokuHamba koMsebenzi	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkqutyana 7.1: Ulungelelwaniso lweZakhono zePhondo					
Inani lemiceli-mngeni echongiweyo ethe yas-onjululwa	–	4	5	1	I-PSF ayikwazi ukwenza olona qikelelo luchanekileyo lwenani lemiceli-mngeni ethi ivele apha enyakeni ngenxa yokuba kufuneka iphendule ngokweemfuno ezikhoyo zabachaphazelekayo.
Ixabiso loncedo-mali olufumanekileyo.	R565 000	R4m	R4.3m	R300 000	Inkalo yojoliso ecwangcisiweyo nesekwe phezu kwexabiso lokuqala loncedo-mali olufunekayo ukulungiselela iprojekthi. Imfuneko yeNgxowa-mali yabonwa kwangengx'engaphambili kwaza kwafumaneka uncedo-mali olongezelelweyo.

Uphuhliso lweZakhono kunye nokuVeliswa kweZinto eZintsha

Isalathisi sokuHamba koMsebenzi	Okona kuFezekisiweyo 2011/12	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/13	Okona kuFezekisiweyo 2012/13	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkqutyana 7.2: Workforce Development					
: Inani lamathuba emisebenzi: Izakhono kunye noMsebenzi	443	750	260	(490)	Amashishini jikelele athatha ixesha elide kakhulu ngokongezelekileyo ukufumana umsebenzi kunokuba bekuqikelelwe, ukuxhasa ukuqonda bokuba ukuKhula koQoqosho kange kubena ziphumo zibonakalayo zokudala imisebenzi kubantu abangenzakakhono nezikhundla ezikwizinga labasengenayo. Imiba eyimfuneko yeyangaphandle kweprojekthi enjengeendleko zokufaka isandla Imimiselo yomsebenzi, yothintelo ngokungamandla, kunye nokwenziwa kwezivuliso ezikumgangatho ophantsi jikelele, nakokuthe kwathintela ukufumaneka komsebenzi.
Inani labantu abavanyelwe ushishino (Amagcisa)	-	-	-	-	-
Ixabiso loncedo-mali olufumanekileyo	R5.635m	R5m	R1.175m	(R3.825m)	Uncedo-mali olusuka kwi- DBSA lwanikezelwa ngowama-2012/13, ngenxa yokusilela kwesizwe, utshintshelo-mali luyakuthi lwenziwe kuphela kwi-DEDAT ngowama-2013/14.
Inkqutyana 7.3: Ukuveliswa kwezinto eZintsha					
Iqela elisebenzayo lokuVeliswa kweZinto eZintsha kuMmandla, ngokumelwa ngabachaphazelekayo abafanelekileyo	1	1	1	-	-

Izalathisi zokuHamba koMsebenzi

Ukuveliswa kweZinto eZintsha noPhuhliso lweZakhono					
Isalathisi sokuHamba koMsebenzi	Okona kuFezekisiweyo 2011/2012	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/2013	Okona kuFezekisiweyo 2012/2013	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
Inkqutyana 7.1: Ulungelelwaniso lweZakhono kwiPhondo					
Ukudalwa kwesakhelelo esisemgangathweni sobuchule bengqiqo yezakhono	-	1	1	-	-
Inani lamaqela amisiweyo ukuqalisa umgaqo-nkqubo kunye neeprojekthi zeenkqubo zezakhono.	3	2	2	-	-
Inani leengxelo zophando eziqalisiweyo.	2	2	2	-	-
Inani lemisebenzi eku-fikelelwe kuyo ngenxa yamaphepha-ndaba emisebenzi	125 382	36 000	475 402	439 402	Ukusetyenziswa kobuchule obusebenzayo beendaba kwaphunyezwa nokwabonakalisa ukwanda okukhulu kwemisebenzi.
Inkqutyana 7.2: Uphuhliso lweQela loMsebenzi					
Inani labantu abaqeqeshiweyo: Izakhono kunye noMsebenzi	512	750	790	40	Inkalo yojoliso yafezekiswa ngokugqithisileyo ngenxa yokufumaneka kwabafundi ngokwefuno efunekayo.
Inani labantu abafakwe kwiinkampani zokwamkela iindwendwe	-	750	763	13	Inkalo yojoliso yafezekiswa ngokugqithisileyo ngowama-2012/13 ngenxa yemfuneko yokuba abafundi bafumane amava omsebenzi ingakumbi kwiindawo ezisezidolophini.
Inani labantu abaqeqeshiweyo: Amagcisa	18	600	605	5	Inkqubo yaqalisa kwikota yesibini ngowama-2012 yagqithela kwikota yesine ngenxa yomlinganiselo wesikhundla seeKholeji zeFET kunye neeNkampani ezingenako ukukhulula aMagcisa kwiNdawo yokuSebenzela. Kwabakho ukwanda

Ukuveliswa kweZinto eZintsha noPhuhliso lweZakhono

Isalathisi sokuHamba koMsebenzi	Okona kuFezekisiweyo 2011/2012	Inkalo yoJoliso eCwangcisiweyo 2012/2013	Okona kuFezekisiweyo 2012/2013	Unxaxho lwenkalo yojoliso olucwangcisiweyo koKona kuFezekisiweyo ngowama 2012/13	Izimvo ngonxaxho
					kuqeqesho kwikota yesithathu noluhlu lohlengahlengiso lwamaxesha oqeqesho lwabacebisi lwaphunyezwa, nokwathi kwandisa imfuneko yoqeqesho kumashishini kwanokufezekiswa kwenkalo yojoliso ngokugqothisileyo.
Inan leenkampani ezamkela iindwendwe ezihambelana neZakhono kunye noMsebenzi	-	70	92	22	Inkalo yojoliso yafezekiswa ngokugqithisileyo ngenxa yokwanda kwamashishini, athi ancedisa ngokusebenzayo malunga nabafundi abangaphangeliyo
Inkqutyana 7.3: Ukuveliswa kwezinto ezintsha					
Inani lamaqela omsebenzi amisiweyo equmrhu lokuveliswa kwezinto ezintsha zoMmandla	-	1	1	-	-

Unxulumano lokuhamba komsebenzi kunye noqingqo-mali

Inkcitho yenkqutyana

Igama leNkqutyana	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo lokuGqibela	Eyona Nkcitho	(Okugqithisileyo)/Inkcitho Enganeno	Ulwabiwo lokuGqibela	Ulwabiwo lokuGqibela	Okugqithisileyo/ (Ukuqokelela okuNganeno)
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ulungelelwaniso lweZakhono zePhondo	3 805	3 805	–	2 343	2 335	8
Uphuhliso lweQela loMsebenzi	20 908	20 870	38	12 964	12 964	–
UkuVeliswa kweZinto eZintsha	888	873	15	2 054	2 054	–
Ulawulo: Uphuhliso lweZakhono	1 088	1 082	6	1 014	1 014	–
Inani lilonke	26 689	26 630	59	18 375	18 367	8

6. USHWANKATHELO NGENKCAZELO YEMALI

6.1 Okufunyenwe liSebe

Okufunyenwe liSebe	2012/2013			2011/2012		
	Okuqikelelweyo	Esona siXa-mali siQokelelweyo	Okugq-ithisileyo/ (Ukuqokelela okuNganeno)	Okuqikelelweyo	Esona siXa-mali siQokelelweyo	Okugq-ithisileyo/ (Ukuqokelela okuNganeno)
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Okufunyenwe kwiRhafu	–	–	–	–	–	–
Irhafu zomdyarho wamahashe	–	–	–	–	–	–
Amaphepha-mvume oTywala	13 315	24 822	11 507	5 064	6 551	1 487
Irisithi zetax	13 315	24 822	11 507	5 064	6 551	1 487
Amaphepha-mvume ezithuthi zendlela	–	–	–	–	–	–
Intengiso yeenkonzo kunye nempahla ngaphandle kweempahla zecandelo eziyinzuzo	270	418	148	270	400	130
Utshintshelo olufunyenweyo	–	–	–	–	–	–
Izohlwayo, ukulahlekelwa kunye nezohlwayo zokungathobelani nomthetho omisiweyo	–	–	–	–	–	–
Inzala, izahlulo kunye nerhafu yomhlaba	–	9	9	–	–	–
Intengiso kwiimpahla zecandelo eziyinzuzo	–	–	–	–	–	–
Utshintshelo-mali kwiimpahla ezingamatyala	3 755	4 320	565	2 706	3 867	1 161
Inani lilonke	17 340	29 569	12 229	8 040	10 818	2 778

Kunyaka-mali wama-2012/13, isixa-mali se-R17,340 lezigidi saqikelelwa kuqokelelo lwengeniso, kanto, isixa-mali sama-R29,519 lezigidi saqokelelwa kwengeniso. Le ngeniso yafunyanwa koku kulandelayo:

- Imirhumo yamaphepha-mvume otywala: R24,822 lezigidi, kwane
- Intengiso yeempahla kunye neenkonzo (Imirhumo yokubhalisa kwabakhokeli babakhenkethi bamanye amazwe): R418 000
- Inzala, izahlulo kunye nerhafu yomhlaba: R9 000
- Utshintshelo-mali lolugqibela lweempahla zecandelo kunye nezingamatyala: 44,270 lezigidi

Ingeniso yoQingqo-mali lwemirhumo yamaphepha-mvume otywala yaqokelelwa ngokwemigaqo yoluhlu lwerhafu nechazwe kuMthetho wama-2003 woTywala (uMthetho 59 wama-2003) nakwengeniso yokubhalisa kwabakhokeli babakhenkethi bamanye amazwe ngokwemigaqo yoMthetho wama-2000 woLungiso loKhenketho lweSizwe (Umthetho 70 wama-2000).

Ngexesha lonyaka-mali wama-2012/13, iSebe laqokelela kwingeniso yalo ama-R12,179 ezigidi okanye iipersenti ezingama-70,24%. Oku kuqokelela kugqithisileyo kwabangelwa luqokelelo ngokugqithisileyo lwemirhumo yamaphepha-mvume otywala axabisa i-R11.507 lezigidi.

Ingeniso eqokelelwe liSebe iyonke sisixa-mali sama-R29,519 ezigidi kunyaka-amli wama-2012/13.

6.2 Inkcitho yeNkqubo

Igama leNkqubo	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo lokuGqibela	Eyona Nkcitho	(Egqithisileyo)/ Inkcitho eNganeno Isalathisi seNcwadi asi-ka caciswa	Ulwabiwo lokuGqibela	Eyona Nkcitho	(Egqithisileyo)/ Inkcitho eNganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ulawulo	25 254	25 210	44	20 765	20 765	–
Iinkonzo zoPhuhliso loQoqosho eziHlanganisiweyo	51 322	51 306	16	51 782	51 782	–
UPhuhliso loRhwebo nolweCandelo	102 276	101 296	980	69 256	68 537	719
Imigaqo yokuShishina noLawulo lwaMashishini	34 871	34 820	51	19 021	19 021	–
UCwangciso loQoqosho	24 760	24 737	23	14 932	14 794	138
Ubuchule bezoKhenketho noLonwabo	50 413	50 345	68	62 939	62 823	116
UPhuhliso lweZakhono nolweMibono eMitsha	26 689	26 630	59	18 375	18 367	8
Bebonke	315 585	314 344	1 241	257 070	256 089	981

Kunyaka-mali wokugqibela ka-2012/13, iSebe labelwa isixa-mali soqingqo-mali olungundoqo lwama-R291,117 ezigidi. Olu qingqo-mali lwabiwa ngolu hlobo:

Inkqubo 1: Ulawulo – R27,738 million

Inkqubo 2: Iinkonzo zoPhuhliso loQoqosho eziHlanganisiweyo – R45,228 million

Inkqubo 3: UPhuhliso loRhwebo nolweCandelo – R95,658 million

Inkqubo 4: Imigaqo yokuShishina noLawulo lwaMashishini – R24,404 million

Inkqubo 5: UCwangciso loQoqosho – R19,929 million

Inkqubo 6: Ubuchule bezoKhenketho noLonwabo – R53,040 million

Inkqubo 7: UPhuhliso lweZakhono nolweMibono eMitsha – R25,120 million

Ngethuba lenkqubo yoQikelelo loHlengahlengiso kwenziwa ulwabiwo-mali olongezelelweyo lwama-R24,468 ezigidi kwiSebe. Apha, ulwabiwo-mali lwama-R7,5 ezigidi lwanikezelwa kwiprojekthi ye-broadband, R3,6 yezigidi yanikezelwa kwaBohlulelwano loPhuhliso loQoqosho eNtshona Koloni. Ama-R1,487 ezigidi anikezelwa kwaboLawulo loTywala eNtshona Koloni, ngesiphumo sokugcinwa kwengeniso kwanikezelwa ngolwabiwo-mali lwama-R8,251 ezigidi kwaboLawulo loTywala eNtshona Koloni, ngenxa yesiphumo sokwanda kwengeniso yabo kwenziwa ulwabiwo lwama- R3 755 kwiNgxowa-mali yoXhotyiso yeSizwe.

Kuqikelelo eMveni koHlengahlengiso kwenziwa uhlehlengiso loqingqo-mali lwama- R315,585 ezigidi ezabelwa inkqubo nganye ngolu hlobo:

Inkqubo 1: Ulawulo– R27,286 million

Inkqubo 2: linkonzo zoPhuhliso loQoqosho eziHlanganisiweyo – R48,297 million

Inkqubo 3: UPhuhliso loRhwebo nolweCandelo – R103,269 million

Inkqubo 4: Imigaqo yokuShishina noLawulo lwaMashishini – R34,532 million

Inkqubo 5: UCwangciso loQoqosho – R23,679 million

Inkqubo 6: Ubuchule bezoKhenketho noLonwabo – R51,517 million

Kwabakho oomahluko abasixhenxe emveni koHlengahlengiso lokutshintsha ulwabiwo lwenkqubo kwaba balandelayo:

Inkqubo	Ulwabiwo-mali oluhlehlengisiweyo	Ukutshintshwa kwengxowa mali	Uahluko	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona Nkcitho	Unxaxho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
1. Ulawulo	27 286	–	(2 032)	25 254	25 210	44
2. linkonzo zoPhuhliso loQoqosho eziHlanganisiweyo	48 297	–	3 025	51 322	51 306	16
3. Development UPhuhliso loRhwebo nolweCandelo	103 269	–	(993)	102 276	101 296	980
4. Imigaqo yokuShishina noLawulo lwaMashishini	34 532	–	339	34 871	34 820	51
5. UCwangciso loQoqosho	23 679	–	1 081	24 760	24 737	23
6. Ubuchule bezoKhenketho noLonwabo	51 517	–	(1 104)	50 413	50 345	68
7. UPhuhliso lweZakhono nolweMibono eMitsha	27 005	–	(316)	26 689	26 630	59
Inani lilonke	315 585	–	–	315 585	314 344	1 241

Ukususela ngomahla wama-31 kweyoKwindla, iSebe lachitha ama-99,6% okanye ama-R314,344 ezigidi kulwabiwo lwayo loqingqo-mali ukufezekisa isigunyaziso salo njengokuba kucacisiwe kwiNjongo eCwangcisiweyo 1: Ukudala amathuba okukhula koqoqosho kunye nemisebenzi.

6.3 Iintlawulo zoTshintshelo, ngaphandle kwamaqumrhu karhulumente

Olu luhlu lungezantsi lubonakalisa iintlawulo zotshintshelo ezenziwe ngexesha lokususela kumhla woku-1 kuTshazimpunzi wama-2012 ukuya kuma-31 kweyoKwindla wama-2013:

Igama lomtshintsheli	Isizathu soku-setyenziswa koncedo-mali	Ukuthobelana ne38 (1) (j) ye-PFMA	Isixa-mali sotshintshelo (R'000)	Isixa-mali esisetyenzisiweyo liqumrhu (R'000)	Izizathu zokungasetyenziswa koncedo-mali liqumrhu
Inkqubo 2: linkonzo zophuhliso loqoqosho ezidityanisiweyo					
I-Arhente yoPhuhliso lwaMashishini asaKhasayo	Zophuhliso lwa-mashishini	Ewe	4 500	4 500	
IBhanki yoPhuhliso yoMzantsi Afrika	Ukuphunyezwa kwenkqubo yeNkxaso ngoku-Manyeneyo	Ewe	500	410	Abazuzi abangasifumaniyo isixokelwano somsebenzi wokuthobelana nabanikezeli ngeenkonzo ngokoke uncedo-mali olungasetyenziswanga.
IBhanki yoPhuhliso yoMzantsi Afrika	Ukuphunyezwa kwenkqubo yeNkxaso ngoku-Manyeneyo	Ewe	500	268	Abazuzi abangasifumaniyo isixokelwano somsebenzi wokuthobelana nabanikezeli ngeenkonzo ngokoke uncedo-mali olungasetyenziswanga.
IBhanki yoPhuhliso yoMzantsi Afrika	Ukuphunyezwa kweNqubo yoKwenziswa koMsebenzi lishishini	Ewe	3 000	3 000	
Indawo yoShishino	Umnatha woThungelwano lweNkxaso	Ewe	750	750	
Iziko loPhuhliso loShishino eWest Coast	Umnatha woThungelwano lweNkxaso	Ewe	750	648	Ixesha leNgxowa-mali yoncedo kuTshazimpunzi wama-2013.
Ingxowa-mali yoXhotyiso yeSizwe	Ukuphunyezwa kwephulo leNgxowa-mali ye- WCDEDAT / NEF ED	Ewe	9 755	8 808	Izicelo ezifakiweyo zoncedo-malio olufumanekileyo zange zigityezelwe ekupheleni konyakamali-ezi zicelo ziyakuthi

Igama lomtshintsheli	Isizathu sokusetyenziswa koncedo-mali	Ukuthobelana ne38 (1) (j) ye-PFMA	Isixa-mali sotshintshelo (R'000)	Isixa-mali esisetyenzisiweyo liqumrhu (R'000)	Izizathu zokungasetyenziswa koncedo-mali liqumrhu
					zivavanywe kunyaka-mali omtsha wama-2013/14.
U-Casidra	Ukuphumeleliswa kwengxowa mali yokukhulisa ePhondweni	Ewe	4 054	0	Ngokunikwa imfuneko ekungenziwanga mzekelo wayo osuka kwi-PGF kwanokubhalisa ngokugqithisileyo kwezicelo ezifakiweyo kwi-PGF, kwalondolozwa imali eyongezelweyo kwikota yokugqibela yonyaka neyathi yabelwa ukulungiselela ukuphumeza iiprojekthi ezintlanu ezongezelweyo nezivunyelweyo. Uhlobolcedo-mali lufuna u-kuba kwangengx' - engaphambilikokuba umzuzi acele uncedo-mali lomnikelo, kufuneka abenegalelo sama-30 okanye 50% sendleko zeprojekthi (isigaba) Ukulungiselela ukuqalisa kwabazuzi abafanelekileyo ukuphumeza iiprojekthi, ukwenziwa kwesibophelo sengxowamali kufuneka kubhalwe phantsi (isivumelwano esisayiniweyo) Ukulungiselela ukuqinisekisa isibophelelo esibhaliweyo, i-arhente yokufesizekisa kufuneka yenze isivumelwano notshintshelo-mali olusuka kwiSebe.

Igama lomtshintsheli	Isizathu soku-setyenziswa koncedo-mali	Ukuthobelana ne38 (1) (j) ye-PFMA	Isixa-mali sotshintshelo (R'000)	Isixa-mali esisetyenzisiweyo liqumrhu (R'000)	Izizathu zokungasetyenziswa koncedo-mali liqumrhu
Inkqubo yolungiselelo loShishino evumelana noMzantsi Afrika (BPesa)	Izakhono, uku-Khuthaza uTyalo-mali kunye ne-Hlokondiba	Yes	7 669	6 146	Isixa-mali sama-R960 000 seseProjekthi yeZakhono nesathi satshintshelwa kuphela ekupheleni kwenyanga yoMqungu wama-2013. Oku yinkcitho yesibophelelo, okwangu sisetyenziswa ngokuhambelana neziCwangciso soShishini esivunyiweyo. Isixamali sama-R500 000 sanikezelwa kwiQela leProjekthi, yomanyano noSanlama kwaye siyakuthi sisetyenziswe ekupheleni kwenyanga ye-Silimela ngowama-2013.
U- honeybush tea	Hub Indawo yoMzi-mveliso waseAtlantis weHlokokondiba	Ewe	3 053	2 988	Isixa-mali esishekileyo siyakuthi sisetyenziswe kwiinkqubo nakwimisebenzi ekuvunyelwene ngayo kwi- MoA nakwisiCwangciso soShishino, neyona njongo yayo iphambili ikukhlawulela izaziso ezishicilelweyo zohlaziyo lorhwebo i-("pitch book") yendawo yeziveliso zohlaza eAtlantis. Ukusilela kwintlawulo kwabangelwa kukusilela kweenkqubo zesiXeko seDolophu yaseKapa zokuThengwa kweMpahla zikaRhulumente. Nazo naziphina ezinye iimali eziyintsalela seza

Igama lomtshintsheli	Isizathu soku-setyenziswa koncedo-mali	Ukuthobelana ne38 (1) (j) ye-PFMA	Isixa-mali sotshintshelo (R'000)	Isixa-mali esisetyenzisiweyo liqumrhu (R'000)	Izizathu zokungasetyenziswa koncedo-mali liqumrhu
					bele iintlawulo kwiintsuku ezingama-30 ezilndelayo.
Umanyano lwe honeybush tea eMzantsi Afrika	Uphuhliso lweHlokondiba	Ewe	200	187	Isixa-mali esishekileyo esinikelwe iinkqubo ze-SAH-TA nesisebenza ngaphaya kokuphela konyakamali.
Iziko lokuYikwa kunye noMsebenzi wobuGcisa eKapa (CCDi)	Isicwangciso sobuChule bokuYila	Ewe	2 100	872	Isixa-mali sama-R1.228 ezigidi sinikezelwe ukuphumeza amanyathelo alandelayo kuMalungiselelo eSigaba sesiCwangciso soBuchule obuSetyenzisiwayo. Oku kuyakuthi kusetyenziswe kweyeSilimela ngowama-2013 njengokuba kwakuthenjisiwe kwisicwangciso soshishino.
initiative (WCFi) Iphulo leFenitshala leNtshona Koloni	Uphuhliso lweHlokondiba	Ewe	400	360	Umbutho walondoloza uncedo-mali ngenxa yokurhoxa kwegosa lolawulo kodwa isixa-mali esishekileyo (R40 000) siyakuthi sisetyenziswe ngaphambi kokuphela kwenyanga kaCanzibe wama-2013.
Umanyano lwe-oli kunye neGesi lwaseMzantsi Afrika (SAOGA)	Uphuhliso lweHlokondiba	Ewe	5 400	5179	Imisebenzi eshekileyo yorhwebo yenziwa ngenxa yemisebenzi eyagqithela kunyaka omtsha.
IPhulo le-IT laseKapa	Uphuhliso lweZiko	Ewe	5 900	2 511	Iinkqubo ezisebenza ngexesha loonyakamali aba-2, utshintshelo-mali

Igama lomtshintsheli	Isizathu soku-setyenziswa koncedo-mali	Ukuthobelana ne38 (1) (j) ye-PFMA	Isixa-mali sotshintshelo (R'000)	Isixa-mali esisetyenzisiweyo liqumrhu (R'000)	Izizathu zokungasetyenziswa koncedo-mali liqumrhu
					lokugqibela lwaphumelela kuphela kweyoMqungu wama-2013. Olunye ulondolozo-mali lwasilela ekuzalisweni kwezithuba zomsebenzi.
Ihlokondiba lentengiso yempahla yokunxiba kunye ne	Uphuhliso lweHlokondiba	Ewe	2 500	1 600	Utshintshelo-mali lwe-R1.250 lezigidi lwenziwa ngenyanga yoMqungu wama-2013, kwafumaneka nemirhumo yobulungu kweyoMqungu, ukuzalisa imali eshekileyo kwi-akhawunti.
Iphulo lokusetyenziswa kwezixhobo zomsebenzi eNtshona Koloni (WCTi)	Uphuhliso lweHlokondiba kunye niRhwebo	Ewe	855	806	Imali eshekileyo engama-R49 000 yeyophuhliso lwezorhwebi noluyakuthi lugqityezelwe kuphela ekuphelani kwenyanga yeSilimela wama-2013, ngenxa yokufumaneka kweenkampani
Clotex	Uphuhliso lweHlokondiba	Ewe	2 000	1 167	Izixa-mali ezingasetyenziswanga ezashiyeka kwi-akhawunti yotyalo-mali zabiwa ngolu hlobo:* - R116 000; *IHlokondiba - R167 000; *Inkqubo yokuThomatalisa uXinzelelo lweNgqondo - R526 000
IBhunga le	Uphuhliso lweHlokondiba	Yes	2 913	2 525	Intsalela yemali yabelwa inkqubela phambili yewebhusayithi nezixhobo zekhompyutha.

Igama lomtshintsheli	Isizathu soku-setyenziswa koncedo-mali	Ukuthobelana ne38 (1) (j) ye-PFMA	Isixa-mali sotshintshelo (R'000)	Isixa-mali esisetyenzisiweyo liqumrhu (R'000)	Izizathu zokungasetyenziswa koncedo-mali liqumrhu
					Kukho intsalela yeentlawulo zerhafu yomhlaba ezingenisweyo ukuze zilungiswe nangoku.
Iphulo lophuhliso lobume bezinto ezinxulumene namanzi eNtshona Koloni (WCADi)	Uphuhliso lweHlokondiba	Ewe	1 300	1 130	Imali eshekileyo enikezelwe kwinkqubo yokulungiswa kobume bezinto ezinxulumene namanzi nesetyenziswa ngaphaya kokuphela konyaka-mali.
Umanyano loMbuthe wokutya okucolekileyo lwaseMzantsi Afrika	Uphuhliso lweHlokondiba	Ewe	600	542	Imali eshekileyo enikezelwe kwiinkqubo zokutya okucolekileyo nethi isetyenziswe ngaphaya eku-pheleni konyaka-mali.
Ulwahlulelwano lweDolophu yaseKapa	Umqokumbelo	Ewe	1 000	616	Ama-R384 anikezelwa imisebenzi eqhubela phambili yoonobhala bequmrhu elikhulu, urhwebo kunye noqagamshelwano lwemimandla yeFringe. Isixa-mali siquka iindleko kuTshazimpunzi ukuya kweyeSilimela wama-2013, undoqowesi sixa-mali sisicwangciso soqagamshelwano sokugqibela ekufuneka senziwe kwinyanga yeSilimela.
Inkqubo 5: Isicwangciso soQoqosho					
(WCEDP)Ulwahlulelwano loPhuhliso loQoqosho lweNtshona Koloni (WCEDP)	Ukwenziwa kwemiksebenzi ye EDP		7 850	7 850	–

Igama lomtshintsheli	Isizathu soku-setyenziswa koncedo-mali	Ukuthobelana ne38 (1) (j) ye-PFMA	Isixa-mali sotshintshelo (R'000)	Isixa-mali esisetyenzisiweyo liqumrhu (R'000)	Izizathu zokungasetyenziswa koncedo-mali liqumrhu
Inkqubo 6: Ukhenketho, uMsebenzi woBugcisa kunye Nokonwabisa					
Institute Iziko lokuYilwa kokweNziwa koMsebenzi woBugcisa eKapa	Uphuhliso lweZiko leMisebenzi yobuGcisa	Ewe	4 920	4 852	
Inkqubo 7: Ukuveliswa kweZinto eZintsha noPhuhliso lweZakhono					
Ikholeji yeDolophu yaseKapa	Ukomelezwa kwezakhono kumsebenzi wokuyila	Ewe	85	85	
(IDC)Iqumrhu loPhuhliso lwa-Mashishini	Isifundo sophando ngophuhliso lwezakhono	Ewe	300	–	Imali eshekileyo yengxowa-mali inikezelwe ukwenza imisebenzi engaphaya konyaka-mali wama-2012/13.
Ikholeji yase-Northlink	Inkqubo yoPhuhliso loBugcisa	Ewe	10 980	9 417	Imali eshekileyo yengxowa-mali inikezelwe ukwenza imisebenzi engaphaya konyaka-mali wama-2012/13.
Iphulo laseKapa lemfundiso (LCI)		Ewe	1 300	931	Imali eshekileyo yengxowa-mali inikezelwe imfuneko yokwenziwa komsebenzi ukuya kutsho ngomhla wama-31 kweyeKhala wama-2013.

Olu luhlu lulapha ngezentsi lubonakalisa iintlawulo zotshintshelo nezaziko qingqo-mali ngexesha lomhla woku-1 kuTshazimpunzi wama-2012 ukuya kowama-31 wama-2-013, kodwa akukho ntlawulo zotshintshelo zenziweyo:

Igama lomtshintsheli	Injongo yoku-setyenziswa kwemali	Isixa-mali soqingqo-mali (R'000)	Isixa-mali sotshintshelo (R'000)	Isizathu sotshintshelo-mali
Inkqubo 3: Uphuhliso lweZiko kunye noShishino				
Ukunyuka eKapa		700	–	Iprojekthi yamazibuko okuloba intlanzi yapheliswa
Iphulo lophuhliso lwezinto zendalo ezinxulumene namanzi		780	500	Ukuhanjiswa kweprojekthi yezinto zendalo ezinxulumene namanzi kuzakugqitywa ngo-Oktobha 2013
Inani lilonke		1 480	500	

6.4 Amaqumrhu kaRhulumente

Igama leQumrhu likaRhulumente	Unikezelo ngeenkono zequmrhu likarhulumente	Utshintshelo-mali kumaqumrhu karhulumente (R'000)	Isixa -mali esisetyenziswa liqumrhu likarhulumente (R'000)	Okufezekiswe ngamaqumrhu karhulumente
I-Arhente yokukhuthaza urhwebo kunye notyalo-mali eNtshona Koloni (Wegro)	Ushishino, urhwebo notyalo-mali lommandla	26 762	26 762	Jonga kwiSiqendu B Inkqubo 3: Uphuhliso lwezoRhwebo kunye neZiko
Iziphatha-mandla zezoTywala eNtshona Koloni	Ulawulo lweshishini lezoTywala eNtshona Koloni	24 762	24 762	Jonga kwiSiqendu B: Inkqubo 4:UMmiselo noLawulo lwezoShishino
Iqumrhu loRhwebo kwiNdawo yoku-Fikela	Ukuthengisa iNtshona Koloni njen-gendawo yezokhenketho ekhethekileyo	25 000	25 000	Jonga kwiSiqendu B, Inkqubo 6: UKhenketho, ubuGcisa noLonwabo

6.5 Iminikelo enemiqathango kunye nengxowa-mali ebekelwe bucala efunyenweyo

Akusetyenziswa

6.6 Ingxowa-mali yaBanikeli

Akusetyenziswa

6.7 Utyalo-mali oluyiNzuzo, ulungso kunye nesicwangciso solawulo lwempahla zecandelo

- Inkqubela phambili yokuphunyezwa kwezuzo, utyalo-mali kunye nesicwangciso solawulo lwempahla zecandelo.

Akusetyenziswa

- liprojekthi zamaziko ezigqityezelweyo kulo nyaka kunye nenkqubela phambili xa kuthelekiswa kwizicwangciso ezimisiweyo kwasekuqaleni konyaka. Kunika izizathu zonxaxho lwezinto eziyimpahla (2% unxaxho)

Akusetyenziswa

- liprojekthi zamaziko ezinenkqubela phambili okwangoku (uluhlu lweeprojekthi) nokuba ingaba kulindeleke ukuba zigqityezelwe nini na.

limpahla zecandelo ziyakuthi ziphindiselelwe kwakhona ngezinye ngokomgaqo-nkqubo wolawulo lweempahla zecandelo. Ukongeza iSebe liyakuthi liphucule iziko lalo lokusebenzela apho kuyakuthi iSebe linike ukuba nokufikeleleka kwi- WI FI.

- Izicwangciso zokuvala okanye ukuhlisa nawaphina amaziko akutsha-nje,

Akusetyenziswa

- Inkqubela phambili eyenziweyo ngolungiso lwamaziko akhoyo okusebenzela

Akusetyenziswa

- Uphuhliso olunxulumene noku kungentla lulindeleke ukuba lube nempembelelo kwinkcitho yakutsha-nje yesebe.

Akusetyenziswa

- linkcukacha zokuba ingaba lutshintshe njani na ulawulo lweempahla zecandelo kwixesha lokwenziwa kohlolo ukuquka ulwazi malunga nokuthengiswa kwazo, ukulahleka nokulahlwa kwazo.

Ukuthengiswa kweempahla zecandelo ezili-198 ngexesha lonyaka-mali wama-2012/13

- Kuthathwe amanyathelo ukuqinisekisa ukuba irejista yempahla zecandelo ihlala ikwimo efanelekileyo ngalo lonke ixesha ngethuba lokwenziwa kohlolo.

linkcukacha ezigciniweyo zihlaziywa yonke imihla, nokuthathelwa ingqalelo kwezikhokelo zemiyalelo kunye nolawulo lweempahla zecandelo. Irejista ekubhalwa kuyo iimpahla zecandelo, iirejista zeLOGIS nenkqubo yeBAS ziyanikezelwa rhoqo ngenyanga ukuqinisekisa ukuba zonke zigqityezelwe kwaye zichanekile.

- Imeko yangoku yeempahla zecandelo eziyinzuzo, umzekelo sesiphi isiqingatha sayo esikwimeko efanelekileyo, noko entle okanye embi kakhulu.

60% zikwimeko efanelekileyo

35% noko zikwimeko entle

5% zikwimeko embi kakhulu

- Iiprojekthi zoLungiso ezingundoqo ezithe zaqalisa ngexesha lokwenziwa kohlolo.

Akukho projekthi zolungiso ziyimfuneko kakhulu ezithe zaqaliswa ngethuba lokwenziwa kohlolo. Iimpahla zecandelo zigcinwa ngokuhambelana neenkonzozo zemizi ekwenziwa kuyo iziveliso zeencwadana, njengokuba kuyimfuneko.

- Inkqubela phambili ethe yenziwa ngokuchaza ngemiqobo yolungiso ngexesha lokwenziwa kohlolo, umzekelo, ingaba le miqobo icuthekile okanye ithe yongezeleleka? Ingaba umyinge wenkqubela phambili ukuhambelana nesicwangciso esimisiweyo? Ukuba akunjalo kutheni, kwaye ingaba kuthathwe manyatheko mani ukuhlala kubanjwe umkhondo.

Akusetyenziswa

Iimpahla zexabiso zithengwa phantsi kwesivumelwano kuphindwe kuthengwe ezinye xa isivumelwano siphelile limesha. Ezi mpahla zigcinwa ngokulandela imiqathango ekwincwadana yomvelisi. Isivumelwano sikwashwankathela nangenkqubo yokugcina impahla eqinisekisa ukuba zihlala zigcineke kakuhle.

Iiprojekthi zeziko lokusebenzela	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo lokugqibela	Olonalwabiwo	Inkcitho eNgaphantsi/ (eNgaphezulu)	Ulwabiwo lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho eNgaphantsi/ (eNgaphezulu)
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Iimpahla zecandelo ezintsha nezithatha indawo yezinye	2 693	2 477	216	2 806	2 806	-
Iimpahla zecandelo zeziko lokusebenzela elikhoyo						
- Ukongezwa neenkqubela phambili						
- Ukubuyiselwa kwimo yesiqhelo, ukuhlaziywa nokwenziwa ngokutsha						
- Ukulungiswa noLondolozo						
Utshintshelo lweZiko lokuSebenzela						
- Ezkutsha-nje						
- Okuzuziweyo						
Inani lilonke	2 693	2 477	216	2 806	2 806	-

ICANDELO C: ULAWULO

1. INTSHAYELELO

iSebe likucacisile ngokuqhubeka kwalo lizimisele ngolawulo elikwizinga eliphezulu ngonyaka ka 2012/2013, ngokuphinda-phindeke kathathu. Okokuqala, iSebe liyigcinile iKomiti yoLawulo lweSebe iphethwe ligosa lobalo zimali, kwaye engummeli ophaphamileyo woomanejala abaziintloko nazo zonke iinkqubo. Elona futhe eliqhuba uluhlu lwemicimbi exoxwayo yekomiti, injongo neminqweno yayo kunye zezinto ezibalulekileyo, zonke zivela kwingxelo ka King iii lwequmrhu lolawulo. Ikomiti yenziwe yasebenza ngokwemimisele engqingqwa evunyiweyo yonyaka, iincwadi zokuchongwa kwawo onke amalungu kunye neentlanganiso zonyanga ntathu apho yonke imicimbi yolawulo iqwalaselwa khona ethi ibandakanye kodwa ingapheleli nje kwizihloko ezibandakanyiweyo kwelicandelo.

Okwesibini, iSebe lixabise kakhulu uqeqesho lwabasebenzi kunye nophuhliso ethi ivelise ulwazi kwaye okukuxhotyiswa koluntu ngesakhono kuthi kuguquleleke njani kuhanjiso lweenkonzo. Ngaso esi sizathu, ukunikezelwa ngoqeqesho lwabasebenzi yinkqubo equlunqiweyo apho kuphela, olufunekayo, nolukhangelwayo kunye noluvunyiweyo uqeqesho luthi luqinisekise. Ukunika imbeko kolugunyaziso ngomxholo wokunikeza uqeqesho, kwaye nakokwekomiti yolawulo lweSebe, unyaka ka 2012/2013 uye wajongana nomgudu ngexesha uGqr.Mervin King waqinisekiswa ukunikeza ngolona qeqesho kwikomiti yolawulo nakumahlakani okusebenza kweSebe.

Okwesithathu, kwaye ngomoya wokwenza ulawulo olungcono ngeemali zikarhulumente, iSebe liye laqwalasela kwakhona iinkqubo zotshintshelo kubaxhamli ngokucebisana neSebe leenkonzo zomthetho yeNkulumbuso. Iimfuno zokwandiswa kolawulo zaye zenziwa ngexesha lika 2012/2013 ezathi zonke zanyanzelisa abaxhamli ukuba baqinisekise iimali zikarhulumente ezifunyenweyo zilawulwe ngendlela eyiyo, nangokuphumelelisayo kwaye nangoqoqosho kwaye zinike isiqinisekiso kwiSebe esifanayo.

2. ULAWULO LOKUBA SEMNGCIPHEKWE

Abemi bathembela kurhulumente ekubonelelweni ngeenkonzo ezibalulekileyo. Balindele iinkqubo ezenziwa kakuhle kwaye nemali yerhafu ichithwe ngenkathalo. Ngokwendalo yakho urhulumente uthatha umngcipheko omkhulu ekuhlaleni kwaye anikezele ngeenkonzo ezimandundu apho iimpazamo zinokutyabula, ubomi bunokuchaphazeleka kwaye uhanjiso lweenkonzo lunokukrokreleka. Ngoko ke, urhulumente ufuna indlela efanelekileyo yokuhlangabezana nomngcipheko.

Umngcipheko ngumphumela yokungaqiniseki ngeenjongo zikarhulumente kwaye yilento ethi izise ubungozi kunye nethuba. Ubunganga kunye nobuphothophotho bukaRhulumente ekuphenduleni kakuhle ngakumbi ngamaxesha okungaqiniseki kuyimfuneko ukuqinisekisa ubunganga bexesha elide. Igosa lobalo zimali (AO) lithatha uxanduva lwe ERM ngokwesikhokelo nemimisele solawulo lwemingcipheko se National Treasury Public Sector kwiSebe leNkulumbuso linikezela ngeenkonzo zenkxaso enobuchule. Le nkonzo ithi iqhube uhambo lwe ERM lwexesha elide. Le nkonzo ithi iqhube uhambo lwe ERM lwexesha elide.

ISebe lithe lakhula ngokuqhubekisayo apho imingcipheko ebalulekileyo emayela neenjongo ithe yahlolwa ngokwemimisele yegalelo kunye nefuthe, kwaye neempedulo kumngcipheko zimiselwe. Iirejista ezibaliweyo kunye nezithi zihlolwe rhoqo, abanini mingcipheko bayabelwa kwaye baphendule kuhlolo lonyanga ntathu (QPR) kwaye okanye kwiintlanganiso zolawulo lwemingcipheko zamashishini (IKomiti YoLawulo).

Nangona ibalulwa into yokuba hayi yonke imingcipheko inokushenxiswa, sisenzo esihle kwiinkokheli okokuba zibalule ukuba ulawulo lwemingcipheko lingumphemeleli obalulekileyo kwisithethe sulawulo olufunekayo lwemingcipheko eliyakuthi lixhase i-WCG kwimizamo yakhe ekuhlangabezaneni neenjongo zakhe, anyuse amathuba kwaye enciphise iziphumo ezingalunganga.

3. INKOHlakalo kunye nobuqinga

URhulumente weNtshona Kolini wamkele isicwangciso buchule esingahambisaniyo nobuqinga esithi siqinisekise ubume bephondo bokungamkeli konke konke inkhlakalo kunye nobuqinga. Kwakhona iSebe linesicwangciso sokukhusela inkohlakalo esivunyiweyo.

Uphando lwasenkundleni luyaqhubeka lunikezelwa yi-shared Forensic Investigation Unit eyathi yabunjwa kwiziko leenkonzo zamaqumrhu kwiSebe leNkulumbuso. Imijelo ethile yokuxela izityholo zenkohlakalo nobuqinga

zikhona, kwaye zicaciswe banzi kwisicwangciso sobuchule sokulwisana nobuqhinga kunye nesicwangciso seSebe sokukhusela inkohlakalo. Isityholo ngasinye esifunyenwe yi Forensic Investigating Unit siyabhalwa kwisixokelelwano sokulawulwa kwamatyala ethi sisetenziswe njengesixhobo solawulo yokunika ingxelo kwinkqubela eyenziweyo ngamatyala amayela na neSebe.

Siyabakhusela abo bakhalisa umlozi berhanela inkohlakalo, ubuqhinga kunye nobusela ukuba ukubhengezwa kukubhengezwa okukhuselekileyo (i.e. kungabi nolunya). Ithuba lokuhlala lingaziwa igama liyanikwa naye nawuphina umntu onokuthanda ukuxela izenzo zenkohlakalo, ubusela kunye nobuqhinga kwaye xa bekwenza oko ngokwabo, izinto ezichaza bona ziyakugcinwa ziyimfihlo ngulomntu abathi baxele kuye.

Sukela nje ukuba ubuqhinga buqinisekise emva kokugqitywa kophando, umsebenzi ophathelele ekuthatheni inxaxheba kwezi zenzo ufanelwe kukuya kudliwano ndlebe loluleko. Kuzo zonke ezomeko, ummeli we WCG oququzelela ezinkqubo zoluleko kufanele ukuba ayalele ukugxothwa komsebenzi lowo ubandakanyekayo. Apho uluvo lokuqala ngobungqina bokuziphatha gwenxa luye lafumaneka, ubume bokuziphatha gwenxa buyaxelwa kwiiNkonzo zobuPolisa OmZantsi Africa.

4. UKUNCIPHISA IMPIKISWANO MALUNGA NENTSEBENZISWANO

ISebe lithatha impikiswano malunga nentsebenziswano njengeyona nkalo ibalulekileyo emayiqwalaselwe kwezabasebenzi. Onke amalungu ekomiti eziniki maxabiso esebe aye atyikitye izibhengezo zokuba nomdla kuzo naziphina iziniki maxabiso/ingxelo zamaxabiso kwaye ukuba kikho nayiphina impikiswano, amalungu abandakanyekayo ayakhutshwa kulontlanganiso. Abanikezi stokhwe bayacelwa ukuba bagcwalise ixwebhu le WCBD4 elifuna ukuba babhengeze nawaphina amalungu osapho abandakanyekayo kwinkqubo yokufumana okanye abaqeshwe liSebe. Ulwazi olukwi WCBD4 luthi luqinisekise liSebe phambi kokuhlolwa kwezinikezi maxabiso / ingxelo zamaxabiso.

5. UMTHETHO WOKUZIPHATHA

Onke amagosa ezabasebenzi atyikitya umthetho wokuziphatha sukela nje emva kokuthatha imisebenzi yabo. Iziqulatho zomthetho wokuziphatha ziyaxoxwa nomsebenzi ngamnye ukuze bakuqonde ukubaluleka bobume belixwebhu.

6. IMIBA YOKUSINGQONGILEYO KUNYE NOKHUSELEKO LWEMPILO

Ngokichongwa komanejala wezoKhuselo ozimiseleyo kunye neKomiti yezoKhuselo kwisakhiwo se Waldorf iinzame ezicingisisekileyo ziye zenziwa ukunyusa imimiselo yokhuseleko kwiSebe. ISebe likwakhona kwi Western Cape Government Transversal Safety and Security Managers Forum, ethi ihlale ukwenziwa kwemimiselo yezokhuseleko kumasebe ewonke.

Ngonyaka ka 2012 iSebe lavelisa kwaye lamkela isicwangciso sokuqhubekisa amashishini ukuze amelane nezinto ezinokwehla. Inkqubo yaye yamiselwa ukubekwa kwisenzeko kweengcebiso zengxelo yohlalutyo lolwazi lezokhuseleko. ISebe liqhubekile lithatha inxaxheba ekuqondeni ngokhuseleko kunye nezokhuselo zephondo ibe eyona njongo ikukuphuhlisa isiCwangciso esinguNdoqo wezoKhuseleko. Nge 4 ka Oktobha 2012, uMlawuli wezoKhuseleko kuRhulumente: IQela loPhicotho kunye nezokuHlona kwiinkonzo zamaPolisa oMzantsi Africa zaye zenza uphicotho olubambekayo lwezokhuseleko kwiSebe. ISebe lazusa amanqaku angu 91%.

Umntu ozimiseleyo waye wachongwa ukuze alawule imiba yezempilo nokhuseleko kwiindawo zokusebenza kwiSebe. Ngenxa yotshintsho kubasebenzi kunye nombutho, isiCwangciso sezinto ezinokwehla seSebe siphantsi kokuhlolwa. Ngo Disemba ka 2012, uvavanyo lokufudukiswa kwesakhiwo lwenziwa ngempumelelo. Inkqubo yokusebenza esemgangathweni ikhona ukuze ihlangabezane nemiba yangaphakathi yemihla ngemihla kwaye ihlale igcinakele.

7. IYUNITHI LOLAWULO LWANGAPHAKATHI

Imo yolawulo sisekelo sawo onke amalungu olawulo lwangaphakathi. Ikomiti yolawulo kunye nabaphathi abaphezulu benza isandi esiphezulu ngokumayela nolawulo lwangaphakathi kunye nemigangatho elindelekileyo yokuziphatha. Imo yolawulo ibonelela ngengaqeqesho, inkqubo kunye nolwaxhiwo. Imo yolawulo ixhaswa yimigaqo nkqubo neenkqubo ezenziwe phakathi kwiSebe. Le migaqo nkqubo neenkqubo ithi ijongwe ngabanikezi beziqinisekiso abaliqela kuquka noMphicothi Zincwadi Jikelele, unoNgxowa wePhondo, Umphicothi zincwadi wangaphakathi, kunye neYunithi yolawulo lwangaphakathi.

Uxanduva olulindelekileyo kwiyunithi yolawulo lwangaphakathi lucacisiwe kuxwebhu lwesicwangciso lwemisebenzi kwaye yaziswa ngeendlela ezininzi. IYunithi yolawulo lwangaphakathi iguqulele oluxanduva elikwixwebhu lwesicwangciso sokusebenza, zabe ziinkqubo zokusebenza ezisemgangathweni, amaphepha okusebenza kwaye okanye uluhlu lwezinto ezifuna ukukhangelwa ukuncedisa ekujongweni nokunika ingxelo ngeentswelo zolawulo lwangaphakathi kunye namatyala okungavumelani.

Ngonyaka mali ka 2012/13 iyunithi yolawulo lwangaphakathi iye yenza uphicotho olukhethekileyo kwifayile zeprojekti zolawulo lwezabasebenzi, kwifayile zeprojekti zokutshintshelwa kweentlawulo kunye neefayile zokulawulwa kobuqili babantu. Njengenxalenye yophicotho oluqhubayo, iyunithi yolawulo lwangaphakathi iqhube uphicotho kuzo zonke iintlawulo, izinto ezikhoyo, izivumelwano, ingeniso, ingxelo ngemali ezexeshana nezonyaka kunye nophicotho ng. Ngexesha lonyaka, iyunithi yolawulo lwangaphakathi yafumana yaze yaqeqesha bonke abasebenzi bolawulo lwangaphakathi ngesixhobo sophicotho esincediswa yikhomputha ibe yi ACL. Esixhobo silincedile iqela ekukhetheni iisampula kwaye nokulandela inkqubo zohlalutyo lwencitho.

Ukungabikho kobume obufanelekileyo bolawulo lwangaphakathi, obenziwayo ngoku ngunNgxowa wePhondo, iyunithi yolawulo lwangaphakathi yathi yenza ubume bolawulo lwangaphakathi kanye le ikwi simo sokuqulunqwa. Oluxwebhu lisetenziswa njengesisekelo sawo wonke umsebenzi owenziwayo yiyunithi.

Iyunithi kwakhona yenze isicwangciso sokuphucula ulawulo lwemali esithi sidwelise zonke iinkalo zomngcipheko onokuba kwiyunithi nganye yolawulo lwemali kwaye ichonge umsebenzi othembekileyo ngomngcipheko ngamnye. Oluxanduva lubekwa kubasebenzi hayi kuphela kulawulo lwemali kodwa nakumanye amaziko olawulo nabasebenzi abakwiSebe. Esicwangciso sokwenza ulawulo lwemali saye sabekwa liGosa EliyiNtloko lemali kwikomiti yamalungu alawulayo. IYunithi yolawulo lwangaphakathi ijonga ukuphumeleliswa kunye nenkqubela yezenzo ezichongiweyo kwisicwangciso sokwenza ulawulo lwemali njengenye yemisebenzi yolawulo eyahlukeneyo kunye nokujongwa ukuvumelana ekuthi kwenziwe phakathi kwiyunithi.

8. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO ZINCWADI

Sonlisekile kukubonisa ingxelo yethutyana yonyaka mali ophela nge 31 Matshi 2013.

Amalungu ekomiti ophicotho zincwadi kunye nokunyameka

NgokweziNdululo zeKhabhinethi 55/2007, iSebe IPuhliso loQoqosho noKhenketho lisetenzelwa yiKomiti yoPhicotho zincwadi lehlokondiba lezoqoqosho. IKomiti yoPhicotho zincwadi inamalungu adweliswe apha ngezantsi kwaye kufanele ahlngane nokuba ngamaxesha amane enyakeni ngokwakwimimiselo yabo evunyiweyo. Ngexesha Lalonyaka uhlolwayo, iintlanganiso ezi 7 zazibanjiwe.

